# IZIQULATHO


| INDIMA A: IINKCUKACHA NGOKUBANZI | 2 |
|---|---|
| 1. Iinkcukacha zeziko likarhulumente ngokubanzi | 2 |
| 2. Uluhlu llwezifinyezo/Amagama akhiwe ngoonobumba bokuqala | 2 |
| 3. Inkcazelo | 3 |
| 4. Amagunya omthetho namanye | 3 |
| 5. Ubume bezikhundla kwiziko | 4 |
| 6. Ingabula-zigcawu kaSihlalo | 5 |
| 7. Inkcazelo yeNgqonyela | 6 |
| 8. Ingxelo yokuthabatha uxanduva nokuqinisekisa ukuchaneka kwengxelo yonyaka | 22 |
| **INDIMA B: IINKCUKACHA ZOKUSEBENZA** | **25** |
| 1. Ingxelo yoxanduva lweenkcukacha zokusebenza | 25 |
| 2. Ingxelo yoMphicothi-zincwadi: Iinjongo ezibekwe ngenx'engaphambili | 26 |
| 3. Iinkcukacha zokusebenza kwenkqubo nganye | 26 |
| 4. Isishwankathelo seenkcukacha zemali | 35 |
| **INDIMA C: ULAWULO** | **37** |
| 1. Intshayelelo | 37 |
| 2. IBhunga | 37 |
| 3. Ulawulo lobungozi | 40 |
| 4. Icandelo lolawulo lwangaphakathi | 40 |
| 5. Icandelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi | 40 |
| 6. Ikomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo | 41 |
| 7. Ukuthobela imithetho nemimiselo | 41 |
| 8. Ubuqhopholo norhwaphilizo | 41 |
| 9. Ukunciphisa imbambano yemidla | 42 |
| 10. Umgaqo wokuziphatha | 42 |
| 11. Imiba yezempilo, eyokhuseleko neyokusingqongileyo | 42 |
| 12. Uxanduva loluntu | 42 |
| 13. Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi | 43 |
| **INDIMA D: ULAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI** | **47** |
| 1. Intshayelelo | 47 |
| 2. Iinkcukacha-manani zobongameli bemicimbi yabasebenzi | 48 |
| **INDIMA E: IINKCUKACHA ZEMALI** | **51** |
| 1. Ingxelo yokuthabatha uxanduva | 51 |
| 2. Ingxelo yeNgqonyela | 52 |
| 3. Ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele | 53 |
| 4. Iingxelo zemali zonyaka | 55 |

# INDIMA A

## IINKCUKACHA NGOKUBANZI

## 1. IINKCUKACHA ZEZIKO LIKARHULUMENTE NGOKUBANZI

| | |
|---|---|
| Igama elibhalisiweyo: | The Playhouse Company |
| Idilesi yesitalato: | 29 Acutt Street, Durban, 4001 |
| Idilesi yeposi: | P O Box 5353, Durban, 4000 |
| Inombolo yomnxeba: | +27 (0)31 369 9555 |
| Inombolo yefeksi: | +27 (0)31 306 2166 |
| Idilesi yeimeyili: | cfo@playhousecompany.com |
| Idilesi yeWebsite: | www.playhousecompany.com |
| Abaphicothi-zincwadi bangaphandle: | uMphicothi-zincwadi Jikelele weloMzantsi Afrika |
| Ibhanka: | First National Bank |

## 2. IZIFINYEZO/AMAGAMA AKHIWE NGOONOBUMBA BOKUQALA BAMAGAMA

| | |
|---|---|
| AGSA | UMphicothi-zincwadi Jikelele weloMzantsi Afrika |
| MEC | ILungu leSigqeba |
| BBBEE | INkqubo eXandileyo yokuXhobisa abaMnyama ngezoQoqosho |
| CAMP | INkqubo yeNgcebiso yoBugcisa boLuntu |
| CEO | INgqonyela |
| CFO | IGosa eliyiNtloko yeZemali |
| DAC | ISebe lezoBugcisa neNkcubeko |
| PFMA | UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente |
| TR | IMimiselo yeSebe leZemali |
| MTEF | INkqubo-sikhokelo yeNkcitho yeXesha eliPhakathi |
| SAWAF | UMnyhadala woBugcisa waMabhinqa aseMzantsi Afrika |
| SMME | Amashishini amancinane, aphakathi namakhulu |
| SCM | Ulawulo lokunikwa kweenkonzo neethenda |

# 3. INKCAZELO

## 3.1. Umbono

Ukusebenzela ukugqwesa kwezobugcisa neyantlukwano yenkcubeko kubugcisa obuboniswayo.

## 3.2. Injongo

Ukuphucula, ukukhuthaza nokulondoloza ubugcisa obuboniswayo ngokubonisa iimveliso ezinemfundiso nezonwabisayo kubabukeli abohlukahlukeneyo.

## 3.3. Iinqobo ezisemgangathweni

- Imfezeko
- Ubugcisa
- Ukuba ziintlobo ngeentlobo
- Ukungafihlisi
- Ubulungisa
- Ukukwazi ukunika ingxelo
- Ukugqwesa/ukubalaselae

## 3.4. Injongo enobuchule esekelwe kwisiphumo

Ukuphucula, ukukhuthaza nokulondoloza ubugcisa obuboniswayo.

# 4. AMAGUNYA OMTHETHO NAMANYE

Ngokwecandelo lesi-8(5) loMthetho wamaZiko eNkcubeko we-119 ka-1998, uxanduva lwePlayhouse Company kukuphucula, ukukhuthaza nokulondoloza ubugcisa obuboniswayo eMzantsi Afrika.


IPlayhouse Company isebenza phantsi kwamagunya emithetho eyahlukahlukeneyo equka phakathi kweminye le ilandelayo:

- UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika;
- UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho woku-1 ka-1999 ohlonyelwe nguMthetho wama-29 ka-1999);
- UMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1999 (uMthetho we-119 ka-1998);
- IMimiselo yeSebe leZemali noMthetho woKwahlulwa kweNgeniso, 2010 (uMthetho woku-1 ka-2010);
- UMthetho weeMeko zeNgqesho eziSisiseko, 1997 (uMthetho wama-75 ka-1997);
- UMthetho woNxulumano naBasebenzi, 1995 (uMthetho wama-66 ka-1995);
- UMthetho oKhuthaza iNkcubeko, 1998 (uMthetho wama-35 ka-1983);
- UMthetho woKhuseleko neZempilo eMsebenzini, 1993 (uMthetho wama-59 ka-1993); kunye
- NoMthetho weMimiselo yoLawulo Gabalala, 1983 (uMthetho wesi-6 ka-1983).

# 5. UBUME BEZIKHUNDLA



**Ukusuka ekhohlo ukuya ekunene:** nguSathie Gounden, uSiphesihle Ndlela, uMalcolm Purkey, uThembi Mtshali-Jones (uSekela Sihlalo), uLinda Bukhosini (iNgqonyela noMlawuli wezoBugcisa), uHlengiwe Mgabadeli (uSihlalo weBhunga), uKhwezi Kunene, uFikile Khumalo kunye noNathi Mbele. Ongekhoyo kule foto nguLynette Ntuli.



# 6. INGABULA-ZIGCAWU KASIHLALO

Akukholeleki ukuba ndibe nguSihlalo weBhunga lePlayhouse Company isiqingatha sonyaka nje kuphela. Kuvakala ngathi sele lilide ixesha ndikwesi sikhundla ngenxa yamava endiwafumana kweli ziko, kangangokuba eli xeshana libe lelanelisayo, elincedayo nelivuzayo ngeendlela eziliqela ezahlukahlukeneyo.

Andiyithandabuzi into yokokuba nabanye abantu esisebenza nabo kwiBhunga bayangqinelana nam ngolu luvo.

Baninzi abantu ekufanele ukuba ndibabulele ngoku, kodwa ikakhulu ndifuna ukubulela uSihlalo namalungu eBhodi engaphambi kwethu abathi babeka isiseko esiluqilima esisincede ukuze thina sakhele phezu kwaso.

Ukusebenzisana neNgqonyela uLinda Bukhosini kunye namagosa aphetheyo ePlayhouse Company kuwumilisele kwaye kuwulinganisile umgangatho ophezulu nogqweso kwezobugcisa, zinto ezo libalasele ngazo eli ziko.

Ndinemincili ukuxela ukuba ngaphaya kwemiceli-mngeni emininzi elijamelene nayo icandelo lezobugcisa obuboniswayo, lo nyaka uphelileyo ube ngowempumelelo kwiPlayhouse Company kwizinto eziliqela.

Ndikholelwa ekubeni siphumelele ukunika inkonzo kuzo zonke iindawo ezingundoqo kwigunya leBhunga kwaye ngoku sijonge phambili kwikamva eliqaqambileyo kwiinzame zethu zokukhuthaza nokulondoloza ubugcisa obuboniswayo.

Enye yezinto ezingundoqo kwimpumelelo yethu bubudlelwane phakathi kweBhunga, abaphathi abaphezulu nabasebenzi basePlayhouse Company,obuhle, obunobubele nobunika umvuzo macala. Enye into enika isiqinisekiso sempumelelo yindlela abaphathi beli ziko abazinikele ngayo kumgangatho ophezulu wemikhwa esesikweni yoshishino nolawulo lwequmrhu.

Iyasikhuthaza kakhulu into yokokuba iPlayhouse Company ithe gqolo ukubalasela kwimfezeko yezobugcisa kunye nokugqwesa kuzo zonke iinzame zayo – nokokuba ngaba ibonisa umboniso weengcungcu obutha iimbasa ezibalaseleyo eziliqela okanye yenza indibano yokuncazelana ngezimvo elokishini apho amagcisa asakhasayo athi anxibelelane namagcisa aphumeleleyo ngenjongo yokuphucula izakhono zawo.


Noxa kukho impumelelo eninzi esiyifumeneyo kulo nyaka kodwa asikwazi ukurhuqa iinyawo. Kusekho imiceli-mngeni efuna ukulungiswa ngokukhawuleza. Owona uphala phambili ngulowo wokugcina inqanaba elizinzileyo lenkxaso-mali unyaka wonke. Xa ingekho inkxaso-mali iPlayhouse Company ayizukwazi ukuzalisekisa igunya layo lokudala amathuba emiboniso, ukusungula ubudlelwane obunobuchule namazwe ngamazwe kunye nokuzisa imiboniso eyahlukahlukeneyo nekwinqanaba eliphezulu.

IBhunga lam liza kuzama kangangoko linako ukufumana inkxaso-mali kwaye siqinisekile ukuba siza kulufumana uncedo oluncumisayo kokubini kwicandelo laseburhulumenteni nelabucala.

Kufuneka sileli ziko siqhubeke nobudlelwanwe bokusebenza obuhle obuphakathi kweBhunga, iNgqonyela nabasebenzi abaphantsi kwayo nobuqinisekisa ukuba siwenza ngobuchule umsebenzi wethu. Mandithi maz'enethole kwiintloko zeekomiti ezahlukahlukeneyo nakuwo onke amalungu eBhunga endilikhokelayo ngobunkokeli, ixesha negalelo labo elixabisekileyo.

Ndigqithisa umbulelo ongazenzisiyo kwiNgqonyela nabaphathi abayintloko ePlayhouse Company. Bebeyazi kakuhle imiceli-mngeni ebebejongene nayo kodwa basebenze ngendlela ebesingayilindelanga nencomekayo.

Okokugqibela ndithanda ukugqithisa umbulelo owodwa kubathathi-nxaxheba bethu, ngokukodwa amagcisa ewonke, amajelo eendaba, abaxhasi bethu abanyanisekileyo kunye neSebe lezoBugcisa neNkcubeko. Ibaluleke kakhulu intsebenziswano yenu kwiinzame zethu zokuzisa ubugcisa eluntwini kulo nyaka uphezulu.



***Nkszn Hlengiwe Christophina Mgabadeli***
USihlalo weBhunga



# 7. INKCAZELO EMFUTSHANE YENGQONYELA



Nkszn Linda Bukhosini
INgqonyela noMlawuli wezoBugcisa

Kubaluleke kakhulu ukugcina ukugqwesa kwezobugcisa, ubudlelwane boshishino obuphilileyo kunye nemikhwa yolawulo olunobulungisa kulingana khon'ukuze siphumelele kweli candelo lobugcisa obuboniswayo nelisoloko lineenguqu. Lo nyaka uphononongwayo nawo uyinxalenye yale mithetho-siseko eqhuba umsebenzi weli ziko lethu.

Siqwalasele ngochulumanco olukhulu okokuba kukho uhlumo kumgangatho wemiboniso kwinqanaba elinobuchule nakwinqanaba labasakhasayo. Olu hlumo luquka phakathi kwezinye izinto ikonsathi yegospile eneemvumi ezingaphaya kwe-150 ekukho kuzo uJudith Sephuma, ziphelekwa yimilonji yekwayala yeemvumi ezingama-80 neorkestra enezikhaliso ezingama-65; iimvumi zescathamiya ezingaphaya kwama-2 000 zibonisa umculo omnandi kukhuphiswano lobusuku bonke; umboniso womdaniso oquka umdlali-katala kamaskandi uMadala Kunene, uVishen Kemraj kwitabla, kunye nombongo ovela kuEwok uphelekwa yiPlayhouse Dance isebenzisana neLliane Loots' Flatfoot Dance Company. Elona qhayiya lethu kwimiboniso yobugcisa ngumboniso othandwa kakhulu iRace, enabadlali bemiboniso abazuza iimbasa nabathi bafumana iPick of the Fringe kwiEdinburgh Festival eyayiseScotland.

Ukufumana ingxelo encumisayo kuMphicothi-zincwadi Jikelele kubonisa inkcubeko yolawulo olunobulungisa olusungulwe kule minyaka esibhozo edlulileyo, lo gama kwiminyaka emihlanu eli ziko lithe lafumana ingxelo entle nengenasikhwasilima yophicotho-zincwadi. Oku komeleza ukuthembeka kweli ziko kubaxhasi bethu bezimali abohlukahlukeneyo, kuquka phakathi kwabo iSebe lezoBugcisa neNkcubeko laKwaZulu-Natala kunye noMasipala waseThekwini, kwaye ngaphandle kwenkxaso-mali yabo bekuya kuba nzima ukuvelisa nokuthengisa iimveliso ezibonisa ubuhle bobugcisa neenkcubeko zelizwe lethu ezahlukahlukeneyo.

Lo gama sisebenza phantsi kwemeko enzima yezemali, ukuthotywa kohlahlo-mali kwakamva nje kudale ukuhla kweenkonzo eziza kunikwa leli ziko kule minyaka mibini izayo. Noxa kunjalo, siyaqhubeka ukusebenzisa zonke izixhobo esinazo ngokukuko ukuqhuba umsebenzi



esiwuthwalisiweyo wokunika iimveliso ezisemgangathweni nokuphuhlisa ubugcisa. Ukuza kuthi ga ngoku siyaqhubeka nokubonisa iimveliso ezidala iincoko, ezikhuthaza iingxoxo-mpikiswano kwimiba echaphazela abantu kwaye sisebenza njengeziko elizisa iinguqu nezimvo ezintsha eluntwini. Ngokubonisa iimveliso ezibonisa iinkcubeko ngeenkcubeko siza kuqhubeka nokuzama ukumilisela imvisiswano size sikhuthaze umanyano noxa singafani.

Iinjongo ebezimiselwe lo nyaka uphononongwayo ziphunyeziwe ubuninzi bazo kwaye ezinye ziphunyezwe ngaphezulu kokuba bekulindelekile. Ubukhulu balo msebenzi wenzeke ngenxa yokusebenza ngokuzinikela nokuzimisela kwabasebenzi beli ziko. Samkela iBhunga elitsha elizibandakanye neli ziko ngeyoMqungu kulo nyaka nelikhokelwa nguSihlalo walo uNkszn Hlengiwe Mgabadeli oligqala lomzabalazo. Kweli Bhunga silindele ukukhokelwa nokuxhaswa lilo. Iyasivuyisa impumelelo esiyifumene kunyaka-mali ophelileyo kwaye siza kuzama kangangoko sinako ukuba sisebenze kakuhle nangaphezulu kunoku kulo nyaka umiyo. Oku kuza kwenzeka kuba sifumana inkxaso-mali nentsebenziswano eqhubekayo kurhulumente, kwiBhunga lePlayhouse, kubasebenzi beziko abasebenza ngokuzinikela, inkxaso-mali evela kushishino lwabucala, inkxaso yamajelo eendaba, eyababukeli bethu abathembekileyo kwakunye neyamagcisa ngenkqu.

Ngentsebenziswano siza kukwazi ukwenza izinto ezinkulu kwaye siphumelele nangaphezulu koku.

| | IIMVELISO | IMIBONISO | ABABUKELI |
|---|---|---|---|
| NGAPHAKATHI | 61 | 216 | 88 038 |
| IQONGA ELIJIKELEZAYO | 7 | 28 | 130 300 |
| NGENTSEBENZISWANO | 18 | 170 | 54 994 |
| ABAQESHI BANGAPHANDLE | 52 | 83 | 46 611 |
| **TOTAL** | **138** | **497** | **319 943** |



**Freedom: Playhouse Dance Residency**

# Iimveliso zangaphakathi

(Zixhaswe ngokupheleleyo ngemali kwaye ziveliswe yiPlayhouse Company.)

## Umnyhadala woBugcisa boLuntu (iCAF)

Le nkqubo ivala umsantsa wezakhono phakathi kwamagcisa asakhasayo nalawo asele ephumelele. Le nkqubo yoqeqesho olunabileyo inyanga mbini inezifundo zamihla yonke zokudanisa, ezokuyilwa komdaniso, ezokuqamba, ezobuchule bokubonisa, ezemibhalo-ngqangi kunye nezokulawula imiboniso kwaye ezi zifundo zifundiswa ziincutshe kweli candelo lobugcisa. Isiphumo seCAF ziimveliso eziboniswayo nezibonisa umsebenzi owenziwe ngeli xesha loqeqesho.

## Amaqonga amatsha

### IFreedom

Le yimveliso yomboniso womdaniso eyenziwa yiPlayhouse Dance Residency kwaye ihlola uluvo lwenkululeko eMzantsi Afrika ikwajonga nemibhiyozo yeminyaka engama-20 yedemokhrasi kwilizwe lethu.

### Ilembe

*iLembe* ngumdlalo onamandla kakhulu obonisa iinyanga zokugqibela zobomi beNkosi uShaka (kaSenzangakhona), obulumko nesiphiwo sakhe sokuphatha kunye nobugorha bakhe bamenza wayenye kumakhosi akwaZulu akhaliphileyo.

### iDoubt

Eli libali elivus'umnyele lesikrokro nexhala elisethwe ku-1964 kwaye liphononga umfundisi orhanelwa ngokuziphatha gwenxa. Lo mdlalo uyachukumisa kanti unobugcisa, unobuqhetseba kanti unovelwano, iDoubt ngumdlalo omnandi wedrama ofumana amandla awo kukuntsokotha kwawo. UJohn Patrick Shanley ongumbhali-ngqangi walo mdlali nozuze imbasa yePulitzer Prize neTony Award usebenzisa ulwimi olulandeleka lula noluvuthiweyo xa esikhokelela ngokukhalipha kwindawo engabambekiyo nakumathunzi endalo yomntu nasenyanisweni. Lo mdlalo ulawulwa nguJames Cunningham. Abanye babadlali abadlala kuwo nguFiona Ramsay, uFaniswa Yisa, uJames Alexander noJanna Ramos-Violante.



**URalph Lawson ekunye noNhlakanipho Gamede bekuqqeqesho ngethuba loMnyhadala woBugcisa boLuntu.**

## Ingoma

Olu lukhuphiswano lomxhentso womthonyama wakwaZulu oquka imixhentso efana nesigekle, Ushameni, Ingoma yezintombi kunye nengomasikhuze. Lo ngumsitho owenziwa rhoqo ngonyaka notsala umdla wababukeli abathanda umculo nomxhentso ababalelwa kuma-6 000 abavela kwiphondo liphela.

## Iscathamiya

Ukhuphiswano lukazwelonke lweScathamiya luyinxalenye yenyanga yamagugu kwaye luyenye yezinto zolonwabo zeCelebrate Durban. Lo mculo womthonyama uneemvumi ezingaphaya kwama-2 000 ezivela mbombo zonke zeli lizwe. Ezona zinto zingundoqo walo mnyhadala ngamanene angahlalwa ntwala anxiba kakuhle abizwa ngokuba ngooswenka abetha ngomdaniso obukelekayo.



## UMnyhadala woBugcisa waMabhinqa aseMzantsi Afrika (SAWAF)

ISAWAF ebanjwa ngenyanga yamanina rhoqo ngonyaka inembali ende yokunika inkxaso kubugcisa bamabhinqa kwanokudala ingxoxo en-engqiqo lo gama ibonisa imiboniso evus'umnyele. UMzantsi Afrika utyebile kwitalente yemiboniso kwaye lo mnyhadala unika iqonga kwa-banye abadlali ababhinqileyo bemiboniso abaphambili kumacandelo emidaniso, awomculo, kwidrama, kwimidlalo ehlekisayo, kwimibongo neengxoxo, ukonwabisa, ukuchukumisa nokukhanyisela ababukeli kwakunye nokudala iinkumbulo ezihlala ixesha elide.

### Intandokazi Women's Club

IPlayhouse Company, ibambisene neIndependent Newspapers (Pty) Ltd, izise Isolezwe Intandokazi Women's Club. Le ndibano idale iqonga elinomdla lamabhinqa amancinane namadala lokuncokola ngemiba equka imfundiso ngezemali (ukuphuma ematyaleni, uqingqo-mali, ukutyal'imali) kunye neengcebiso ngoshishino, ezempilo, ifashoni, ukuzilungisa ngokuqaba izithambiso nemiba yobudlelwane.

### Imini evulelekileyo

ISebe leZempilo neleZolimo anike ikliniki ejikelezayo eneenkonzo zasimahla zoluleko ngokwasemoyeni nezokuxilongelwa iindidi ngeendidi zezigulo. Bekuboniswa ngemifuno ekhuthaza ubomi obunempilo kwabo bebehambele ithiyetha.

### Imini yabantwana

Le yimini yokonwabisa nokufundisa abantwana ngethiyetha.

### iGala Concert

Le yikonsathhi ekhethekileyo ebanjwe kwakanye qha ukubhiyozela iNyanga yaManina kunye neminyaka engama-20 yedemokhrasi ekwakucula kuyo iMafikizolo; uNaima Kay noDJ Happygirl, nezinye iimvumi eziliqela. Le konsathi yayilawulwa nguSomizi Mhlongo.

### Ubugcisa nomsebenzi wobugcisa

Lo ngumboniso wemisebenzi echongiweyo ukhuthaze waza wabhiyozela iitalente nokomelela kwamabhinqa asemaphandleni.

### iPathlines

Igcisa uNolan Dennis ubonise ngobeko eAlhambra Room. Olu beko lufakelweyo luquka amagama angaphaya kwama-50 000 abhalwe ngesandla kwiindonga eziluqilima nakwilaphu leseyile. Le mizobo iseludongeni mikhulu ihlole indawo yokulondoloza iinkcukacha ezibalulekileyo yePlayhouse Company kwakunye nembali ebalulekileyo yaseMzantsi Afrika, ilandela umkhondo wembali yeendlela ezazihanjwa ngamabhinqa ngethuba esilwela inkululeko eMzantsi Afrika.

### Ukuphehlelelwa kwencwadi

*UNkskz. Precious Mvulane uphehlelele incwadi yakhe yamazibulo ebizwa ngokuba yiThe Essential Finance Handbook for Business Owners: 7 Steps to manage your business financial performance.*



## From Then Til Now

Umdlalo *iFrom Then Till Now* ngumbhiyozo obonisa imifanekiso yexesha lengcinezelo nexesha lenkululeko kwaye unika ukuxhalaba okunobaxo kokufuna ukuhlolisisa zonke iinkalo zedemokhrasi yethu yobuqhawe nokukhalipha. Lo mdlalo unika imbeko, ubhiyozela kwaye uhlonela abantu nemiba ebeke eli lizwe kule ndawo likuyo ngoku. Umyili womdaniso kulo mdlalo nguMark Hawkins nePlayhouse Dance Residency..

## i-Shades

Umdlalo iShades ugxininise kuPearl ongumhlolokazi oselula uyamcaphukela kanobom umyeni wakhe ngokufa amshiye ukuze aluphale elilolo kwaye ucaphukela nonina ngokungamniki uthando awayelunxanelwe esengumntwana. Imixholo ekulo mboniso ikho jikelele kwaye abadlali bawo babonakala lula koomama, oomakhulu, oonyana nezithandwa zezikulwana ngezizukulwana naphi na.. Lo mdlalo ulawulwa nguRalph Lawson kwaye kudlala kuwo uLisa Bobbert, uAleks Robertson, uJane Ross kunye noLouis van Eeden.

## Indibano yokuncazelana ngolwazi yeengcebiso

Indibano yokuncazelana ngolwazi yeengcebiso ebanjwe ngentsebenziswano negqala lethiyetha kwihlabathi, umlawulli wethiyetha kunye nomvelisi waseUnited Kingdom, uNkszn Jude Kelly ibilungiselelwe amabhinqa akwicandelo lezobugcisa ngenjongo yokuphucula izakhono zawo nokuvumbulula ubuchule bamazwi awo njengabadlali kwimidlalo yeqonga.

## Indibano yokuncazelana ngolwazi yobunkokeli

Le ndibano yokuncazelana ngolwazi yonganyelwe nguNkszn Jude Kelly kwaye ihlola indlela yokufumana ubunkokeli obunobuchule nobunegunya isebenzisa iingxoxo nengxoxo-mpikiswano.

## Incoko yabantu abangalinganiyo ngeminyaka

Kumnyaka wayo we-18 le ncoko ebanjwa rhoqo ngonyaka ebizwa ngeNcoko yaMabhinqa angalinganiyo ngeminyaka idale iqonga lamabhinqa amancinane namadala nathe ancokola kulo ngemiba enxulumene naMabhinqa kwiMinyaka engama-20 yeDemokhrasi. Bekukho uShado Twala ongamele inkqubo kukho namanye amabhinqa aquka uKrijay Govender, uThato Tsautse noJude Kelly.

## i-Poetry Session

Indibano yemibongo edibanisa ngohlobo olulodwa imibongo nomculo oculwa ngqo phantsi kwesandla sikaThuli Zuma. Ababukeli bonwatyiswa yimibhalo emitsha evela kwiimbongi zaseKZN ezisakhasayo kwaye bashiywa bengayivali imilomo ngamaqela omculo neemvumikazi ezifana noKhanyo Maphumulo neBlue Savoy.



Imveliso yomculo yabantu abaneziphene emzimbeni: in Blood

# Ixesha leziyolo

## i-Skungpoomery

*ISkungpoomery ligama elitsha lokucinga igama uze ufumane intsingiselo yalo ephambeneyo – nto leyo ishiya amaqhawe ethu enyanyeni nabamelwane babo abafana noNkskz Wibble nabakwaHumbottom kwakunye noSajini Stuff wamapolisa kamasipala! Le mveliso ilawulwa nguRalph Lawson kwaye kudlala kuyo amagcisa asekuhlaleni abalaseleyo.*

## Umbhiyozo weKrismesi

Lo ngumbhiyozo weKrismesi wabathandi bomculo okucula kuwo phambili uJudith Sephuma, uTim Moloi, uBongani Tembe, uLauren Dasappa, bephelekwa yiKZN Philharmonic Orchestra nekwayala yasePlayhouse, iPlayhouse Dance Residency kunye nomphathi wenkqubo uDamon Beard.

## Ikonsathi kaMaskandi

Le konsathi ineemvumi eziphambili kumculo kaMaskandi kwaye ibashukumise bonke abathandi bomculo kaMaskandi. Phambili bekucula uPhuz' Ekhemisi, uMadala Kunene, Ezikabhaka, uVumile Mngoma noMadosini, kwaye abaphathi benkqubo ibinguJuba Special noNgizwe Mchunu.



**Zenzelisphesihle Xulu and Adam Dore: Skungpoomery**



**A Christmas Celebration**

## Iimveliso zokhenketho lwezikolo

### i-Just Don't

Imveliso evus'umnyele ejonga ubomi bamabanjwa kunye namabanjwa alulutsha asele aphuma entolongweni eboniswa ngobushushu nangomyalezo wolutsha onamandla. Le mveliso ikhenkethe iKZN iphela yaza yafikelela kubafundi abangama-27 000.

### i-Uniting the Youth through Dance

*Uniting the Youth through Dance* yimveliso eyakhawulwa yaza yayilwa yiPlayhouse Company Dance Residency. Kwaqeshwa umyili-mdaniso ovunyiweyo waseKapa uChristopher Kindo ukuze aphucule ubugcisa nobuchule bale mveliso, nto leyo yenza le mveliso yanconywa kakhulu ngabafundisi-ntsapho kunye nabafundi ababeyibukele kwithiyetha iLoft ePlayhouse. Bangaphaya kwama-2 000 abafundi baKwaZulu-Natala ababukele le mveliso baza bafumana ithuba lokufunda ngezitayili zemidaniso kwanemfundiso engundoqo emdanisweni. .

### i-Sugar Daddies

Le mveliso elawulwa ligqala laseThekwini lethiyetha uEdmund Mhlongo iquka amagcisa aselula alibali lempumelelo yoMnyhadala woBugcisa boLuntu wePlayhouse Company ebhentsise abafundi abangaphaya kwama-20 000 kwithiyetha ebukelwa ngqo kwakunye nokuzikisa ngalo mboniso ovus'umnyele. *ISugar Daddies* ikwazile ukufundisa abafundi ngemiba enxulumene nokuthandana namadoda amadala beselula kwanabo bonke obunye ubungozi obunxulumene nalo mkhwa.

### i-Horn of Sorrow

Le mveliso ezuze imbasa ibe nokhenketho oluyimpumelelo lujikeleza uMasipala waseThekwini – ifundisa abafundi ngemiba enxulumene nokubiwa kweempondo zemikhombe kwanokubaluleka kokubambisana kwelizwe liphela ukuze kuhlangulwe imikhombe.



Monde Marafana: From Then Till Now

## Ukuvavanya ubugcisa

Ezi konsathi zasimahla zenziwa rhoqo ngenyanga nezingena ngexesha lesidlo sasemini, zenziwa unyaka wonke kwaye zinika amagcisa iqonga elikwinqanaba lobuchule. Le konsathi iquka ihip-hop, isipantsula, indlam kunye nomculo wevangeli.

## I-Sundowners

Uluntu jikelele luza ePlayhouse Company xa luphuma emsebenzini luze kuzipholela ngoLwesihlanu wokuqala enyangeni, luze lonwabele umculo omyoli womngqungqo odlalwa ngqo ziimvumi kunye nemibongo nemidlalo ehlekisayo.



# Iminyaka engama-20 yedemokhrasi

## i-Silent Voice

Lo mdlalo uthetha ngokungcatshwa, ukunyoluka, amaphupha nothando. Ulawulwa nguAubrey Sekhabi kwaye uziswa ngokubambisene neState Theatre, kwaye kudlala uPresley Chweneyagae, uZenzo Ngqobe, uBoitumelo Shisana kunye noDon Mosenye.

## i-The Year of the Bicycle

Umdlalo oyidrama ohlekisayo ovela kulowo wathi waphumelela imbasa *yeNational Arts Festival's Most Promising Student Director Award* ngo-2012, uJoanna Evans. I-The Year of the Bicycle yasethwa ku-1997. U-R Kelly ukholelwa ekubeni angabhabha, uMandela yena wafumana uB kwiziphumo zakhe zikazwelonke kwaye komnye umzi okwihlomela ledolophu abantwana ababini abaminyaka ilithoba ubudala bafunda ukukhwela ibhayisikile nokuphila kwindawo apho kukho into "engalunganga ncam".

## i-Bhakti

Lo ngumboniso womdaniso oquka uMadala Kunene, uVishen Kemraj, iFlatfoot Dance Company kunye nePlayhouse Dance Residency. Uyilo lomdaniso lwalo mboniso lwenziwe nguLliane Loots yaye lo mboniso unika amava awodwa okudibanisa uluvo lwaseMpuma nomculo kamaskandi, imibongo kunye nomdaniso weli xesha.

# Ukhenketho lwamazwe ngamazwe

## i-Race – Edinburgh Festival

Elona qhayiya lethu kwimiboniso yobugcisa ngumboniso othandwa kakhulu *iRace* enabadlali bemiboniso abazuza iimbasa nabathi bafumana *iPick of the Fringe* kwiEdinburgh Festival eyayiseScotland. Abadlali ababalaseleyo kulo mdlalo baquka uPeter Butler, uMichael Gritten, uAndre Jacobs noNondumiso Tembe, kwaye ulawulwa nguClare Mortimer.



Manesh Maharaj, Vishen Kemraj, Madala Kunene: Bhakti

## IIMVELISO ZANGAPHAKATHI

(Zonke iimveliso zixhaswa ngemali ngokupheleleyo kwaye ziveliswa yiPlayhouse Company.)

| IIMVELISO | IMIBONISO | ABABUKELI |
|---|---|---|
| Messiah | 1 | 1 206 |
| INkqubo yeNgcebiso yoBugcisa boLuntu | 3 | 358 |
| Amaqonga amatsha: Ilembe, Doubt , Freedom | 22 | 2 819 |
| UMnyhadala woBugcisa baMabhinqa eloMzantsi Afrika | 26 | 5 448 |
| Ukuvavanya ubugcisa | 13 | 2 200 |
| Iikonsathi nemibongo yeSundowner | 12 | 2 280 |
| ISkungpoomery | 20 | 2 299 |
| Ikonsathi yeKrismesi | 3 | 3 170 |
| Ikonsathi kamaskandi | 1 | 448 |
| Indibano yokuncazelana ngezimvo nokhuphiswano lwesicathamiya | 1 | 1 368 |
| Ukhuphiswano lwengoma | 1 | 3 500 |
| Amaqonga onxibelelwano lwamagcisa:ukufaka izindululo, amalungelo oshicilelo nokuthengisa imisebenzi nombhalo-ngqangi | 3 | 110 |
| Just Don't – Schools Tour | 20 | 27 776 |
| Uniting the Youth Through Dance | 20 | 2 469 |
| Horn of Sorrow | 9 | 3 410 |
| Sugar Daddies – Schools Tour | 20 | 24 387 |
| 20 Years of Democracy: Silent Voice, Year of The Bicycle, Bhakti | 13 | 2 170 |
| Edinburgh Fringe Festival – Race | 24 | 2 620 |
| **IIMVELISO: : 61** | **216** | **88 038** |

## IQONGA ELIJIKELEZAYO

| IIMVELISO | IMIBONISO | ABABUKELI |
|---|---|---|
| **7** | **28** | **130 300** |

## INTSEBENZISWANO

(Iimveliso eziziswa ngentsebenziswano nabanye abavelisi)

Uludwe lweemveliso eziliqela, iikonsathi nemidlalo ehlekisayo ziboniswe ngabavelisi abazimeleyo bebambisene nePlayhouse Company.

| IIMVELISO | IMIBONISO | ABABUKELI |
|---|---|---|
| **18** | **170** | **54 994** |

## ABAQESHI BANGAPHANDLE

(Iimveliso nemisitho ezimeleyo)

Iimveliso, iikonsathi, iminyhadala, ukhuphiswano lweekwayala nemisitho yezobugcisa iboniswe ngabavelisi abazimeleyo.

| IIMVELISO | IMIBONISO | ABABUKELI |
|---|---|---|
| **52** | **83** | **46 611** |

## Icandelo leeNkonzo zoBuchwepheshe beQonga

Kulo nyaka uphelileyo kwenziwe iiprojekthi ezinkulu ngokugqibeleleyo ukanti ezinye azikagqitywa, ezifana nezi:

- Iofisi yokhuseleko – ufakelo lweplanga lolawulo;
- Ukuphucula izinto zokulayita zeOpera/Drama;
- Ukuphawulwa kwezakhiwo zePlayhouse;
- Ukuphuculwa kwesinyusi sabantu nempahla;
- Ulungiso lwangaphandle nolwangaphakathi – ulungiso lwezakhiwo nophuculo lwentlambululo;
- Ukufakelwa kwakhona kophahla eAlhambra naseTudor; kunye
- Nokufakelwa kwakhona komkhusane ongundoqo eOpera naseDrama Theatre.

Ulwabiwo-mali lwenkcitho eyinkunzi ludale amathuba engqesho angama-97 kulo nyaka-mali.





**Stage, technical and support services personel: get-in of A Christmas Celebration**

# 8. INGXELO YOKUTHABATHA UXANDUVA NOKUQINISEKISA UKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA

Ngokolwazi nenkolelo yam ndiqinisekisa oku kulandelayo:

Zonke iinkcukacha namanani adalulwe kule ngxelo yonyaka ayangqinelana neengxelo zemali zonyaka eziphicothwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele.

Le ngxelo yonyaka iphelele, ichanekile kwaye akukho zinkcukacha zishiywe ngaphandle.

Le ngxelo yonyaka ilungiswe ngokulandela izikhokelo zengxelo yonyaka ezikhutshwe liSebe leZemali likaZwelonke.

Iingxelo zonyaka zemali (Indima E) zilungiswe ngokulandela imigangatho yeGRAP esetyenziswa kwiziko likarhulumente.

Igunya elinika ingxelo linoxanduva lokulungisa iingxelo zemali zonyaka kunye nolokugweba okwenziwa kolu lwazi.


Igunya elinika Ingxelo linoxanduva lokusungula lize limilisele inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyilelwe ukuze iqinisekise ubulungisa nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza, iinkcukacha zemicimbi yabasebenzi kunye neengxelo zemali zonyaka.

Abaphicothi-zincwadi bangaphandle bayabandakanyeka ukuze banike uluvo lwabo oluzimeleyo kwiingxelo zonyaka zemali.

Ngokoluvo lwethu, le ngxelo yonyaka iyibonisa ngokufanelekileyo imisebenzi, iinkcukacha zokusebenza, iinkcukacha zemicimbi yabasebenzi kunye nemicimbi yezemali yeziko yonyaka-mali ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015.



***Nkszn Linda Bukhosini***
INgqonyela noMlawuli wezoBugcisa
Umhla: 31 July 2015



***Nkszn. Hlengiwe Christophina Mgabadeli***
USihlalo weBhunga
Umhla: 31 July 2015

# INDIMA B

## IINKCUKACHA ZOKUSEBENZA

## 1. INGXELO YOXANDUVA LWEENKCUKACHA ZOKUSEBENZA

Ingxelo yoxanduva lweenkcukacha zokusebenza zonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015

INgqonyela inoxanduva lokulungisa iinkcukacha zokusebenza zePlayhouse Company kunye nokugweba okwenziwa kwezi nkcukacha.

INgqonyela inoxanduva lokusungula nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyilelwe ukuqinisekisa ubulungisa nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza.

| Inkcazelo | Inani (%) | Isizathu sokungaphunyezwa / sokuphunyezwa kwenxalenye | Ungenelelo |
|---|---|---|---|
| Inani leenjongo zokusebenza zonyaka | 52 | | |
| Iinjongo zokusebenza zonyaka eziphunyeziweyo | 51 (98%) | | |
| Iinjongo zokusebenza zonyaka ekuphunyezwe inxalenye yazo | 1 (2%) | Ukuhlalisa iindibano zeemanyano zabasebenzi yinto abangakwaziyo ukuyilawula abaphathi njengoko kuxhomekeke ekubeni bayafumaneka kusini na abameli babasebenzi. | Isalathisi sisusiwe kwisicwangciso sokusebenza sonyaka ka-2015/16. |

Ngokoluvo lwam, iinkcukacha zokusebenza zikubonisa ngokukuko ukuphunyezwa kweenjongo xa kuthelekiswa neenjongo ezicetyiweyo, izalathisi kunye neenjongo njengoko zikwisicwangciso sonyaka sokusebenza sasePlayhouse Company sonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwinda 2015.

Iinkcukacha zokusebenza kwePlayhouse Company zonyaka-mali ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015 ziphononongwe ngabaphicothi-zincwadi bangaphandle kwaye ingxelo yabo inikwe kwiphepha 53.

Iinkcukacha zokusebenza kwePlayhouse Company ezinikwe kwiphepha 25 ukusa kwiphepha 35 zivunyiwe yiBhodi.



***Nkszn Linda Bukhosini***
Ingqonyela noMlawuli wezoBugcisa

# 2. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI: IINJONGO EZIMISWE NGENX'ENGAPHAMBILI

UMphicothi-zincwadi Jikelele weloMzantsi Afrika wenza iinkqubo ezifanelekileyo zophicotho-zincwadi lweenkcukacha zokusebenza ukuze anike isiqinisekiso esisisiphumo sophicotho-zincwadi. Isiphumo sophicotho-zincwadi sokusebenza okuthelekiswa neenjongo ezimiswe ngenx'engaphambili siqukwa kwingxelo eya kubaphathi kwaye iziphumo zixelwa phantsi kwesihloko seenjongo ezimiswe ngenx'engaphambili kwaye izinto ezifuna ukuphandwa zona zixelwe phantsi kwesihloko seenjongo ezimiswe ngenx'engaphambili kwingxelo kwezinye izinto eziyimfuneko zomthetho kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

Jonga kwiphepha 53 xa ufuna ingxelo yoMphicothi-zincwadi epapashwe njengeNdima E: Iinkcukacha zemali.

# 3. IINKCUKACHA ZOKUSEBENZA KWENKQUBO NGANYE

## 3.1 Inkqubo 1: Ulawulo

### 3.1.1. Inkqubo engaphantsi kwenye 1.1 Ulawulo lwequmrhu nezemali

**A. Injongo yenkqubo** Kukunika inkxaso yolawulo neyezemali kweli ziko.

**B. Inkcazelo:**

**B.1 Ubume** Icandelo lezemali lilawula imicimbi yezemali, eyolawulo lwequmrhu kunye nokuthobela imithetho emisiweyo.

**B.2 Amacandelo ajongene nale nkqubo** Icandelo lezemali

| Iinjongo ezinobuchule/ iziphumo | Iintshukumo ezixhasa iinjongo ezinobuchule | Iinkcukacha ezisiseko | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2014-2015 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2015-2016 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2016-2017 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2017-2018 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2018-2019 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Ukunika ulawulo lwezemali kunye nolawulo lwequmrhu olusebenzayo nolufanelekileyo. | Ukuwuthobela ngokuphelele-leyo umthetho ngokwegunya lowiso-mthetho nokuqinisekisa ukuba ulawulo olumiliselweyo luyangqinelana nezixhobo ezikhoyo | Iziko lifumene ingxelo yophicotho-zincwadi entle ngeyoKwindla 2014 | Ingxelo yophicotho-zincwadi entle ngowama-31 kweyoKwindla. | Ingxelo yophicotho-zincwadi entle ngowama-31 kweyoKwindla. | Ingxelo yophicotho-zincwadi entle ngowama-31 kweyoKwindla. | Ingxelo yophicotho-zincwadi entle ngowama-31 kweyoKwindla. | Ingxelo yophicotho-zincwadi entle ngowama-31 kweyoKwindla. |
| | | Izinto ezifuna ukuphandwa ngeyoKwindla 2014 zilungiswe kwisithuba seenyanga ezintathu | Izinto zophicotho-zincwadi ezifuna ukuphandwa zilungiswe kwiinyanga ezintathu iphumile ingxelo. | Izinto zophicotho-zincwadi ezifuna ukuphandwa zilungiswe kwiinyanga ezintathu iphumile ingxelo. | Izinto zophicotho-zincwadi ezifuna ukuphandwa zilungiswe kwiinyanga ezintathu iphumile ingxelo. | Izinto zophicotho-zincwadi ezifuna ukuphandwa zilungiswe kwiinyanga ezintathu iphumile ingxelo. | Izinto zophicotho-zincwadi ezifuna ukuphandwa zilungiswe kwiinyanga ezintathu iphumile ingxelo. |
| | | Uluhlu lwekota lokuthobela imithetho ngeyoKwindla 2014 luthunyelwe ngexesha | Uluhlu lokuthobela iPFMA/ iSebe leZemali likaZwelonke lwenziwa qho ngekota. | Uluhlu lokuthobela iPFMA/ iSebe leZemali likaZwelonke lwenziwa rhoqo ngekota. | Uluhlu lokuthobela iPFMA/ iSebe leZemali likaZwelonke lwenziwa rhoqo ngekota. | Uluhlu lokuthobela iPFMA/ iSebe leZemali likaZwelonke lwenziwa rhoqo ngekota. | Uluhlu lokuthobela iPFMA/ iSebe leZemali likaZwelonke lwenziwa rhoqo ngekota. |
| | | Izicwangciso zokuphucula ukusebenza zekota zeyoKwindla 2014 zingeniswe ngexesha | Ukuvelisa izicwangciso zekota zokuphucula ukusebenza. | Ukuvelisa izicwangciso zekota zokuphucula ukusebenza. | Ukuvelisa izicwangciso zekota zokuphucula ukusebenza. | Ukuvelisa izicwangciso zekota zokuphucula ukusebenza. | Ukuvelisa izicwangciso zekota zokuphucula ukusebenza. |

### Iinjongo ezinobuchule, izalathisi zokusebenza, iinjongo ezicetyiweyo kunye nempumelelo ekhoyo

| Iinjongo ezinobuchule | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Injongo ecetyiweyo 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2014-2015 | Ukuphambuka kwinjongo ecetyiweyo ukusa kwimpumelelo ekhoyo 2014-2015 | Inkcazelo yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|
| Ukunika ulawulo lwezemali kunye nolawulo lwequmrhu olusebenzayo nolufanelekileyo. | Iphunyeziwe. Kufunyenwe ingxelo yophicotho-zincwadi entle nengenasikhwasilima kunyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2013 | Ingxelo yophicotho-zincwadi entle ngowama-31 kweyoKwindla | Iphunyeziwe. Kufunyenwe ingxelo yophicotho-zincwadi entle nengenasikhwasilima kunyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2014 | Akukho | Ayikho |
| | Iphunyeziwe. Akukho miba ifuna ukuphandwa ixeliweyo kuphicotho-zincwadi | Imiba yophicotho-zincwadi efuna ukuphandwa ilungiswe kwiinyanga ezintathu iphumile ingxelo. | Iphunyeziwe. Akukho miba ifuna ukuphandwa ixeliweyo kuphicotho-zincwadi | Akukho | Ayikho |
| | Iphunyeziwe. Uluhlu lwekota lokuthobela imithetho luthunyelwe ngexesha | Uluhlu lokuthobela iPFMA/ iSebe leZemali likaZwelonke lwenziwa rhoqo ngekota. | Iphunyeziwe. Uluhlu lwekota lokuthobela imithetho luthunyelwe ngexesha | Akukho | Ayikho |
| | Iphunyeziwe. Izicwangciso zekota zokuphucula ukusebenza ziveliswe ngexesha | Ukuvelisa izicwangciso zekota zokuphucula ukusebenza. | Iphunyeziwe. Izicwangciso zekota zokuphucula ukusebenza ziveliswe ngexesha | Akukho | Ayikho |

## Izalathisi zokusebenza eziphambili, iinjongo ezicetyiweyo kunye nempumelelo ekhoyo

| Iziphumo: iinjongo eziphambili | Iintshukumo zokuphumeza iinjongo | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Injongo ecetyiweyo 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2014-2015 | Ukuphambuka: okucetyiweyo/okukhoyo 2014-2015 | IInkcazeloyokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 2.1 Ukunika ulawulo lwezemali kunye nolawulo lwequmrhu olusebenzayo nolufanelekileyo | Ukuqinisekisa ukuba iziko lilandela izimbo ezifanelekileyo zolawulo kwaye libambelela nakwizinto ezifunwa ngumthetho osebenzayo.. | Ingxelo yophicotho-zincwadi entle rhoqo ngonyaka. | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |
| | | Akukho manqaku engxelo kwiingxelo zemali nakwiinkcukacha zokusebenza. | 0 | 0 | 0 | 0 | Ayikho |
| | Ukuphononongo nokuhlola yonke imigaqo-nkqubo neenkqubo zeziko rhoqo ngonyaka. | Unxibelelwano lonyaka oludandalazisa iinguqu ezenziwe kuyo yonke imigaqo-nkqubo yeziko ngowoku-1 kwekaTshazimpuzi | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |
| 2.2 Ukumilisela ulawulo kunye neenkqubo zoku kungasentla. | Ukuqinisekisa ukuba uphicotho-zincwadi lwangaphakathi luyenziwa rhoqo ngekota. | Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi luza kwenziwa izihlandlo ezi-4 ngonyaka. | 4 | 4 | 4 | 0 | Ayikho |
| | Ukuqinisekisa ukuba kukho ulawulo olunobulungisa nolawulo lweenkqubo kwiziko. | Ubuninzi yimiba ekumyinge we-10% ebalulekileyo efuna ukuphandwa emayiphakanyiswe kwingxelo nganye yophicotho-zincwadi lwangaphakathi. | 0% | 10% | 0% | 10% | Akukho miba ifuna ukuphandwa ixeliweyo |
| | Uvavanyo lobungozi lwenziwa rhoqo ngonyaka. | Ingxelo e-1 yovavanyo lobungozi yenziwa rhoqo ngonyaka ngowama-30 kwekaTshazimpuzi | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |
| | Ukuphononongа isicwangciso sobuxhakaxhaka beekhompyutha. Ukuphucula amaseko okusebenza obuxhakaxhaka beekhompyutha. Ukunika onke amacandelo izixhobo ezaneleyo zobuxhakaxhaka beekhompyutha. | Ixesha lokungasebenzi kweekhompyutha elibonisiwe kwingxelo yenyanga linganeno komyinge we-10%. | 0% | 10% | 0% | 10% | Akhange ziyeke ukusebenza iikhompyutha |
| 2.3 Izinto zexabiso ezizinzileyo: Ukwandisa ubuchule bokusebenza kulawulo lwezinto zexabiso ezizinzileyo. | Ukuqinisekiswa kwezinto zexabiso ezizinzileyo kabini ngonyaka. Ukuhlaziywa kwerejista yezinto zexabiso ezizinzileyo rhoqo ngenyanga kunye nokufakwa ikhowudi kwezinto ezintsha. | Irejista epheleleyo yezinto zexabiso ezizinzileyo ngokuthobela uMthetho wezinto zeXabiso eziZinzileyo ngowama-31 kweyoKwindla. | 2 | 2 | 2 | 0 | Ayikho |
| 2.4 Ulawulo lokunikwa kweenkonzo neethenda: ukunyanzelisa ukuthotyelwa kwemigaqo-nkqubo neenkqubo zecandelo lolawulo lokunikwa kweenkonzo neethenda. | Ukumilisela onke amanqaku okwenza izinto esebe lezemali ngexesha eliqingqiweyo. | Ukuqinisekisa ukuba amanqaku okwenza izinto ayaxoxwa nabasebenzi kwiintsuku ezingama-30 efunyewe kwiSebe leZemali. Imizuzu yendibano okanye imbalelwano yeimeyili ikho ukungqina oku. | Ukuthobela ngokupheleleyo | Ukuthobela ngokupheleleyo | Ukuthobela ngokupheleleyo | 0 | Ayikho |
| 2.5 Ukuqingqa imali nokunika ingxelo: Ukuphucula ulawulo lwezemali nolawulo lwengxowa-mali ye-Playhouse Company. | Ukongamela uqingqo-mali nokwenza ingcaciso ngokuguquguquka rhoqo ngenyanga nangekota. | Ukuguquguquka okungumyinge we-5% xa kuthelekiswa noqingqo-mali makucaciswe rhoqo ngenyanga. | 12 | 12 | 12 | 0 | Ayikho |
| | Uqingo-mali lonyaka luthunyelwa kwiSebe lezoBugcisa neNkcubeko ngowama-31 kweyeThupha, ngowama-30 kweyeNkanga luze olokugqibela luthunyelwe ngowe-15 kweyoMqungu rhoqo ngonyaka. | Ulawulo lwenyanga lweeakhawunti luza kuthunyelwa kubaphathi, kwiFINCO nakumalungu eKomiti yoLawulo noPhicotho-zincwadi ngowama-30 kwinyanga nganye | 12 | 12 | 12 | 0 | Ayikho |
| | | Ulawulo lwenyanga lweeakhawunti luza kuthunyelwa kubathathi-nxaxheba abaphambili kwiintsuku ezingama-30 iphelile ikota nganye. | 4 | 4 | 4 | 0 | N/A |
| 2.6 Amatyala amabi: ukuvelisa inkqubo eza kukhokela inkqubo yokwenza amatyala. | Ukumilisela inkqubo yolawulo lwamatyala. | Umyinge wama-90% ubuncinane wokuhlawulwa kwamatyala ngaphandle kwemiba yezomthetho ngowama-31 kweyoKwindla. | 100% | 90% | 100% | 10% | Onke amatyala anokuhlawulweka ngaphandle kwemiba yomthetho |

## Ukumanya ukusebenza noqingqo-mali

| | 2014/2015 | | | 2013/2014 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Inganeno | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno | Inganeno | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Ulawulo lwequmrhu nolwezemali | 11 921 | 11 379 | 542 | 10 791 | 9 376 | 1 416 |
| **Imali iyonke** | **11 921** | **11 379** | **542** | **10 791** | **9 376** | **1 416** |

### 3.1.2. Inkqubo engaphantsi kwenye 1.2: Imicimbi yabasebenzi

**A. Injongo yenkqubo** Kukunika inkxaso kwimicimbi yabasebenzi kwiziko.

**B. Inkcazelo:**

**B.1 Ubume** Icandelo lemicimbi yabasebenzi lijongene nokulawula imicimbi yabasebenzi kunye nokuqinisekisa ukuthobela imithetho esebenzayo yemicimbi yabasebenzi.

**B.2 Amacandelo ajongene nale nkqubo** Icandelo lemicimbi yabasebenzi

| Iinjongo ezinobuchule/ iziphumo | Iintshukumo ezixhasa iinjongo ezinobuchule | Iinkcukacha ezisisiseko | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2014-2015 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2015-2016 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2016-2017 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2017-2018 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2018-2019 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 3. Ukuxhasa ngokukuko nokunika inkonzo kwizinto eziyimfuneko zemicimbi yabasebenzi yeziko | Ukuxhobisa iziko ngabasebenzi abanobuchule obufanelekileyo ngokungqinelana nesicwangciso sabasebenzi | Izithuba zizaliswe ngexesha eliqingqiweyongeyoKwindla 2014 | Izithuba zizaliswa ngabasebenzi abafanelekileyo nabaqeqeshiweyo kwiinyanga ezintathu sivelile isithuba. | Izithuba zizaliswa ngabasebenzi abafanelekileyo nabaqeqeshiweyo kwiinyanga ezintathu sivelile isithuba. | Izithuba zizaliswa ngabasebenzi abafanelekileyo nabaqeqeshiweyo kwiinyanga ezintathu sivelile isithuba. | Izithuba zizaliswa ngabasebenzi abafanelekileyo nabaqeqeshiweyo kwiinyanga ezintathu sivelile isithuba. | Izithuba zizaliswa ngabasebenzi abafanelekileyo nabaqeqeshiweyo kwiinyanga ezintathu sivelile isithuba. |
| | Ukunika uqeqesho lwezakhono oluqinisekisa ukuba abasebenzi beziko banezakhono ezisemgangathweni | Umyinge wama-97% wesicwangciso soqeqesho umiliselwe ngowama-31 kweyoKwindla 2014 | Umyinge wama-90% wesicwangciso soqeqesho umiliselwa ngowama-31 kweyoKwindla rhoqo ngonyaka | Umyinge wama-95% wesicwangciso soqeqesho umiliselwa ngowama-31 kweyoKwindla rhoqo ngonyaka | Umyinge we-100% wesicwangciso soqeqesho umiliselwa ngowama-31 kweyoKwindla rhoqo ngonyaka | Umyinge we-100% wesicwangciso soqeqesho umiliselwa ngowama-31 kweyoKwindla rhoqo ngonyaka | Umyinge we-100% wesicwangciso soqeqesho umiliselwa ngowama-31 kweyoKwindla rhoqo ngonyaka |
| | Ukunceda abaphathi kumiliselo lwenkqubo yolawulo lokusebenza | Uvavanyo lokusebenza lwethutyana nolokugqibela lwenziwe ngexesha ngeyoKwindla 2014 | Izivumelwano zokusebenza zenziwa ngowama-31 kweyoKwindlakuze kwenziwe uvavanyo lokusebenza oluzihlandlo zibini ngonyaka. | Izivumelwano zokusebenza zenziwa ngowama-31 kweyoKwindlakuze kwenziwe uvavanyo lokusebenza oluzihlandlo zibini ngonyaka. | Izivumelwano zokusebenza zenziwa ngowama-31 kweyoKwindlakuze kwenziwe uvavanyo lokusebenza oluzihlandlo zibini ngonyaka. | Izivumelwano zokusebenza zenziwa ngowama-31 kweyoKwindlakuze kwenziwe uvavanyo lokusebenza oluzihlandlo zibini ngonyaka. | Izivumelwano zokusebenza zenziwa ngowama-31 kweyoKwindlakuze kwenziwe uvavanyo lokusebenza oluzihlandlo zibini ngonyaka. |

## Iinjongo ezinobuchule, izalathisi zokusebenza, iinjongo ezicetyiweyo nempumelelo ekhoyo

| Iinjongo ezinobuchule | Impumelelo ekhoyo 2012-2013 | Injongo ecetyiweyo 2013-2014 | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Ukuphambuka kwinjongo ecetyiweyo ukusa kwimpumelelo ekhoyo 2013-2014 | Inkcazelo yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|
| 3. Ukuxhasa ngokukuko nokunika inkonzo kwizinto eziyimfuneko zemicimbi yabasebenzi yeziko | Iphunyeziwe. Zonke izithuba zizaliswe ngabasebenzi abafanelekileyo nabaqeqeshiweyo kwangexesha. Kukho izizathu ezivakalayo kwezo zisileleyo ukuzaliswa. | Izithuba zizaliswa ngabasebenzi abafanelekileyo nabaqeqeshiweyo kwiinyanga ezintathu sivelile isithuba. | Iphunyeziwe. Zonke izithuba zizaliswe ngabasebenzi abafanelekileyo nabaqeqeshiweyo kwangexesha. Kukho izizathu ezivakalayo kwezo zisileleyo ukuzaliswa. | Akukho | Ayikho |
| | Iphunyeziwe. Umyinge wama-97% wesicwangciso soqeqesho ugqitywe ekupheleni kweyoKwindla 2014 | Umyinge wama-90% wesicwangciso soqeqesho umiliselwa ngowama-31 kweyoKwindla rhoqo ngonyaka | Iphunyeziwe. Umyinge wama-99% wesicwangciso soqeqesho ugqitywe ekupheleni kweyoKwindla 2015 | Akukho | Ayikho |
| | Iphunyeziwe. Uphononongo lokuqala lwesiqingatha sonyaka luqoshelisiwe ngeyeDwarha 2013 lo gama olwesibini luqoshelisiwe ngekaTshazimpuzi 2014. | Izivumelwano zokusebenza zenziwa ngowama-31 kweyoKwindla kuze kwenziwe uvavanyo lokusebenza oluzihlandlo zibini ngonyaka. | Iphunyeziwe. Uphononongo lokuqala lwesiqingatha sonyaka luqoshelisiwe ngeyeDwarha 2013 lo gama olwesibini luqoshelisiwe ngekaTshazimpuzi 2015. | Akukho | Ayikho |

## Izalathisi zokusebenza eziphambili, iinjongo ezicetyiweyo nempumelelo ekhoyo

| Iziphumo: iinjongo eziphambili | Iintshukumo zokuphumeza iinjongo | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Injongo ecetyiweyo 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2014-2015 | Ukuphambuka: okucetyiweyo/okukhoyo 2014-2015 | Inkcazelo yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 3.1 Ukuqinisekisa ukuxhobisa iziko ngokuzingisileyo ngabasebenzi abanezakhono, abonobuchule nabakhuthelevo ukuhlangabezana neemfuno zeziko. | Ukumiliselwa kweenkqubo ezisebenzayo zokuzingela abasebenzi, ezoqeqesho nophuhliso kunye nezolawulo lokusebenza | Ezi nkqubo nezicwangciso ziyasebenza ngowoku-1 kweyoKwindla kunyaka ngamnye: inkqubo yokuzingela abasebenzi, isicwangciso soqeqesho nophuhliso nesicwangciso solawulo lokusebenza | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |
| 3.2 Ukulawula, ukongamela nokuvavanya ngokukuko ukuqeshwa kwabasebenzi. | Ukuhlola ukuqeshwa kwabasebenzi rhoqo ngonyaka. | Ingxelo yonyaka yokuqeshwa kwabasebenzi enikwa rhoqo ngenyanga | | 12 | 12 | 0 | Ayikho |
| | | Ukuhlolwa kwezithuba ezizalisiweyo zithelekiswa nezo ziqingqelwe imali kuze kunikwe ingxelo ngoko kwiintlanganiso zenyanga zabaphathi. | 12 | 12 | 12 | 0 | Ayikho |
| 3.3 Ukuthobela imithetho yobulungisa kwingqesho | 1. Ukuhlola iSicwangciso soBulungisa kwiNgqesho | Ukuthunyelwa kweSicwangciso soBulungisa kwiNgqesho kunye nengxelo kwiSebe lezaBasebenzi rhoqo kwiminyaka emibini. | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |
| | | Ingxelo yenkqubela yobulungisa kwingqesho ithelekiswa nesicwangciso qho ngekota. | 4 | 4 | 4 | 0 | Ayikho |
| | 2. Ukuhlalisa iintlanganiso zekomiti yobulungisa kwingqesho | Iirejista zabantu abebekho kuzo zonke iintlanganiso ziyafumaneka | 1 | 2 | 2 | 0 | Ayikho |
| 3.4 Uqeqesho nophuhliso | Ukunika uqeqesho lwezakhono oluxhobisa abasebenzi ukuze basebenze ngokugqwesileyo | Ukuvelisa isicwangciso soqeqesho/uqingqo-mali rhoqo ngonyaka nokuqinisekisa ukuba siyamiliselwe ekupheleni kweyoKwindla rhoqo ngonyaka. | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |
| | | Umyinge wama-90%wesicwangciso soqeqesho noqingqo-mali uqosheliswa ngowama-31 kweyoKwindla rhoqo ngonyaka. | 97% | 90% | 99% | 9% | Ulawulo olululo lwesicwangciso luqinisekise phantse umiliselo olupheleleyo. |
| | Ukuhlolwa kokusebenza kwabo bonke abasebenzi okwenziwa kabini ngonyaka | Kuqoshelisiwe ukuhlolwa kokusebenza kwabasebenzi okwenziwa kabini ngonyaka. | 2 | 2 | 2 | 0 | Ayikho |
| 3.5 Ukuqinisekisa imeko ezinzileyo yokusebenza kweIR | Ukwakhiwa nokugcinwa kobudlelwane obunentsebenziswano nabasebenzi kwiziko | Ukuhlalisa iindibano zekota neemanyano zabasebenzi. | 3 | 4 | 2 | (2) | Ukuphumeza le njongo kungaphaya kwamandla abaphathi njengoko kuxhomekeke kubukho babameli babasebenzi. Esi salathisi sikhutshiwe kwisicwangciso sonyaka sokusebenza sika-2015/16. |
| | | Ukukhweba iingxoxo zothethathethwano lwemivuzo neQonga eliManyeneyo leeNgxoxo nokwenza isivumelwano ngeyoKwindla rhoqo ngonyaka. | 0 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |

## Ukumanya ukusebenza noqingqo-malis

| | 2014/2015 | | | 2013/2014 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Uqingqo-mali | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno | Uqingqo-mali | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Imicimbi yabasebenzi | 2 344 | 2 417 | (73) | 2 347 | 2 175 | 172 |
| Imali iyonke | 2 344 | 2 417 | (73) | 2 347 | 2 175 | 172 |

### 3.1.3. Inkqubo engaphantsi kwenye 1.3: Iinkonzo zenkxaso

**A. Injongo yenkqubo** Kukunika inkxaso yamaseko okusebenza, eyemali neyokhuseleko.

**B. Inkcazelo:**

**B.1 Ubume** Icandelo leenkonzo zenkxaso lixhaswa ziinkonzo zokugcina, indawo yokusebenzela eseMayville kunye necandelo lokhuseleko

**B.2 Amacandelo ajongene nale nkqubo** Iinkonzo zenkxaso, indawo yokusebenzela eseMayville kunye necandelo lokhuseleko

| Iinjongo ezinobuchule/ iziphumo | Iintshukumo ezixhasa iinjongo ezinobuchule | Iinkcukacha ezisisiseko | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2014-2015 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2015-2016 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2016-2017 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2017-2018 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2018-2019 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Ukunika ulawulo lwempahla yexabiso olusebenzayo, olunobuchule nolukhuselekileyo. | Ukuqulunqa isicwangciso esinabileyo senkxaso yamaseko okusebenza nokhuseleko. | Isicwangciso senkxaso nokhuseleko besele sisebenza ngowama-31 kweyoKwindla2013. Inkqubela yenyanga ixelwe kwiintlanganioso zabaphathi. | Isicwangciso esinabileyo senkxaso yamaseko okusebenza nokhuseleko siyasebenza ngowoku-1 kweyoMdumba rhoqo ngonyaka kuze kunikwe ingxelo yenkqubela yenyanga nenyanga. | Isicwangciso esinabileyo senkxaso yamaseko okusebenza nokhuseleko siyasebenza ngowoku-1 kweyoMdumba rhoqo ngonyaka kuze kunikwe ingxelo yenkqubela yenyanga nenyanga. | Isicwangciso esinabileyo senkxaso yamaseko okusebenza nokhuseleko siyasebenza ngowoku-1 kweyoMdumba rhoqo ngonyaka kuze kunikwe ingxelo yenkqubela yenyanga nenyanga. | Isicwangciso esinabileyo senkxaso yamaseko okusebenza nokhuseleko siyasebenza ngowoku-1 kweyoMdumba rhoqo ngonyaka kuze kunikwe ingxelo yenkqubela yenyanga nenyanga. | Isicwangciso esinabileyo senkxaso yamaseko okusebenza nokhuseleko siyasebenza ngowoku-1 kweyoMdumba rhoqo ngonyaka kuze kunikwe ingxelo yenkqubela yenyanga nenyanga. |

### Iinjongo ezinobuchule, izalathisi ezicetyiweyo zokusebenza, iinjongo nempumelelo ekhoyo

| Iinjongo ezinobuchule | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Injongo ecetyiweyo 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2015-2016 | Ukuphambuka kwinjongo ecetyiweyo ukusa kwimpumelelo ekhoyo 2016-2017 | Inkcazelo yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|
| Ukunika ulawulo lwempahla yexabiso olusebenzayo, olunobuchule nolukhuselekileyo. | Iphunyeziwe. Izicwangciso zenkxaso nezokhuseleko ziphunyezwe ngowoku-1 kweyoMdumba. Inkqubela ixelwe kwiintlanganiso zenyanga zabaphathi | Isicwangciso esinabileyo senkxaso yamaseko okusebenza nokhuseleko siyasebenza ngowoku-1 kweyoMdumba rhoqo ngonyaka kuze kunikwe ingxelo yenkqubela yenyanga nenyanga. | Iphunyeziwe. Izicwangciso zenkxaso nezokhuseleko ziphunyezwe ngowoku-1 kweyoMdumba. Inkqubela ixelwe kwiintlanganiso zenyanga zabaphathi | Akukho | Ayikho |

### Izalathisi zokusebenza eziphambili, iinjongo ezicetyiweyo nempumelelo ekhoyo

| Iziphumo: iinjongo eziphambili | Iintshukumo zokuphumeza iinjongo | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2013-2014 | Impumelelo ekhoyo 2014-2015 | Injongo ecetyiweyo 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2014-2015 | Ukuphambuka: okucetyiweyo/okukhoyo 2014-2015 | Inkcazelo yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 4.1 Ukunika inkxaso esebenzayo, enobuchule nekhuselekileyo yamaseko okusebenza.. | Ukuyila isicwangciso esisebenzayo nesifanelekileyo sokugcina izithuthi, izixhobo zokusebenza kunye nezakhiwo ngowoku-1 kweyoMdumba rhoqo ngonyaka. | Iingxelo ezibhaliweyo zenyanga zokugcinwa kwezinto nempendulo enikwa amacandelo afanelekileyo. | 12 | 12 | 12 | 0 | Ayikho |
| 4.2 Ukuzingela inkxaso-mali ngentsebenziswano necandelo leentengiso nelolawulo lwequmrhu ngengcebiso yeNgqonyela. | Ukuvelisa nokumilisela isicwangciso sonyaka senkcitho yenkxaso-mali ukuze kufunwe imali yeeprojekthi zenkcitho yemali. | Isicwangciso sonyaka senkcitho yenkxaso-mali siyasebenza ngowama-28 kweyoMdumba rhoqo ngonyaka. | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |
| 4.3 Ukugcina imeko enempilo nekhuselekileyo | Ukuyila nokumilisela isicwangciso sezempilo nokhuseleko ngokungqinelana nemithetho yezempilo nokhuseleko. | Ukuhlola isicwangciso sezempilo nokhuseleko nokuthumela ingxelo ngowoku-1 kwekaCanzibe. | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |
| | | Iintlanganiso zekota zezempilo nokhuseleko kwanemizuzu ebhaliweyo. | 4 | 4 | 4 | 0 | Ayikho |
| 4.4 Ukuqinisekisa ukugcinwa ngokukuko kwezithuthi zasePlayhouse. | Ukuhlola, ukuhlaziya nokumilisela isicwangciso sokugcinwa kwezithuthi. | Isicwangciso sokugcinwa kwezithuthi siyasebenza ngowoku-1 kwekaTshazimpuzi rhoqo ngonyaka kwaye similiselwa rhoqo. | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |

### Ukumanya ukusebenza noqingqo-mali

| | 2014/2015 | | | 2013/2014 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Iinkonzo zenkxaso | 22 592 | 19 571 | 3 021 | 23 519 | 19 571 | 3 949 |
| **Imali iyonke** | **22 592** | **19 571** | **3 021** | **23 519** | **19 571** | **3 949** |

## 3.2 Inkqubo 2: Uphuhliso loshishino

### 3.2.1 Inkqubo 2.1: Iinkonzo zobugcisa, ezentengiso nezobuchwepheshe

**A. Injongo yenkqubo** Kukuvelisa nokuzisa imiboniso, iikonsathi kunye nemisitho yobugcisa yamacandelo ohlukahlukeneyo.

**B. Inkcazelo:**

**B.1. Ubume** Icandelo lezobugcisa lijongene neenkqubo zobugcisa nezolawulo. Icandelo lezentengiso lijongene nonxibelelwano kunye neentengiso. Icandelo lezobuchwepheshe lona lijongene nemiba yobuchwepheshe eqongeni.

**B.2. Amacandelo ajongene nale nkqubo** Licandelo lezobugcisa, elentengiso nelezobuchwepheshe.

| Iinjongo ezinobuchule/ iziphumo | Iintshukumo ezixhasa iinjongo ezinobuchule | Iinkcukacha ezisisiseko | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezisekwe kubungqina 2014-2015 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2015-2016 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2016-2017 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2017-2018 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2018-2019 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Ukuvelisa nokuzisa imiboniso enobuchule nephuhlisayo. | Ukuvelisa isicwangciso sonyaka sobugcisa esiquka imiboniso enobuchule nephuhlisayo. | Isicwangciso sobugcisa sonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla2014 siqosheliswe ngomhla wama-28 kweyoMdumba 2013 | Isicwangciso sobugcisa sonyaka esigqityiweyo siyasebenza ngomhla wama-28 kweyoMdumba. | Isicwangciso sobugcisa sonyaka esigqityiweyo siyasebenza ngomhla wama-28 kweyoMdumba. | Isicwangciso sobugcisa sonyaka esigqityiweyo siyasebenza ngomhla wama-28 kweyoMdumba. | Isicwangciso sobugcisa sonyaka esigqityiweyo siyasebenza ngomhla wama-28 kweyoMdumba. | Isicwangciso sobugcisa sonyaka esigqityiweyo siyasebenza ngomhla wama-28 kweyoMdumba. |

### Iinjongo ezinobuchule, izalathisi zokusebenza, iinjongo ezicetyiweyo kunye nempumelelo ekhoyo

| Iinjongo ezinobuchule | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Injongo ecetyiweyo 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2014-2015 | Ukuphambuka kwinjongo ecetyiweyo ukusa kwimpumelelo ekhoyo ku-2014-2015 | Inkcazelo yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|
| Ukuvelisa nokuzisa imiboniso enobuchule nephuhlisayo. | Isicwangciso sobugcisa sonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2014 siqosheliswe ngomhla wama-28 kweyoMdumba 2013 | Isicwangciso sobugcisa sonyaka esigqityiweyo siyasebenza ngomhla wama-28 kweyoMdumba. | Iphunyeziwe. Isicwangciso sobugcisa sonyaka saqosheliswa ngomhla wama-28 kweyoMdumba | Akukho | Ayikho |

### Izalathisi zokusebenza eziphambili, iinjongo ezicetyiweyo kunye nempumelelo ekhoyo

| Iziphumo: iinjongo ezingundoqo | Iintshukumo zokuphumeza iinjongo | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Injongo ecetyiweyo 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2014-2015 | Ukuphambuka: okucetyiweyo/ okukhoyo 2014-2015 | Inkcazelo yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 1.1 Ukuvelisa nokuzisa imiboniso enobuchule, eyonwabisayo nenemfundiso (xa ikho inkxaso-mali) | Ukuvelisa iNkqubo yoBugcisa yoNyaka (iAAP) | INkqubo yoBugcisa yoNyaka egqityiweyo ngowama-28 kweyoMdumba equka ezi zinto zilandelayo: | | | | | |
| | Ukumilisela iNkqubo yoBugcisa yoNyaka ngomhla wama-31 kweyoKwindla rhoqo ngonyaka | a) Ubugcisa bomthonyama obenziwayo (Iscathamiya – imveliso e-1) | 2 | 2 | 2 | 0 | Ayikho |
| | | b) Amaqonga amatsha (iimveliso ezi-3) | 3 | 3 | 3 | 0 | Ayikho |
| | | c) Itheko lobugcisa lamabhinqa eloMzantsi Afrika (iimveliso ezi-4) | 9 | 4 | 12 | 8 | Kuboniswe iimveliso ezongezelelweyo kuba zifunwa ngababukeli kunye namagcisa |
| | | d) Iinkqubo zezikolo (imiboniso yesiNgesi okanye yesiZulu -iimveliso ezi-2) | 4 | 2 | 6 | 4 | Kuboniswe iimveliso ezongezelelweyo ngokungqinelana nemfuno yokufundisa nokulumkisa abafundi ngeeengxaki zasekuhlaleni abajongene nazo. Umz. ukuthandana namadoda amadala, intlungu yokubekwa ebungozini kwemikhombe |

| Iziphumo: iinjongo ezingundoqo | Iintshukumo zokuphumeza iinjongo | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Injongo ecetyiweyo 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2014-2015 | Ukuphambuka: okucetyiweyo/ okukhoyo 2014-2015 | Inkcazelo yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 1.1 Ukuvelisa nokuzisa imiboniso enobuchule, eyonwabisayo nenemfundiso (xa ikho inkxaso-mali) | Ukumilisela iNkqubo yoBugcisa yoNyaka ngomhla wama-31 kweyoKwindla rhoqo ngonyaka | e) Ukuvavanya ubugcisa (iikonsathi ezili-11) | 14 | 11 | 13 | 2 | Iikhonsathi ezi-2 ezingacetywanga ezi-boniswe ngeyoMnga. |
| | | f) Ixesha leziyolo (liquka iimveliso ezinkulu, eziphakathi nezincinane - iimveliso ezi-3) | 3 | 3 | 4 | 1 | Imveliso eyongezelelweyo enye eboniswe ngeyoMnga nebingacetywanga elungiselewe amagcisa ngokubanzi ikakhulu iiPDI. |
| | | g) Iimveliso zentsebenziswano (iimveliso ezili-10) | 12 | 10 | 18 | 8 | Kuvele amathuba okunceda amagcisa/abavelisi kwaye akabanga ziindleko. |
| | | h) Itheko loluntu lobugcisa (iimveliso ezi-3) | 4 | 3 | 5 | 2 | Iimveliso ezi-2 ezongezelelweyo eziboniswe ngemali eqingqiweyo. Abadlali kule nkqubo badlale iindawo ezininzi nto leyo ibancede ukubabhentsisa kubalinganiswa abohlukahlukeneyo. |
| | | i) Abantu bangaphandle abaqeshayo (iimveliso ezingama-20) | 47 | 20 | 52 | 32 | Ukufunwa kweendawo kube ngaphaya koko bekulindelekile. |
| | | j) Iqonga elijikelezayo (imidlalo engama-40) | 61 | 40 | 68 | 28 | Ukufunwa kwelori kube ngaphaya koko bekulindelwe. |
| | | k) I-Sundowners (imiboniso eli-12) | | 12 | 15 | 3 | Kwenziwe imiboniso eyongezelelweyo ngenyanga yomnyhadala wobugcisa wamanina ukuze kufunqulwe umdla weenkqubo ezikhoyo. |
| 1.2 Ukuqinisekisa ubulungisa kwiinkqubo zobugcisa | I-AAP iza kuqinisekisa ukuba ubuncinane ngumyinge wama-70% wabantu ababefudula bebukulwa abathabatha inxaxheba rhoqo ngonyaka. | Inkqubo yoluhlu lwabantu abajongene nobugcisa nokuphononongaubugcisa ukuqinisekisa ukuba ngumyinge wama-80% wabantu abathabatha inxaxheba rhoqo ngonyaka nababefudula bebukulwa. | 88% | 80% | 85% | 5% | Iimveliso ezongezelelweyo ezibonisiweyo zisincede ukuze sikwazi ukwandisa ukufikelela kubantu ababefudula bebukulwa. |
| 1.3 Ukubeka endaweni nokomeleza iziko iPlayhouse Company, ukuthengisa iimveliso zangaphakathi nokuvelisa intsebenziswano yenkxaso yeemveliso | Ukuqinisa ubudlelwane namajelo eendaba. | Ubudlelwane namajelo eendaba obuxabisa > R900 000 ngonyaka. | R10 323 420 | R900 000 | R22 537 443 | R21 637 443 | Upapasho alunasiqinisekiso. Ixabiiso elingenayo ligqithe ngaphaya koko bekulindelwe. |
| | Ukuvelisa amaphulo eentengiso zeemveliso zangaphakathi ukuze kuphuhliswe intsebenziswano yenkxaso-mali yeemveliso. | Isicwangciso sentengiso siyasebenza ngowama-28 kweyoMdumba rhoqo ngonyaka. | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |
| | Ukomeleza ubudlelwane nabantu ababandakanyeka kwezobugcisa | Iqonga lothungelwano lobugcisa (amaqonga ama-3) | | 3 | 3 | 0 | Ayikho |
| 1.4 Iinkonzo zobuchwepheshe beqonga: ukuqinisekisa ukusebenza ngokukuko kwawo onke amaqonga nezixhobo, isandi, izixhobo zokulayita, iimpahla kunye nestudiyo sokushicilela | Ukuhlaziya nokumilisela izicwangciso zokugcina zonke iindawo zamaqonga nezixhobo: isandi, izixhobo zokulayita, iimpahla kunye nestudiyo sokushicilela. | Ingxelo yenyanga yokugcina enobungqina bokuphucuka kwemeko ikho kwaye yeyazo zonke iindawo zeqonga nezixhobo, isandi, izixhobo zokulayita, iimpahla nestudiyo sokushicilela. | 12 | 12 | 12 | 0 | Ayikho |
| 1.5 Ukunika inkonzo yabathengi ekumgangatho ophezulu kwindawo yolwamkelo. | Ukwenza uvavanyo oluqhubekayo lwezimvo zabathengi. | Ingxelo yenyanga yovavanyo lokwaneliseka kwabathengi. | 12 | 12 | 12 | 0 | Ayikho |

## Ukumanya ukusebenza noqingqo-mali

| | 2014/2015 | | | 2013/2014 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno |
| | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** |
| 1. Iinkonzo zobugcisa nezobuchwepheshe | 26 362 | 24 824 | 1 538 | 27 697 | 27 508 | 189 |
| **Imali iyonke** | **26 362** | **24 824** | **1 538** | **27 697** | **27 508** | **189** |

## 3.3. Inkqubo 3: Ingeniso

**A. . Injongo yenkqubo** Kukwenza ingeniso

**B. Inkcazelo:**

**B.1 Ubume** Icandelo lezezimali lijongene nengeniso yotyalo-mali, icandelo lobugcisa lijongene nengeniso enxulumene nemveliso, iinkonzo zenkxaso zijongene nengeniso yerenti, eyeempahla, eyemiboniso nengeniso yempahla yeqonga..

**B.2 Amacandelo ajongene nale nkqubo** Icandelo lezemali, elobugcisa neenkonzo zenkxaso

| Iinjongo ezinobu-chule/ iziphumo | Iintshukumo ezixhasa iinjongo ezinobuchule | Iinkcukacha ezisisiseko | Izalathisi zo-kusebenza ezi-nokulinganiswa nezinobungqina 2014-2015 | Izalathisi zo-kusebenza ezi-nokulinganiswa nezinobungqina 2015-2016 | Izalathisi zo-kusebenza ezi-nokulinganiswa nezinobungqina 2016-2017 | Izalathisi zo-kusebenza ezi-nokulinganiswa nezinobungqina 2017-2018 | Izalathisi zo-kusebenza ezi-nokulinganiswa nezinobungqina 2018-2019 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Ukuphucula iindlela zeziko zokwenza ingeniso. | Ukuthelekisa nokungqinela-nisa amaseko okusebenza axhasa ukun-gena kwemali kunye neem-funo zeziko kuqingqo-mali lonyaka. | Uqingqo-mali olugqityiw-eyo oluquka iindlela zokun-genisa imali luphunyezwe liBhunga ngowe-15 kweyoMqun-gu2014. | Uqingqo-mali oluquka iindlela zokungenisa imali lugqitywe ngowama-28 kweyoMdumba. | Uqingqo-mali olugqityiweyo oluquka iindlela zokungenisa imali ngowama-28 kweyoMdumba. | Uqingqo-mali olugqityiweyo oluquka iindlela zokungenisa imali ngowama-28 kweyoMdumba. | Uqingqo-mali olugqityiweyo oluquka iindlela zokungenisa imali ngowama-28 kweyoMdumba. | Uqingqo-mali olugqityiweyo oluquka iindlela zokungenisa imali ngowama-28 kweyoMdumba. |

### Iinjongo ezinobuchule, izalathisi ezicetyiweyo zokusebenza, iinjongo nempumelelo ekhoyo

| Iinjongo ezinobuchule | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Injongo ecety-iweyo 2014-2015 | Impumelelo ekhoyo 2014-2015 | Ukuphambuka kwin-jongo ecetyiweyo ukusa kwimpumelelo ekhoyo 2014-2015 | Inkcazelo yokupham-buka |
|---|---|---|---|---|---|
| Ukuphucula iindlela zeziko zokwenza ingeniso. | Iphunyeziwe. Uqingqo-mali olugqityiweyo oluquka iindlela zokungenisa imali luqukwe kuqingqo-mali oluvunywe liBhunga ngeyo-Mqungu | Uqingqo-mali olugqityiweyo oluquka iindlela zokungenisa imali ngowama-28 kw-eyoMdumba. | Iphunyeziwe. Uqingqo-mali olugqityiweyo oluquka iindlela zokungenisa imali luqukwe kuqingqo-mali oluvunywe liBhunga ngeyo-Mqungu | Akukho | Ayikho |

### Izalathisi zokusebenza eziphambili,iinjongo ezicetyiweyo nempumelelo ekhoyo

| Iziphumo: iinjongo eziphambili | Iintshukumo zokuphumeza iinjongo | Izalathisi zokusebenza ezi-nokulinganiswa nezinobungqina 2013-2014 | Impumelelo ekhoyo 2012-2013 | Injongo ecetyiweyo 2013-2014 | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Ukuphambu-ka: okucety-iweyo/okuk-hoyo 2013-2014 | Inkcazelo yok-uphambuka |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 5.1 Ukuphucula iindlela zeziko zokwenza ingeniso | Ukulungelelanisa nokumilisela izicwangciso ezinabileyo zokwenza ingeniso. | Ingqonyela iza kumanya izicwangciso zokwenza enye ingeniso ukuze ziqukwe kuqingqo-mali ngowama-28 kweyoMdumba rhoqo ngonyaka. | 2 | 2 | 2 | 0 | Ayikho |
| 5.2 Utyalo-mali: ingeniso encumisayo kutyalo-mali ukuqinisekisa ukuthotyelwa koMgaqo-nkqubo woTyalo-mali | Ukutyala imali kwiibhanka ezinkulu zeli ngenzala ekumyinge wesi-5% ngaphantsi kwenzala yeebhanka evumelekileyo. | Ukwenza utyalo-mali neebhanka ezinkulu ngenzala engaphaya komyinge wesi-5% kwinzala evumelekileyo. | Ewe | Ewe | Ewe | 0 | Ayikho |

| Iziphumo: iinjongo eziphambili | Iintshukumo zokuphumeza iinjongo | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2013-2014 | Impumelelo ekhoyo 2012-2013 | Injongo ecetyiweyo 2013-2014 | Impumelelo ekhoyo 2013-2014 | Ukuphambuka: okucetyiweyo/okukhoyo 2013-2014 | Inkcazelo yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 5.3 Ingeniso efunyenwe ngokuqeshisa ngaphandle: intsebenziswano namaqonga ajikelezayo | Ukuvelisa nokumilisela isicwangciso sokufumana uqingqo-mali olucetyiweyo lokuqeshisa ngamaqonga ngaphandle. | Ukuqeshisa amaqonga ngaphandle kuza kufumana umyinge wama-90% wengeniso eqingqiweyo rhoqo ngonyaka | 245% | 90% | 385% | 295% | Ukufunwa kweendadwo kube ngaphaya koko bekulindelekile. |
| | Ukuvelisa nokumilisela isicwangciso sokufumana uqingqo-mali olucetyelwe iimveliso zentsebenziswano. | Iimveliso zentsebenziswano ziza kufumana umyinge wama-90% wengeniso eqingqelwe imali rhoqo ngonyaka. | 228% | 90% | 171% | 81% | IPlayhouse Company yenze isigqibo sokunceda iinkampani zokuvelisa ezincinci ezininzi. Oku kubangele ukwanda kokwabelana ngengeniso. |
| | Ukuvelisa nokumilisela isicwangciso sokufumana uqingqo-mali lokuqeshiswa ngaphandle kwelori (iqonga elijikelezayo). | Ukuqeshiswa kwelori kuza kufumana umyinge wama-90% wengeniso eqingqelwe imali rhoqo ngonyaka. | 94% | 90% | 248% | 159% | Ukufunwa kwelori kube ngaphaya koko bekulindelekile. |
| 5.4 Impahla yemiboniso, iisethi kunye nempahla yeqonga | Ukuqinisekisa ukuba ukuqeshiswa nengeniso eyenziwa ngokuqeshisa impahla yemiboniso, iisethi nempahla yeqonga kuyahlangabezana neenjongo ezimisiweyo zoqingqo-mali. | Ukuqeshiswa kwempahla yemiboniso, iisethi nempahla yeqonga kuza kufumana umyinge wama-75% wengeniso eqingqiweyo rhoqo ngonyaka. | 72% | 75% | 132% | 57% | Ukufunwa kwempahla yokudlala, iisethi nempahla yeqonga kube kugqithisile xa kuthelekiswa neminyaka engaphambili. |

## Ukumanya ukusebenza noqingqo-mali

| | 2014/2015 | | | 2013/2014 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno |
| | R’000 | R’000 | R’000 | R’000 | R’000 | R’000 |
| Ulungelelaniso lwengeniso | 9 071 | 11 866 | (2 795) | 7 570 | 13 158 | (5 588) |
| **Imali iyonke** | **9 071** | **11 866** | **(2 795)** | **7 570** | **13 158** | **(5 588)** |

# 4. ISISHWANKATHELO SEENKCUKACHA ZEMALI

## 4.1. Ukuqokelelwa kwengeniso

| | 2014/2015 | | | 2013/2014 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Izibonelelo – ezokusebenza | 54 332 | 52 780 | 1 552 | 51 095 | 51 430 | (334) |
| Izibonelelo – imali eyinkunzi | 19 400 | 6 443 | 12 957 | 2 000 | 13 402 | (11 402) |
| Ingeniso yemali | 4 508 | 5 138 | (630) | 3 208 | 4 964 | (1 756) |
| Ingeniso yemveliso | 2 380 | 3 274 | (894) | 2 380 | 5 133 | (2 753) |
| Ingeniso yerenti | 370 | 325 | 45 | 660 | 393 | 267 |
| Ingeniso yamathuba athile | 1 813 | 2 003 | (190) | 1 322 | 1 308 | 14 |
| Ingeniso yenkxaso-mali | 0 | 1 126 | (1 126) | 0 | 1 360 | (1 360) |
| **Imali iyonke** | **82 803** | **71 089** | **11 714** | **60 665** | **77 990** | **(17 324)** |

## 4.2. Inkcitho yenkqubo

| Igama lenkqubo | 2014/2015 | | | 2013/2014 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu) Inganeno |
| | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** |
| Iinkonzo zobugcisa nezobuchwepheshe | 26 362 | 24 824 | 1 538 | 27 697 | 27 508 | 189 |
| Ulawulo lwequmrhu nezemali | 11 921 | 11 379 | 542 | 10 791 | 9 376 | 1 416 |
| Imicimbi yabasebenzi | 2 344 | 2 417 | (73) | 2 347 | 2 175 | 172 |
| Iinkonzo zenkxaso | 22 592 | 19 571 | 3 021 | 23 519 | 19 571 | 3 949 |
| **Imali iyonke** | **63 218** | **58 191** | **5 027** | **64 354** | **58 629** | **5 725** |

| Iiprojekthi zamaseko okusebenza | 2014/2015 | | | 2013/2014 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno | Imali eqingqiweyo | Ekhoyo | (Ingaphezulu)/ Inganeno |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Izixhobo zeofisi | 795 | 126 | 669 | 375 | 369 | 6 |
| Ubuxhakaxhaka beekhompyutha | 315 | 286 | 29 | 437 | 189 | 248 |
| Izakhiwo | 6 619 | 6 304 | 315 | 19 328 | 10 553 | 8 775 |
| Izixhobo zeqonga nezinye izixhobo | 38 235 | 130 | 38 105 | 19 632 | 345 | 19 287 |
| Iinqwelo-mafutha | 1 400 | 1 045 | 355 | | | |
| **Imali iyonke** | **47 364** | **7 891** | **39 473** | **39 772** | **11 456** | **28 316** |

# INDIMA C
## ULAWULO

## 1. INTSHAYELELO

Ulawulo lwequmrhu luquka iinkqubo ezikhokela indlela iPlayhouse Company elawulwa nethatyathiswa ngayo uxanduva. Ukongenza kwizinto zomthetho eziyimfuneko kwimithetho yePlayhouse Company, iPlayhouse Company ilawulwa nguMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (iPFMA) kunye nemithethos-siseko equlethwe yiNgxelo yeKumkani kuLawulo lweQumrhu.

Amaqela anoxanduva lolawulo lwequmrhu yiPalamente, iSigqeba kunye neGunya elinika ingxelo yeli ziko likarhulumente.

## 2. IBHUNGA

### 2.1. Imisebenzi yeBhunga

Imisebenzi yeBhunga yile ilandelayo:

- Ukuvelisa imigaqo-nkqubo;
- Ukugcina, ukulondoloza nokukhusela yonke impahla engenakuchukunyiswa nenokuchukunyiswa eselugcinweni lwePlayhouse Company okanye ebolekwe okanye ekuyeyePlayhouse Company;
- Ukwamkela, ukugcina, ukulondoloza nokukhusela yonke imiboniso kunye nengqokelela yayo yonke impahla enokuchukunyiswa ebekwe elugcinweni naselulawulweni lwayo phantsi kweCandelo le-10 loMthetho iCI 10(1);
- Ukunyusa ingxowa-mali yePlayhouse Company;
- Ukuphatha nokulawula iimali ezifunyanwa yiPlayhouse Company kwakunye nokusebenzisa ezi mali ukuhlawula iindleko ezinxulumene nokwenza kwalo imisebenzi;
- Ukugcina ingxelo eyiyo yempahla yePlayhouse Company, kunye nokuthumelela uMlawuli Jikelele naziphi na iingxelo azifunayo ngokunxulumene nokugcinwa kweengxelo ezifanelekileyo;
- Ukumisa nokufaka endaweni yoMthetho iCI injongo yeziko elibhengeziweyo, ngemvume yoMphathiswa; kunye
- Nokufezekisa iinjongo zeziko elibhengeziweyo.

IBhunga linokumisela iiyure kunye nemiqathango elunokuthi uluntu luyityelele phantsi kwayo iPlayhouse Company.

IBhunga linamandla okuqesha abantu elibabona bekufanele ukwenza imisebenzi yePlayhouse Company. Ukuqingqwa kwemivuzo kunye nemigqaliselo nemiqathango yenkonzo kuya kwenziwa ngokungqinelana nangolungiselelo oluvunywe nguMphathiswa ecebisana noMphathiswa weZemali.

## Amalungu eBhodi endala – Ixesha lawo laphela ngomhla wama-30 kweyoMsintsi 2014

| Igama | Umhla wokonyulwa | Izidanga | Ubuchule | Ezinye iikomiti (umz: iKomiti yoPhicotho-zincwadi) | Inani leentlanganiso azihlaleleyo | Umvuzo |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Thandiwe January-McLean<br>*USihlalo weBhunga* | 1-08-2011 | Masters, Diploma in Public Relations and Organisational Development neDiploma in Strategic Management | Ezemali nolawulo | | 3 | R10 560 |
| Judge Leona Valerie Theron<br>*USekela Sihlalo weBhunga kunye noSihlalo weKomiti yeHR-REMCO* | 1-08-2011 | Master of Law, Bachelor of Laws kunye neBachelor of Arts | Ezomthetho | IKomiti yemicimbi yabasebenzi | 2 | R6 104 |
| Mnu. Nthando Mluleki Nala | 1-08-2011 | Teacher's Diploma kunye neBachelor of Education | Incutshe kwikharikyulam yezobugcisa nenkcubeko | IKomiti yemicimbi yabasebenzi | 3 | R6 408 |
| Mnu. Sathie Gounden | 1-08-2011 | CA (SA) | Ezemali, ulawulo lobungozi, ulawulo lwequmrhu nophicotho-zincwadi | Ikomiti yophicotho-zincwadi neyolawulo | 4 | R8 464 |
| Mnu. Sadhasivan Naidoo | 1-08-2011 | B Admin & B Admin Honours | Usomashishini onamava kushishino ngokubanzi | Ikomiti yophicotho-zincwadi neyolawulo/ iKomiti yemiccimbi yabasebenzi | 2 | R4 112 |
| Mnu. Suresh Naidoo<br>*USihlalo weFINCO* | 1-08-2011 | CA (SA) | Ezemali, uphicotho-zincwadi lwangaphakathi nolwangaphandle, ingcebiso noluleko | Ikomiti yezemali | 5 | R10 640 |
| Mnu. Samuel Sibongakonke Ngcobo | 1-08-2011 | Bachelor of Commerce neeDiploma zolawulo nobunkokeli eziliqela | Usomashishini onomdla kwipetroleum, ukhenketho, iifektri, izindlu nezolimo | Ikomiti yezemali | 2 | R4 112 |
| Nkszn Thokozile Shezi | 1-08-2011 | Master of Science Degree | Ezolimo, imicimbi yezendalo nophuhliso lwamaphandle | Ikomiti yemicimbi yabasebenzi | 3 | R6 408 |
| Mnu. Rodger Pryor Ashe | 1-08-2011 | Imatriki | Usomashishini | Ikomiti yezemali/ ikomiti yemicimbi yabasebenzi | 5 | R10 640 |
| Mnu. Mahmound Rajab | 1-08-2011 | Ushishino ngemali nezomthetho | Usomashishini negqwetha | Ikomiti yezemali | 3 | R6 288 |

## Iikomiti ezindala – Ixesha lazo laphela ngomhla wama-30 kweyoMsintsi 2014

| Ikomiti | Inani leentlanganiso ezibanjiweyo | Inani lamalungu | Amagama amalungu |
|---|---|---|---|
| Ikomiti yezemali | 3 | 4 | Mnu Suresh Naidoo, Mnu Samuel Sibongakonke Ngcobo, Mnu Rodger Pryor Ashe, Mnu Mahmound Rajab |
| Ikomiti yophicotho-zincwadi neyolawulo | 3 | 5 | Mnu Sathie Gounden, Mnu Sadhasivan Naidoo, Nkszn K Mvulane (uSihlalo – uzimele), Mnu Siyabonga Duncan Mngoma (uzimele), Nkszn Charmaine Jugnarayan (uzimele) |
| Ikomiti yemicimbi yabasebenzi nemivuzo | 0 | 5 | Judge Leona Valerie Theron, Mnu Nthando Mluleki Nala, Nkszn Thokozile Shezi, Mnu Rodger Pryor Ashe, Mnu Sadhasivan Naidoo |

## Amalungu eBhodi entsha – Onyulwa ngomhla woku-1 kweyoMnga 2014

| Igama | Umhla wokonyulwa | Izidanga | Ubuchule | Ezinye iikomiti (umz: iKomiti yoPhicotho-zincwadi) | Inani leentlanganiso azihlaleleyo | Umvuzo |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Nkszn Hlengiwe Christophina Mgabadeli | 01-12-2014 | BA Social Work, Honours in Sociology | Inkonzo karhulumente nolawulo | | 7 | R25 088 |
| Nkszn Thembi Mtshali-Jones | 01-12-2014 | | Igcisa, imvumikazi, umdlali emabalini, umvelisi nombhali wamabali | Ikomiti yobugcisa neyonyuso lwengxowa-mali | 4 | R12 544 |
| Mnu Sathie Gounden | 01-12-2014 | CA (SA) | Ezemali, ulawulo lobungozi, ulawulo lwequmrhu nophicotho-zincwadi | Ikomiti yezemali neyokufumana/ ikomiti yemicimbi yabasebenzi | 2 | R4 352 |
| Mnu Malcolm Purkey | 01-12-2014 | BA(Wits), BA(Hons), MA Theatre Studies, Graduate-National film and television school | Ukulawula imiboniso nokubhala amabali, upapasho, icandelo lezobugcisa | Ikomiti yophicotho-zincwadi zolawulo | 2 | R4 352 |
| Nkszn Fikile Eunice Khumalo | 01-12-2014 | Labour Relations, Social Security | Ezomsebenzi, urhwebo noshishino, uphuhliso loluntu | Ikomiti yezobugcisa neyonyuso lwengxowa-mali/ ikomiti yemicimbi yabasebenzi | 5 | R10 880 |
| Nkszn Lynette Ntuli | 01-12-2014 | Bachelors Degree in Accounting | Izindlu nophuhliso lwamaseko okusebenza, ezamashishini nophuhliso kunye nomiliselo lwesicwangciso | Ikomiti yophicotho-zincwadi nolawulo | 0 | R0 |
| Nkszn Khwezi BL Kunene | 01-12-2014 | BSC Property Development | Uthelekelelo lobuninzi, ulawulo lweekontraka | Ikomiti yezemali neyokufumana/ ikomiti yemicimbi yabasebenzi | 3 | R6 528 |
| Mnu Nathi Mbele | 01-12-2014 | BCom Economics and Statistics | Uphuhliso loluntu noloqoqosho, ingcali yecandelo lempahla elukiweyo kunye negcali yobuxhakaxhaka nonxibelelwano lweekhompyutha | Ikomiti yobugcisa neyonyuso lwengxowa-mali/ ikomiti yezemali neyokufumana | 4 | R8 704 |
| Nkszn Siphesihle Ndlela | 01-12-2014 | BA Communications (UNISA) Hotel Management (ND) Durban Hotel School | Unxibelelwano nabaxumi kunye namajelo eendaba kwakunye neentengiso | Ikomiti yobugcisa neyonyuso lwengxowa-mali/ ikomiti yezemali neyokufumana | 1 | R2 176 |

## Iikomiti ezintsha – Ezonyulwe ngomhla wama-23 kweyoMdumba 2015

| Ikomiti | Inani leentlanganiso ezibanjiweyo | Inani lamalungu | Amagama amalungu |
|---|---|---|---|
| Ikomiti yezemali nokufumana | 0 | 4 | Mnu Sathie Gounden/ Nkszn Khwezi BL Kunene/ Mnu Nathi Mbele/ Nkszn Siphesihle Ndlela |
| Ikomiti yophicotho-zincwadi nolawulo | 0 | 5 | Nkszn Lynette Ntuli/ Mnu Malcolm Purkey |
| Ikomiti yemicimbi yabasebenzi nemivuzo | 1 | 3 | Nkszn Fikile Eunice Khumalo/ Mnu Sathie Gounden/ Nkszn Khwezi BL Kunene |
| Ikomiti yobugcisa nonyuso lwengxowa-mali | 0 | 4 | Nkszn Thembi Mtshali-Jones/ Nkszn Fikile Eunice Khumalo/ Mnu Nathi Mbele/ Nkszn Siphesihle Ndlela |

# 3. ULAWULO LOBUNGOZI

IPlayhouse Company inomgaqo-nkqubo wolawulo lobungozi okhokela inkqubo yokwalatha ubungozi nokubulawula. Lo mgaqo-nkqubo uyaphononongwa rhoqo ngonyaka. Ulawulo lobungozi yinkqubo apho iGosa elinika ingxelo ePlayhouse, iNgqonyela kunye nabanye abaphathi abasezikhundleni eziphezulu bathi balathe baze bachaze ubungozi obukhoyo nobuvelayo rhoqo kushishino, kwezemali nasemsebenzini baze kananjalo bavelise iindlela ezifanelekileyo nezingangeni nzulu epokothweni zokukhawulelana nobu bungozi.

Ulawulo lobungozi olululo lubalulekile kakhulu ePlayhouse Company khonúkuze izalisekise igunya layo lokuzisa iinkonzo ezilindelekileyo eluntwini kunye nokwenza imisebenzi elindelweyo kuyo liSebe lezoBugcisa neNkcubeko.

Irejista yobungozi iyaphononongwa rhoqo ngonyaka emva kwendibano yabaphathi namaqela alawulayo enxulumene nokwalathwa kobungozi. Irejista yobungozi isetyenziselwa ukuhlahla indlela yesicwangciso seminyaka emithathu sophicotho-zincwadi lwangaphakathi esiphononongwa size sivunywe yiKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo kunye neBhunga.

Inkqubela yeenguqu zolawulo lobungozi obalathiweyo ibekwa Iliso kwiindibano zabaphathi zenyanga.

# 4. ICANDELO LOLAWULO LWANGAPHAKATHI

Ulawulo lwangaphakathi luxanduva lomphathi ngamnye. Sinemigaqo-nkqubo neenkqubo esizisebenzisayo ukumisela ulawulo lwangaphakathi, imigaqo-nkqubo iphonongwa rhoqo ngonyaka ukuqinisekisa ukuba ihambisana nemithetho nemimiselo ekhoyo. Abaphathi basebenzisa iziphumo zolawulo lwangaphakathi ezivela kubaphicothi-zincwadi ukuphucula ulawulo lwangaphakathi.

# 5. UPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI

IPlayhouse Company inoMqulu woPhicotho-zincwadi lwangaphakathi ophononongwa rhoqo ngonyaka.

UMqulu woPhicotho-zincwadi lwangaphakathi waveliswa ukuze uchaze iwonga leziko, iinjongo noxanduva lophicotho-zincwadi lwangaphakathi. Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi lukhokelwa ngamagatya eCandelo le-3.2 leMimiselo yeSebe leZemali kunye neCandelo lama-38(1)(a)(i) nelama-76(4)(e) lePFMA kwaye ludlala indima ebalulekileyo ukuqinisekisa ulawulo lwePlayhouse Company.

Injongo ebalaseleyo yophicotho-zincwadi lwangaphakathi ePlayhouse Company kukunika isiqinisekiso esizimeleyo kunye neengcebiso ngeenkqubo zolawulo lwangaphakathi, ulawulo lobungozi kunye neenkqubo zikarhulumente, kwakunye nemisebenzi nokusebenza kwePlayhouse Company ngokunxulumene nemithetho ekhoyo, imimiselo kunye nemigaqo-nkqubo.

Isishwankathelo seemfanelo eziqukunjelwe kulo nyaka-mali ngokuhambisana nesicwangciso esivunyiweyo sophicotho-zincwadi lwangaphakathi:

1. Uphononongo lweenkonzo zenkxaso
2. Uphononongo lolawulo loqingqo-mali
3. Uphononongo lolawulo lokuthobela imithetho
4. Uphononongo olulandelelayo lolawulo lwamatyala, ulawulo lwengeniso, uphicotho-zincwadi lweenkcukacha zokusebenza, ulawulo lwemicimbi yabasebenzi kunye nolawulo lwecandelo lokunikwa kweenkonzo neethenda
5. Uphicotho-zincwadi lweenjongo ezimiswe ngenx'engaphambili

Ixesha lokusebenza kwabaphicothi-zincwadi bangaphakathi abakhoyo liphele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015. IPlayhouse Company ikhuphe isiniki-maxabiso yaza yaqesha umniki weenkonzo omtsha otyikitye isivumelwano seminyaka emithathu ngekaTshazimpuzi 2015.

# 6. IKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI NOLAWULO

IPlayhouse Company inoMqulu weKomiti yoPhicotho-zincwadi lwangaphakathi noLawulo ophononongwa rhoqo ngonyaka.

Injongo engundoqo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi lwangaphakathi noLawulo kukuncedisa iBhunga ekwenzeni imisebenzi yalo enxulumene nokukhusela impahla yexabiso, ukusebenzisa iinkqubo ezifanelekileyo, inkqubo yolawulo kunye nokulungisa iingxelo zemali ezichanekileyo ngokuthobela zonke iimfumo zemithetho esebenzayo kunye nemigangatho yokunika ingxelo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi lwangaphakathi noLawulo yenza le misebenzi ilandelayo:

1. Ukongamela, ukulungelelanisa kunye nokuthelekelela ixabiso lomgangatho wophicotho-zincwadi olwenziwa ngabaphicothi-zincwadi bangaphandle nabangaphakathi kweli ziko;
2. Ukugcina unxibelelwano oluvulekileyo kwiBhunga ngokubamba iintlanganiso rhoqo, ukuqinisekisa ukuba abaphicothi-zincwadi bangaphakathi nabangaphandle banikezela ngezimvo nolwazi lwabo kwiziko kwanokuqinisekisa igunya noxanduva lwabo;
3. Ukusebenza njengeqela elizimeleyo nelingathabathi cala ukuze liphonononge iinkcukacha zemali elizinikwa ngababphathi beziko;
4. Ukuphononononga ukufaneleka kolawulo olukhoyo lweengxelo nolokunika iingxelo;
5. Kunye nokunika indlela evulekileyo yonxibelelwano phakathi kwabaphicothi-zincwadi bangaphakathi nabangaphandle kunye neBhunga.

# 7. UKUTHOBELA IMITHETHO NEMIMISELO

NgokweCandelo lesi-4 loMthetho wamaZiko eNkcubeko, iPlayhouse Company iliqumrhu kwaye iPlayhouse Company, iBhunga kunye nawo onke amalungu alo kufuneka athobele imithetho-siseko yolawulo lwequmrhu olunobulungisa kunye nayo yonke imithetho nemimiselo.

Abaphathi bePlayhouse Company banika ingxelo ngokuthotyelwa kwemithetho nemimiselo rhoqo ngekota. Uluhlu olulandelwayo lwePFMA luyathotyelwa kwaye xa lungathotyelwanga oko kuxelwa kwiBhunga nakwiikomiti ezingaphantsi kwalo.

# 8. UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILIZO

IPlayhouse Company inesicwangciso sokuthintela ubuqhophololo esiphononongwa rhoqo ngonyaka.

Esi sicwangciso sithabathela ingqalelo amaphulo asisiseko ePlayhouse Company okuthintela ubuqhophololo. Iinjongo ezingundoqo zesi sicwangciso zezi zilandelayo:

1. Ukunika izikhokelo zokuthintela, ukubona nokuxela izenzo zobuqhophololo;
2. Ukudala umkhwa okhuthaza bonke abasebenzi kunye nabathabathi nxaxheba ukuba benze izinto ngokusesikweni xa besebenza egameni lePlayhouse Company;
3. Ukukhuthaza bonke abasebenzi nabathabathi nxaxheba ukuba basebenzele ukulithintela nokulibona ifuthe elikhoyo okanye elinokwenziwa bubuqhophololo ePlayhouse Company;
4. Ukukhuthaza bonke abasebenzi kunye nabathabathi nxaxheba ukuba bangabinaloyiko lokutshutshiswa okanye lokumangalelwa xa bexela izikrokro zabo ngezenzo zobuqhophololo;
5. Kunye nokunika ugqaliso lokwaba ukunikwa kwengxelo kunye negunya.

# 9. UKUNCIPHISA IMBAMBANO YEMIDLA

Abaphathi nabasebenzi becandelo lezemali bazalisa ifomu yokubhengeza imidla yabo rhoqo ngonyaka. Abaphathi nabasebenzi bayakhuthazwa ukuba bayihlaziye le fomu rhoqo xa kukho iinguqu ezivelayo kwimidla yabo.

IPlayhouse Company inoMgaqo-nkqubo weMikhwa esesikweni nokhokela abasebenzi kwimeko apho kunokubakho imbambano yemidla.

# 10. UMGAQO WOKUZIPHATHA

IPlayhouse Company inoMgaqo-nkqubo weMikhwa esesikweni kunye noMgaqo-nkqubo woMgaqo woKuziphatha ekhokela abasebenzi kwindlela abathi baziphathe ngayo emsebenzini.

UMgaqo-nkqubo woMgaqo woKuziphatha uxhonywe kuzo zonke iibhodi zezaziso ezikhoyo ePlayhouse Company.

Ukuze abasebenzi bakwazi ukwenza isigqibo ngentshukumo emayithatyathwe nokumisela izinto ezibizwa ngemikhwa esesikweni kufuneka banike ingqalelo baze bakhokelwe zezi zinto zilandelayo:

- Imigaqo-nkqubo yeziko;
- Imithetho yelizwe;
- Indlela yokuziphatha eyamkelekileyo jikelele kunye nemikhwa eyamkelekileyo;
- Kunye neenqobo zabo ezisesikweni nezisemgangathweni.

Xa kukho nasiphi na isenzo esiphambukayo kwezi zinto zibalulwe apha ngasentla siya kuthi sithatyathwe njengokuziphatha kakubi.

Xa umsebenzi ethe wophula uMgaqo-nkqubo weMikhwa esesikweni okanye uMgaqo-nkqubo woMgaqo woKuziphatha kuya kuthi kulandelwe inkqubo eqhelekileyo yoluleko yecandelo lemicimbi yabasebenzi.

# 11. IMIBA YEZEMPILO, EYOKHUSELEKO KUNYE NEYOKUSINGQONGILEYO

Rhoqo ngonyaka iPlayhouse Company yenza uvavanyo lokuthotyelwa kwemimiselo yezempilo nokhuseleko. Isiphumo solu vavanyo siso esazisa iPlayhouse Company ngeendawo ezifuna ukuphuculwa nokumiliselwa.

Ukuthobela imimiselo yezempilo neyokhuseleko kuyenye yezalathisi eziphambili zokusebenza kwisicwangciso sokusebenza sonyaka sikaManejala weeNkonzo zeNkxaso.

IPlayhouse Company iyithobela ngokupheleleyo yonke imimiselo yezempilo nokhuseleko.

# 12. UXANDUVA LOLUNTU

Injongo yePlayhouse Company kukuphucula, ukukhuthaza nokulondoloza ubugcisa obenziwayo ngokuthi yenze imiboniso eyonwabisayo nefundisayo ize iboniswe kwiindidi ngeendidi zababukeli.

IPlayhouse Company iyithabatha le njongo yayo njengoxanduva enalo eluntwini.

Inkqubo yezobugcisa ePlayhouse Company ikulungele ukwenza umsebenzi wayo woxanduva lwaseluntwini.

Phakathi kweenkqubo ezilungiselelwe uxanduva lwasekuhlaleni, kusetyenziswa iqonga elijikelezayo ukuhambisa iinkqubo zokufikelela eluntwini kwiindawo ezisemaphandleni apho abantu bengakwazi ukufikelela kwithiyetha ukuze babone imidlalo yeqonga. Abanye kwaba bantu bayibona okokuqala ngqa ezimbalini imiboniso edlalwa ngqo kwaye loo nto ibavuyisa kakhulu.

Iqonga elijikelezayo likwasetyenziswa ukubonisa imiboniso yemisebenzi yezikolo kwiindawo ezisemaphandleni. Ngabantwana besikolo ababalelwa kuma-49 000 abafumene ithuba lokubona umboniso ngqo wemisebenzi yesikolo eqongeni. Mhlawumbi aba bantwana babengasoze balifumane eli thuba lokubukela umboniso weqonga.

# 13. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI

IKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo (iKomiti) ithi thaca ingxelo yayo yonyaka-mali ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015.

## Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo kunye neentlanganiso azihlaleleyo

Le Komiti inamalungu amahlanu nadweliswe apha ngezantsi kwaye kufuneka idibane ubuncinane kane ngonyaka ngokumisela kwemiqathango yayo evunyiweyo. Kubanjwe iintlanganiso ezine kulo nyaka.

**IKomiti endala exesha layo liphele ngowama-30 kweyoMsintsi 2014**

| Igama | Izidanga | Ungaphakathi/ ngaphandle | Umhla wokonyulwa | Inani leentlanganiso azihlaleleyo |
|---|---|---|---|---|
| Nkszn PMK Mvulane (uSihlalo – uzimele | CA (SA), RA | Ngowangaphandle | 1 kweyeThupha 2011 | 3 |
| Mnu SD Mngoma (uzimele) | CA (SA) | Ngowangaphandle | 1 kweyeThupha 2011 | 3 |
| Nkszn C Jugnarayan (uzimele) | CA (SA), RA | Ngowangaphandle | 1 kweyeThupha 2011 | 3 |
| Mnu S Gounden | CA (SA) | Ngowangaphakathi | 1 kweyeThupha 2011 | 2 |
| Mnu S Naidoo | B Admin & B Admin Honours | Ngowangaphakathi | 1 kweyeThupha 2011 | 2 |

**Ikomiti entsha eyonyulwe ngowama-23 kweyoMdumba 2015**

| Igama | Izidanga | Ungaphakathi/ ngaphandle | Umhla wokonyulwa | Inani leentlanganiso azihlaleleyo |
|---|---|---|---|---|
| Nkskz L Ntuli | Bachelor's Degree in Accounting | Ngowangaphakathi | 23 kweyoMdumba 2015 | 0 |
| Mnu M Purkey | BA(Wits), BA(Hons), MA Theatre Studies, uthweswe isidanga kwisikolo sikazwelonke semiboniso bhanyabhanya nomabonakude | Ngowangaphakathi | 23 kweyoMdumba 2015 | 0 |

## Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo

Le Komiti inika ingxelo yokokuba ilwenzile uxanduva lwayo olumiswe kwiCandelo lama-38 (1)(a) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente woku-1 ka-1999 kunye noMmiselo weSebe leZemali wesi-3.1. Kwakhona, le Komiti inika ingxelo yokokuba yamkele imiqathango esesikweni efanelekileyo njengomqulu wayo woPhicotho-zincwadi noLawulo, imicimbi yayo iyiphathe ngokuhambisana nalo mqulu kwaye ilufezekisile uxanduva lwayo oluqulethwe ngulo mqulu. Lo mqulu uphononongwa rhoqo ngonyaka uze wamkelwe yiKomiti usakuba uvunywe liGunya elinika ingxelo.

## Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi

IKomiti ilungelelanisa ize yongamele imisebenzi yophicotho-zincwadi lwangaphakathi. Ukwenza oku kunceda iKomiti ikwazi ukunika ingxelo ngokusebenza ngokukuko kophicotho-zincwadi lwangaphakathi. Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi luthatyathwe ngaphandle kwaye belusebenza kulo nyaka-mali.

IKomiti ithe yacamngca irejista yobungozi ehlaziyiweyo ngokwenkqubo-sikhokelo yolawulo lobungozi kunye nemigaqo-nkqubo eyamkelwe liGunya eliika ingxelo. IKomiti iphononongе yaze yavuma isicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi sobungozi seminyaka emithathu.

IKomiti yanelisekile kukusebenza ngokukuko kophicotho-zincwadi lwangaphakathi.

## Ukusebenza ngokukuko kolawulo lwangaphakathi

IKomiti ivavanye ukusebenza ngokukuko kolawulo lwangaphakathi yaza yaphononongа inkqubo yovavanyo lolawulo lobungozi ngokwenza oku kulandelayo:

- Iye kwiindibano zokuncazelana ngolwazi zovavanyo lobungozi nabo bonke abathathi-nxaxheba abaphambili;
- Ithabathe ukusebenza ngokukuko kweenkqubo zeziko zolawulo lobungozi njengento eqhubekayo eyenziwa ngabaphathi;
- Yongamele inkqubo yokulandelela zonke izinto ezifuna ukuphandwa ezifunyenwe ngabaphicothi-zincwadi ukuqinisekisa ukuba ziyalungiswa ngokupheleleyo;

- Ifune isiqinisekiso kubaphathi sokokuba ikho into eyenziwayo kwimiba ekumila kunje ekhankanywe ngabaphicothi-zincwadi; kwaye
- Inike abaphathi neGunya elinika ingxelo isikhokelo neengcebiso zokuqinisa iinkqubo zokulawula ubungozi kunye neenkcukacha zokusebenza xa kuphononongwa iingxelo zekota.

IKomiti iphononongе iingxelo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi, yafumanisa apho iziko libuthathaka khona yaza yakunika ingqalelo ukufaneleka kweempendulo zabaphathi zokuqinisekisa ukuba siyathotywa isantya sokuvela kobungozi kwanokuba imeko yolawulo iyaqhubeka nokuphucuka.

IKomiti yanelisekile yinto yokokuba iPlayhouse Company ithe gqolo ukugcina inqanaba elifanelekileyo lolawulo lwangaphakathi.

IKomiti iyangqinelana nabaphicothi-zincwadi ngokuthi ulawulo lwangaphakathi lusebenza ngokufanelekileyo kwaye luthembekile yaye imiba exelwe ngabaphicothi-zincwadi bangaphakathi kulo nyaka ayibonisanga kusilela.

Ulawulo lweengxelo zenyanga/zekota ezithunyelwa ngokuyalela kwePFMA noMthetho woKwahlulwa kweNgeniso lube lolwanelisayo ngokweziphumo zokongamela nezophicotho-zincwadi lwangaphakathi.

## Ingxelo yonyaka yabaphathi kunye neyenyanga/eyekota

IPlayhouse Company ithumele iingxelo zenyanga kwiFINCO nakwiKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo ngexesha kwaye ithumele iingxelo zekota kwiSebe lezoBugcisa neNkcubeko njengoko iyalela njalo iPFMA.

## Ukuphononongwa kweengxelo zemali

IKomiti:

- Iphononongе iingxelo zekota kuquka iingxelo zemali ukuqinisekisa ukungqinelana nokuchaneka kweenkcukacha;
- Ijonge ukufaneleka, ukwamkelwa nokusetyenziswa ngokungqinelanayo kwengxelo yemikhwa eyamkeleke jikelele yokunika ingxelo yaseMzantsi Afrika eyamkelwa liGunya elinika ingxelo;
- Ihlole umgangatho nokufakwa ngexesha kweenkcukacha zemali enazo iKomiti ukuze ikwazi ukongamela apha ekuhambeni konyaka;
- Iphononongе iingxelo zemali zePlayhouse Company zonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015 kwaye yanelisekile yinto yokokuba ayawathotyelwa amagatya oMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente kunye nengxelo yemikhwa eyamkeleke jikelele yokunika ingxelo yaseMzantsi Afrika;
- Iphononongе ingxelo yabaphathi yabaphicothi-zincwadi kunye nempendulo yabaphathi; kwaye
- Iphononongе ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele yaza yaphawula okokuba iingxelo zemali neenkcukacha zokusebenza azibanga nayo imiba efuna ukuphandwa.

## Ingxelo yoMphicothi-zincwadi

IKomiti inemincili ukunika ingxelo yokokuba iCompany ifumene ingxelo yomphicothi-zincwadi entle nengenasikhwasilima.

IKomiti iyangqinelana kwaye iyakwamkela ukuqukumbela koMphicothi-zincwadi kwiingxelo zemali zonyaka kwaye iKomiti inoluvo lokokuba iingxelo zemali zonyaka eziphicothiweyo mazamkelwe kwaye zifundwe kunye nengxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele.

IKomiti ithabatha eli thuba ukuvuyisana neBhunga kunye nabaphathi beziko ngemigudu yabo nokuzinikela kwabo ukuze bafumane ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele entle nengenasikhwasilima iminyaka emihlanu ilandelelana, kwaye ithanda ukuvakalisa ilizwi lombulelo ngenkxaso yabo kunye neengxoxo ezineziqhamo ezihle neKomiti.

***Nathi Mbele***

uuSihlalo obambeleyo weKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo

# INDIMA D

## ULAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI

## 1. INTSHAYELELO

Kuchongwe ezi nqobo ziphambili zilandelayo zexesha eliphononongwayo ukuxhasa isicwangciso seSebe

- Ukumilisela umyinge wama-90% wesicwangciso soqeqesho
- Ukuphononga ubume bezikhundla kwiziko kunye nokuzalisa zonke izithuba ezivulekileyo ingaphelanga ikota yesi-2
- Ukwandisa Ingeniso efunyanwa kwisicelo sesibonelelo senkxaso-mali eyodwa.
- Ukuqukumbela umiliselo lwenkqubo yoPhuhliso loLawulo
- Ukuqalisa inkqubo yabaphathi yokufundisa nokucebisa
- Ukugcina imeko yemicimbi yabasebenzi engenabungozi

ICompany yenze inkqubela ngokuzalisa izithuba zomsebenzi ezivulekileyo kulo nyaka-mali yaza yawuvala unyaka inomyinge wezithuba ezivulekileyo okwisi-8% kuphela. Ezi zithuba bezisavulekile ngethuba kuvalwa ixesha lokunika ingxelo - esikaManejala weStudiyo soShicilelo, uManejala weZentengiso, uManejala woLawulo, iNjineli, uMlungelelanisi weNtengiso noNxibelelwano, umsebenzi wethutyana wocwangciso-mali kunye noManejala wendawo yokusebenzela. Kunesicwangciso esikhoyo sokuzalisa izithuba ezivulekileyo. Ngaphaya kokuzaliswa kwezithuba ezisisigxina, kuqeshwe abasebenzi bethutyana ukuze kulungiswe imingeni yesikhawu yobuchule.

Sivelisa kwaye similisela isicwangciso sezakhono zomsebenzi rhoqo ngonyaka. Esi sicwangciso salatha zonke izinto eziyimfuneko yoqeqesho ngokokusebenza komntu ngamnye kunye nezesebe nezeziko njengezicwangciso zophuhliso lomsebenzi womntu ngenkqu. Abasebenzi banikwe uqeqesho olungqamene ngqo nezakhono nomsebenzi ngexabiso elingama- R 366 657.

Abasebenzi abahlanu bafumene uqeqesho lolawulo nolokufundisa yaye kwenziwe noqeqesho lokucebisa. ICompany ichonge izithuba ezifuna izakhono ezibalulekileyo nezinqongopheleyo yaza yamkela abafundi abalithoba ukuze benze uqeqesho lomsebenzi wabo begxininise kwizakhono zobuchule obubodwa kunye nolawulo lobugcisa. Ziyaqhubeka iingxoxo neDurban University of Technology zokusungula izifundo zediploma eziza kuvumela abafundi ukuba bafumane isidanga seHigher Certificate in Technical Production. Sifumene inkqubela engephi kumabango okubuyiselwa imali yiCATTHSETA yaye sibuyiselwe imali engama-R 40 000 kwimali eyachithwa kuqeqesho lweABET.

Uphononongo lokusebenza lunceda ukusungula ubudlelwane obuhle phakathi kwabasebenzi nabaphathi babo. Kukho izivumelwano zokusebenza ezikhoyo zazo zonke izikhundla ezivunyiweyo kubume bezikhundla beziko. Uphononongo olwenziwa kabini ngonyaka lwenziwe kulo nyaka. Sithe gqolo ukujonga iindlela zokuphucula umgangatho wolawulo lokusebenza kweli ziko.

Inkqubo yokujongana nempilo yabasebenzi inikwa ngabakwaICAS, ekungumniki weenkonzo ofunyenwe ngaphandle. Ukusetyenziswa kongenelelo oluziswa yile nkqubo kubonisa ukuba abasebenzi bayaqhubeka nokusebenzisa le nkonzo. Kubanjwe imini yokujongana nempilo yabasebenzi apha enyakeni, mini leyo ibigxile ekuxilongweni kwabasebenzi, ukomelela komzimba kunye nolawulo lwemali.

ICompany isebenzisa iindlela eziliqela ezisesikweni nezo zingamiselekanga ukunxibelelana nabasebenzi bayo. Ubudlelwane nabasebenzi kunye nemanyano yabasebenzi eyamkelweyo iSACCAWU buhle kwaye bobakhayo.

Njengoko iCompany ifumene ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele entle nengenasikhwasilima, akukho miba ifuna ukuphandwa efunyenweyo enxulumene nemicimbi yabasebenzi.

Akukho miceli-mngeni elijongene nayo eli candelo. Abasebenzi banele, bawuqeqeshelwe umsebenzi wabo kwaye bakulungele ukufezekisa iinjongo zeziko.

Kuchongwe ezi njongo zilandelayo zika-2015/16 ukunika inkxaso kwisicwangciso semicimbi yabasebenzi:

- Ukumilisela nokusebenzisa uMthetho woSetyenziso lweeLwimi eziseMthethweni
- Ukumilisela uMthetho weeMeko zeNgqesho eziSisiseko kunye noMthetho woBulungisa kwiNgqesho
- Ukuphucula ulawulo lwenkqubo yexesha lokufika nokubakho emsebenzini.
- Ukuthelekiswa kwemivuzo kunye nokunikwa amaxabiso kwezikhundla
- Ulawulo lwetalente nokucwangcisela ukungena ezikhundleni

# 2. IINKCUKACHA-MANANI ZOBONGAMELI BEMICIMBI YEZABASEBENZI

## Iindleko zabasebenzi kwinkqubo nganye

| Inkqubo | Inkcitho yeziko iyonke (R'000) | Inkcitho yabasebenzi (R'000) | Inkcitho yabasebenzi eziiphesenti kwinkcitho iyonke | Inani labasebenzi | Inkcitho yomsebenzi ngamnye eyiavareji (R'000) |
|---|---|---|---|---|---|
| | 72 793 | 27 410 | 38% | 87 | 315 |

## Iindleko zabasebenzi ngokwesikhundla

| Isikhundla | Inkcitho yabasebenzi (R'000) | Inkcitho yabasebenzi eziiphesenti kwinkcitho iyonke | Inani labasebenzi | Inkcitho yomsebenzi ngamnye eyiavareji (R'000) |
|---|---|---|---|---|
| Abaphathi abaphezulu | 1 661 | 6% | 1 | 1 661 |
| Abaphathi abayintloko | 1 100 | 4% | 1 | 1 100 |
| Abasebenzi abaqeqeshiweyo | 4 445 | 16% | 8 | 555 |
| Abasebenzi abanobuchule | 9 259 | 34% | 34 | 272 |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 8 361 | 31% | 43 | 194 |
| **Abasebenzi abangenabuchule** | **0** | | **0** | |
| **ZIZONKE** | **24 826** | **91%** | **87** | **285** |

## Iindleko zoqeqesho

| Icandelo/icandelo loshishino | Inkcitho yabasebenzi (R'000) | Inkcitho yoqeqesho (R'000) | Inkcitho yoqeqesho eziiphesenti kwinkcito yabasebenzi | Inani labasebenzi abaqeqeshiweyo | Iindleko eziyiavareji zoqeqesho zomsebenzi ngamnye (R) |
|---|---|---|---|---|---|
| | 27 410 | 367 | 1.34% | 41 | 8 955 |

## Ingqesho nezithuba ezivulekileyo

| Inkqubo | Inani labasebenzi 2012/2013 | Izithuba ezivunyiweyo 2013/2014 | Inani labasebenzi 2013/2014 | Izithuba ezivulekileyo 2013/2014 | Iphesenti yezithuba ezivulekileyo |
|---|---|---|---|---|---|
| | 86 | 95 | 87 | 8 | 8.42% |

| Inkqubo | Inani labasebenzi 2013/2014 | Izithuba ezivunyiweyo 2014/2015 | Inani labasebenzi 2014/2015 | Izithuba ezivulekileyo 2014/2015 | Iphesentiyezithuba ezivulekileyo |
|---|---|---|---|---|---|
| Abaphathi abaphezulu | 1 | 1 | 1 | 0 | 0 |
| Abaphathi abayintloko | 1 | 1 | 1 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abaqeqeshiweyo | 8 | 12 | 8 | 4 | 33.33% |
| Abasebenzi abanobuchule | 34 | 37 | 34 | 3 | 8.11% |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 42 | 44 | 43 | 1 | 2.27% |
| Abasebenzi abangenabuchule | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| **ZIZONKE** | **86** | **95** | **87** | **8** | **8.42%** |

## Iinguqu kwingqesho

| Inqanaba lomvuzo | Ingqesho ekuqaleni kwexesha | Abaqeshiweyo | Abaphelelweyo | Ingqesho ekupheleni kwexesha |
|---|---|---|---|---|
| Abaphathi abaphezulu | 1 | 0 | 0 | 1 |
| Abaphathi abayintloko | 1 | 0 | 0 | 1 |
| Abasebenzi abaqeqeshiweyo | 8 | 1 | 1 | 8 |
| Abasebenzi abanobuchule | 34 | 3 | 3 | 34 |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 42 | 3 | 2 | 43 |
| Abasebenzi abangenabuchule | 0 | 0 | 0 | 0 |
| **ZIZONKE** | **86** | **7** | **6** | **87** |

## Izizathu zokushiya kwabasebenzi

| Isizathu | Inani | Iphesenti yenani labasebenzi abashiyayo bebonke |
|---|---|---|
| Ukufa | 1 | 16.67% |
| Ukushiya esikhundleni | 3 | 50.00% |
| Ukugxothwa | 0 | 0 |
| Umhlala-phantsi | 1 | 16.67% |
| Impilo enkenenkene | 0 | 0 |
| Ukuphela kwekontrakti | 0 | 0 |
| Ezinye | 1 | 16.66% |
| **Zizonke** | **6** | **100%** |

## Impathwano emsebenzini: Ukuziphatha gwenxa kunye noluleko

| Uhlobo loluleko | Inani |
|---|---|
| Isilumkiso esenziwa ngomlomo | 1 |
| Isilumkiso esibhaliweyo | 0 |
| Isilumkiso sokugqibela esibhaliweyo | 2 |
| Ukugxothwa | 0 |

## Umakulinganwe kwingqesho nobume bobulungisa kwingqesho

| Izikhundla | AMADODA | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | Amnyama | | AmaKhaladi | | AmaNdiya | | Amhlophe | |
| | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Target |
| Abaphathi abaphezulu | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abaphathi abayintloko | 0 | 0 | 0 | 0 | 1 | 1 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abaqeqeshiweyo | 3 | 4 | 0 | 0 | 1 | 1 | 1 | 2 |
| Abasebenzi abanobuchule | 21 | 16 | 1 | 1 | 2 | 2 | 3 | 4 |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 22 | 26 | 0 | 0 | 4 | 4 | 1 | 1 |
| Abasebenzi abangenabuchule | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| **EWONKE** | **46** | **46** | **1** | **1** | **8** | **8** | **5** | **7** |

| Izikhundla | AMABHINQA | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | Amnyama | | Amakhaladi | | AmaNdiya | | Amhlophe | |
| | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo |
| Abaphathi abaphezulu | 1 | 1 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abaphathi abayintloko | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abaqeqeshiweyo | 1 | 3 | 0 | 0 | 1 | 1 | 1 | 1 |
| Abasebenzi abanobuchule | 5 | 6 | 1 | 1 | 0 | 1 | 1 | 1 |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 9 | 9 | 1 | 1 | 4 | 4 | 2 | 4 |
| Abasebenzi abangenabuchule | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| **EWONKE** | **16** | **19** | **2** | **2** | **5** | **6** | **4** | **6** |

| Izikhundla | ABASEBENZI ABANEZIPHENE EMZIMBENI | | | |
|---|---|---|---|---|
| | Amadoda | | Amabhinqa | |
| | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo |
| Abaphathi abaphezulu | 0 | 0 | 0 | |
| Abaphathi abayintloko | 0 | 0 | 0 | |
| Abasebenzi abaqeqeshiweyo | 0 | 0 | 1 | } 2 |
| Abasebenzi abanobuchule | 0 | 0 | 0 | |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 0 | 0 | 0 | |
| Abasebenzi abangenabuchule | 0 | 0 | 0 | |
| **BEBONKE** | **0** | **0** | **0** | |

# INDIMA E

## IINKCUKACHA ZEMALI

### 1. INGXELO YOKUTHABATHA UXANDUVA

IBhunga linoxanduva lokulungisa iingxelo zemali zonyaka zePlayhouse Company kunye nolokugweba okwenziwa kolu lwazi. IBhunga linoxanduva lokusungula nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyilelwe ukunika futhi iqinisekise ubulungisa nokuthembeka kweengxelo zemali zonyaka.

Ngokoluvo lwam, ezi ngxelo zemali zibonisa ngokufanelekileyo imisebenzi yePlayhouse Company kunyaka-mali ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015.

UMphicothi-zincwadi Jikelele uyabandakanywa ukuze anike uluvo lwakhe olungathabathi cala kwiingxelo zemali zonyaka zePlayhouse Company.

Iingxelo zemali zonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015 zePlayhouse Company ziphicothwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele kwaye ingxelo yakhe ifumaneka kwiphepha 53.

Iingxelo zemali zonyaka zePlayhouse Company ezinikwe kwiphepha 55 ukusa kwiphepha 80 zivunyiwe.

**_Nkszn Linda Bukhosini_**
INgqonyela noMlawuli wezoBugcisa

**_Nkszn Hlengiwe Christophina Mgabadeli_**
USihlalo weBhunga

# 2. INGXELO YENGQONYELA

## Ukusebenza kwemali

### Ingeniso

Ingeniso iyonke ihle ngomyinge we-6% ukusuka kwizigidi ezingama-R73 ukusa kwizigidi ezingama-R66.

- Oku kuhla kwayanyaniswa nokuthotywa kwesibonelelo esiyinkunzi esibalulwa ngokweGRAP23 nesithotywe ngezigidi ezisi-R7.

Esi sibonelelo besifunyanwa kwiSebe lezoBugcisa neNkcubeko kwaye silungiselelwe ukuxhasa ngemali iiprojekthi ezithile.

### Iindleko zokusebenza

Iindleko zokusebenza zonyuke ngomyinge we-1% ukusuka kwizigidi ezingama-R73 ukusa kwizigidi ezingama-R74.

### Intsilelo yonyaka

Intsilelo yezigidi ezi-R2.8 yonyaka ka-2015 igqala ukuhla kwexabiso elifanelekileyo lempahla yexabiso ngokweGRAP 17.

## Ubume bezimali

IPlayhouse Company ibonise uzinzo ezimalini ngexesha lokuphela konyaka.

- Ukuhla kwempahla yexabiso ngezigidi ezi-R3.9m kudalwe ziindleko zokuguquguquka ezingaphaya kweendleko zempahla yexabiso ezenziwe apha enyakeni.

- Impahla yexabiso ekhoyo yonyuke ngezigidi ezingama-R24 kwaye oku kubangelwe kukonyuka kwemali ngezigidi ezingama-R24 ngenxa yokufakwa kwezigidi ezingama-R24 liSebe lezoBugcisa neNkcubeko ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015.

- Amatyala akhoyo onyuke ngezigidi ezili-R19. Oku kubangelwe kukuhla kwengeniso ngezigidi ezili-R19.

## Ukungena kwemali

Imali engenayo yonyuke ngezigidi ezingama-R24 ukusuka kwizigidi ezingama-R81 ukusa kwizigidi ezili-R105. Imali engenayo yemisebenzi ibe zizigidi ezingama-R31 kwaye ibethe ngaphaya kwemali engenayo yotyalo-mali ezizigidi ezisi-R7.

## Inkqubo-sikhokelo ephathekayo

IBhunga limisele inkqubo-sikhokelo yalo yamanqanaba amkelekileyo aphathekayo nabonakalayo, libambisene nabaphicothi-zincwadi bangaphandle ngolu hlobo lulandelayo:

- Ingeniso nenkcitho – 1%

- Impahla yexabiso namatyala – 3%

Ukuphatheka kubalwa ngokwale nkqubo-sikhokelo ilapha ngasentla, kodwa kukho iimeko apho kufuneka inqanaba lokuphatheka elingqongqo kwaye liye lilungelelaniswe kuloo meko. Kusetyenziswa indlela elumkileyo ukumisela la manqanaba okuphatheka.

***Nkszn Linda Bukhosini***
INgqonyela noMlawuli wezoBugcisa

# 3. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE YEPLAYHOUSE COMPANY EZA KUTHIWA THACA EPALAMENTE

## Ingxelo yeengxelo zemali

### Intshayelelo

1. Ndiphicothe iingxelo zemali zePlayhouse Company ezixelwe kumaphepha 55 ukusa kuma-80, aquka ingxelo yobume bezemali ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015, ingxelo yokusebenza kwemali, ingxelo yeenguqu kwintsalela yempahla yexabiso nengxelo yokungena kwemali, kunye nengxelo yothelekiso lweenkcukacha zohlahlo-mali neenkcukacha ezikhoyo ekupheleni konyaka, kwakunye namanqaku aqulethe isishwankathelo semigaqo-nkqubo yokunik' ingxelo ebalulekileyo kunye nezinye iinkcukacah ezichazayo.

### Uxanduva lwegunya elinika ingxelo kwiingxelo zemali

2. Ibhodi yabalawuli equka igunya elinika ingxelo, inoxanduva lokulungisa nokuzisa ezi ngxelo zemali ngendlela enobulungisa ngokungqinelana neMigangatho yeloMzantsi Afrika yeMikhwa yoKunik'ingxelo eYamkeleke Jikelele (iMigangatho yeloMzantsi Afrika yeGRAP) kunye noko kufunwa nguMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente woMzantsi Afrika, 1999 (uMthetho woku-1 ka-1999) (iPFMA) kwaye inoxanduva lolawulo lwangaphakathi oluthatyathwa ligunya elinika ingxelo njengoluyimfuneko xa kulungiswa iingxelo zemali ezingagqwethwanga, nokokuba zigqwethwe ngenxa yobuqhophololo okanye yorhwaphilizo.

### Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele

3. Uxanduva lwam kukuvakalisa uluvo ngezi ngxelo zemali ngokophicotho-zincwadi endilwenzileyo. Ndenze uphicotho-zincwadi ngokungqinelana neMigangatho yeHlabathi yoPhicotho-zincwadi. Le migangatho ifuna okokuba ndithobele iimfuno zemikhwa esesikweni, kwaye ndicwangcise ndize ndenze uphicotho-zincwadi ukuze ndifumane isiqinisekiso esifanelekileyo sokokuba ezi ngxelo zemali azigqwethwanga okanye azinasiphene kusini na.

4. Uphicotho-zincwadi luquka ukwenza iinkqubo zokufumana ubungqina bophicotho-zincwadi lwamanani noko kubhengezwe kwiingxelo zemali. Iinkqubo ezikhethwayo zixhomekeka ekugwebeni komphicothi-zincwadi, kuquka uvavanyo lobungozi bokugqwetha iingxelo zemali, nokokuba oko kwenzeke ngenxa yobuqhophololo okanye yimpazamo. Xa umphicothi-zincwadi esenza olu vavanyo lobungozi ugqala ulawulo lwangaphakathi lweziko olujongene nokulungiswa nokuziswa ngobulungisa kweengxelo zemali ukuze akwazi ukuyila iinkqubo zophicotho-zincwadi ezifanele imeko leyo kuyiyo, kodwa oku akwenzelwa ukuze kuvakaliswe uluvo ngokusebenza ngokukuko kolawulo lwangaphakathi lweziko. Uphicotho-zincwadi luquka ukuvavanywa kokufaneleka kwemigaqo-nkqubo yokunik'ingxelo esetyenzisiweyo kunye nengqiqo yothelekelelo lokunik'ingxelo olwenziwe ngabaphathi, kwakunye nokuhlola ukuziswa kweengxelo zemali kukonke.

5. Ndikholelwa ekubeni ubungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyo banele kwaye bufanelekile ukunika isiseko soluvo lwam lophicotho-zincwadi.

### Uluvo

6. Ngokoluvo lwam, iingxelo zemali zibonisa ngobulungisa ubume bezemali bePlayhouse Company ngomhla wama-31 ngeyoKwindla 2015 kunye nokusebenza kwayo kwemali kwakunye nemali engenayo yonyaka ophelileyo, ngokungqinelana neMigangatho yeloMzantsi Afrika yeGRAP kunye neemfuno zePFMA.

### Ukugxininisa umba

7. Ndigxininisa kulo mba ungezantsi. Uluvo lwam aluguqulwanga ngenxa yalo mba.

### Ukuxelwa kwakhona kwamanani angqinelanayo

8. Njengoko kubhengezwe kwinqaku lesi-2 kwiingxelo zemali, amanani angqinelanayo omhla wama-31 kweyoKwindla 2014 axelwe kwakhona ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015 kwiingxelo zemali zePlayhouse Company zonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2014.

### Ingxelo kwezinye iimfuno zomthetho nezolawulo

9. Ngokungqinelana noMthetho woPhicotho-zincwadi lukaRulumente eMzantsi Afrika, 2004 (uMthetho wama-25 ka-2004) (iPAA) kunye nesibhengezo jikelele esikhutshwe ngokwalo mthetho ndinoxanduva lokunika ingxelo ngeziphumo zeenkcukacha zokusebenza xa zithelekiswa neenjongo ezixelwe ngenx'engaphambili kwiinjongo ezichongiweyo ezinikwe kwingxelo yokusebenza yonyaka, ukuthobela imithetho kunye nolawulo lwangaphakathi. Injongo yovavanyo lwam ibikukuchonga izinto ezifuna ukuphandwa njengoko zichazwe phantsi kwesihlokwana ngasinye kodwa ingeyiyo

## 3. REPORT OF THE AUDITOR-GENERAL TO PARLIAMENT ON THE PLAYHOUSE COMPANY (CONTINUED)

eyokufumana ubungqina ukuze ndivakalise ukuqiniseka kule miba. Ngoko ke andivakalisi luvo lwam okanye isigqibo ngale miba.

### Iinjongo ezixelwe ngenx'engaphambili

10. Ndenze iinkqubo zokufumana ubungqina ngoncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zeNkqubo yesi-2: uPhuhliso loShishino ezikwiphepha lama-31 nelama-32 kunye neNkqubo yesi-3: Ingeniso ekwiphepha lama-33 nelama-34, ezinikwe kwingxelo yokusebenza yonyaka yeziko likarhulumente yonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015.

11. Ndizivavanyile iinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ndizithelekisa nenqobo yokugweba yoncedo nokuthembeka iyonke.

12. Ndivavanye uncedo lweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ukufumanisa ukuba zinikwe ngokungqinelana nemithetho-siseko yokunika ingxelo yonyaka yeSebe leZemali kwanokokuba ukusebenza okuxeliweyo kuyangqinelana neenjongo ezicetyiweyo kusini na. Kananjalo ndenze uvavanyo lokufumanisa okokuba izalathisi nenjongo zichazwe ngokukuko, zinokuqinisekiswa, zicacile, zinokulinganiswa, zibekelwe ixesha kwaye zifanelekile, ngokufuna *kweNkqubo-sikhokelo yeSebe leZemali likaZwelonke sokulawula inkqubo yeenkcukacha zokusebenza* (iFMPPI).

13. Ndivavanye ukuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ukufumanisa ukuba zisemthethweni, zichanekile yaye zigqibelele.

14. Ndivavanye iinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ndizithelekisa nenqobo yokugweba yoncedo nokuthembeka iyonke.

15. 15. Ndivavanye uncedo lweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ukufumanisa ukuba zinikwe ngokungqinelana nemithetho-siseko yokunika ingxelo yonyaka yeSebe leZemali likaZwelonke kwanokuba ukusebenza okuxeliweyo kuyangqinelana kusini na neenjongo ezicetyiweyo. Kananjalo ndenze uvavanyo ukufumanisa ukuba izalathisi neenjongo zichazwe ngokukuko, zinokuqinisekiswa, zicacile, zinokulinganiswa, zibekelwe ixesha kwaye zifanelekile, ngokufuna *kweNkqubo-sikhokelo yeSebe leZemali likaZwelonke sokulawula inkqubo yeenkcukacha zokusebenza* (iFMPPI).

16. Ndivavanye ukuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ukufumanisa ukuba zisemthethweni, zichanekile kwaye zigqibelele.

17. Andifumanisanga miba ifuna ukuphandwa kuncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zeNkqubo yesi-2: uPhuhliso loShishino kwakunye neNkqubo yesi-3: Ingeniso.

### Umba owongezelelweyo

18. Nangona ndingafumananga miba ifuna ukuphandwa kuncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo kwezi nkqubo zikhankanyiweyo, kodwa ndigxininisa lo mba ulandelayo.

### Ukuphunyezwa kweenjongo ezicetyiweyo

19. Jonga kwingxelo yokusebenza yonyaka kwiphepha 26 ukusa kwiphepha 34 ngeenkcukacha zokuphunyezwa kweenjongo ezicetyiweyo zonyaka.

### Ukuthobela imithetho

20. 20. Ndenze iinkqubo zokufumana ubungqina bokokuba iziko likarhulumente liyithobele imithetho esebenzayo ngokunxulumene nemiba yezemali, ulawulo lwemali kunye neminye imiba enxulumene noku. Andizifumananga iziganeko zokungayithobeli imiba ethile kwimithetho engundoqo njengoko ibalulwe kwisibhengezo jikelele esikhutshwe ngokwePAA.

### Ulawulo lwangaphakathi

21. Ndilucamngcile ulawulo lwangaphakathi olunxulumene nophicotho-zincwadi endilwenzileyo lweengxelo zemali, olwengxelo yokusebenza nokuthobela imithetho. Andifumananga kusilela kuxhomisa amehlo kulawulo lwangaphakathi.

Auditor – General

Pietermaritzburg
29 kweyeKhala 2015

AUDITOR-GENERAL
SOUTH AFRICA
Auditing to build public confidence

# 4. INGXELO YOBUME BEMALI

## Ingxelo Yobume Bemali

| | Amanqaku | eyoKwindla 2015 | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| **IMPAHLA YEXABISO** | | | |
| **Impahla yexabiso engasetyenziswayo** | | | |
| Impahla yexabiso elilifa | 3.1 | 88 330 000 | 88 330 000 |
| Ipropati, oomatshini nezixhobo | 3.2 | 90 476 430 | 98 400 637 |
| Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa | 3.3 | 100 669 | 111 530 |
| **Izintlu zeempahla** | | 106 622 541 | 82 536 513 |
| Izintlu zeempahla | 4 | 481 021 | 618 410 |
| Urhwebo nezinye izinto ezifunyanwayo | 5 | 1 368 301 | 721 234 |
| Imali eziinkozo nemali elingana nayo | 6 | 104 773 219 | 81 196 869 |
| **Impahla yexabiso iyonke** | | **285 529 640** | **269 378 680** |
| **IMPAHLA YEXABISO EYINTSALELA NAMATYALA** | | | |
| **Impahla yexabiso eyintsalela** | | | |
| Intlanganisela yentsalela | | 238 401 514 | 241 153 918 |
| Amatyala akhoyo | | 47 128 126 | 28 224 762 |
| Urhwebo nezinye iznto ezihlawulwayo | 7 | 6 313 703 | 6 117 518 |
| Umvuzo orhoxisiweyo | 8 | 40 814 423 | 22 107 244 |
| **Impahla yexabiso eyintsalela namatyala** | | **285 529 640** | **269 378 680** |

## Ingxelo Yokusebenza Kwemali

| | Amanqaku | eyoKwindla 2015 | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| **Ingeniso** | | 66 950 826 | 73 376 022 |
| Izibonelelo | 9 | 59 222 819 | 64 831 949 |
| Enye ingeniso yokusebenza | 10 | 6 728 007 | 8 544 073 |
| **Nganeno : Inkcitho** | | 46 430 826 | 47 015 482 |
| Iindleko zokuvelisa | 11 | 12 031 493 | 15 207 392 |
| Iindleko zeenkonzo zemveliso nezobuchwepheshe | 12 | 4 740 690 | 4 291 355 |
| Enye inkcitho yokusebenza | 13 | 29 658 643 | 27 516 735 |
| Imivuzo | 14 | 27 410 372 | 25 750 322 |
| **(Intsilelo) Intsalela yokusebenza** | 15 | (7 890 372) | 610 218 |
| Inzala efunyenweyo | | 5 137 968 | 4 613 508 |
| **Intsalela yonyaka** | 16 | **(2 752 404)** | **5 223 726** |

## Ingxelo Yeenguqu Kwimpahla Yexabiso Eyintsalela

| | Amanqaku | eyoKwindla 2015 | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| **Intsalela eyintlanganisela evulayo njengoko kuxeliwe kwakhona** | | 236 958 404 | 230 686 726 |
| Impazamo yexesha langaphambili (inqaku 2) | 2 | 4 195 514 | 5 243 466 |
| **Intlanganisela yentsalela njengoko kuxeliwe** | | 241 153 918 | 235 930 192 |
| Intsalela yonyaka njengoko ixeliwe ngaphambili | | - | 6 271 678 |
| Ukuhla kwexabiso lempahla yexabiso | | - | (1 047 952) |
| (Intsilelo) Intsalela yonyaka | | (2 752 404) | 5 223 726 |
| **Intlanganisela yentsalela evalayo** | 17 | **238 401 514** | **241 153 918** |

# Ingxelo Yokungena Kwemali

| | Amanqaku | eyoKwindla 2015 | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| **Imali engenayo yemisebenzi** | | | |
| Imali efunyenwe kubaboneleli nakubaxumi | | 107 305 761 | 95 942 540 |
| Imali ehlawulwe kubaniki beenkonzo nakubasebenzi | | (81 135 465) | (93 834 288) |
| **Imali eyenziwe ngemisebenzi** | **18** | **26 170 296** | **2 108 252** |
| Inzala efunyenweyo | | 5 137 968 | 4 613 508 |
| **Imali eyintsalela eyenziwe ngemisebenzi** | | 31 308 264 | 6 721 760 |
| **Imali engenayo ezaliswayo** | | | |
| Izongezo kwipropati, oomatshini nezixhobo | | (7 868 208) | (11 429 149) |
| Izongezo kwimpahla engenakuchukunyiswa | | (50 598) | (26 436) |
| Inzuzo yokuthengiswa kwepropati, oomatshini nezixhobo | | 186 892 | - |
| **Imali eyintsalela ezaliswayo** | | (7 731 914) | (11 455 585) |
| **Imali engenayo yemisebenzi yezemali** | | | |
| Ukuhla kwemali-mboleko yexesha elide | | - | - |
| **Imali eyintsalela yemisebenzi yezemali** | | - | - |
| **Intsalela yokunyuka kwemali eziinkozo nenye imali** | | 23 576 350 | (4 733 825) |
| Imali eziinkozo nenye imali ekuqaleni konyaka | | 81 196 869 | 85 930 694 |
| **Imali eziinkozo nenye imali ekupheleni konyaka** | 6 | **104 773 219** | **81 196 869** |

# Imigaqo-Nkqubo Yokunik'ingxelo

**1 Imigaqo-nkqubo yokunik'ingxelo**

***1.1*** Iingxelo zemali zilungiswe ngokungqinelana nemigangatho eyamkeleke jikelele yokunik'ingxelo (iGRAP) kuquka naziphi na ezinye iinkcazo, izikhokelo kunye nemiyalelo ekhutshwe yiBhodi yeMigangatho yoKunik'ingxelo ngokuyalela kweCandelo lama-55(1)(b) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, (uMthetho woku-1 ka-1999 ohlonyelwe nguMthetho wama-29 ka-1999). Impahla yexabiso, amatyala, ingeniso kunye nenkcitho azilinganiswanga ngaphandle kwaxa ukulinganiswa kwazo kufunwa okanye kuvunyelwa nguMgangatho weGRAP. Imigaqo-nkqubo yokunik'ingxelo isetyenziswa kunye naleyo isetyenziswe ukuzisa iingxelo zemali zonyaka ogqithileyo, ngaphandle kwalapho kuxelwe ngokucacileyo. Iinkcukacha zazo naziphi na iinguqu kwimigaqo-nkqubo yokunik'ingxelo zichazwe kumgaqo-nkqubo ofanelekileyo.

Iingxelo zemali zonyaka zilungiswe phantsi kwesiseko esongezelekileyo sokunik'ingxelo kwaye zingqinelana nemvumelwano yeendleko ngaphandle kwezixhobo zemali ezilinganiswe ngexabiso elifanelekileyo.

Le migaqo-nkqubo yokunik'ingxelo iyangqinelana neyonyaka ogqithileyo.

Umgangatho weGRAP ovunywe yiBhodi yeMigangatho yoKunik'ingxelo nosetyenziswa ePlayhouse Company.

GRAP 1 Ukunikwa kweengxelo zemali
GRAP 2 Iingxelo zokungena kwemali
GRAP 3 Imigaqo-nkqubo yokunik'ingxelo, iinguqu neempazamo kuthelekelelo lokunik'ingxelo
GRAP 6 Iingxelo zemali ezimanyiweyo nokunik'ingxelo yamaziko alawulwayo
GRAP 9 Ingeniso evela kulwananiso
GRAP 12 Izintlu zeempahla
GRAP 13 Ukuqeshisa
GRAP 14 Iziganeko zasemva komhla wokunika ingxelo
GRAP 17 Izindlu, oomatshini nezixhobo
GRAP 19 Amagatya, amatyala anokwenzeka kunye nempahla yexabiso enokubakho
GRAP 100 Impahla yexabiso engasetyenziswayo ethengiswayo nemisebenzi eyekiweyo
GRAP 31 Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa
IPSAS 20 Ukubhengeza kwemibutho
GRAP 21 Ukonakaliswa kwempahla yexabiso engangenisi mali (alisebenzi eli gatya ePlayhouse Company)
GRAP 23 Ukugqithisa nengeniso yerhafu engeyiyo eyolwananiso (kusebenza imithetho-siseko yomgaqo-siseko)
GRAP 24 Ukunikwa kweenkcukacha zoqingqo-mali (kusebenza imithetho-siseko yomgaqo-nkqubo)
GRAP 25 Izibonelelo zabasebenzi
GRAP 26 Ukonakaliswa kwempahla yexabiso engenisa imali
GRAP 103 Impahla yexabiso elilifa (yamkelwa kwangoko)
GRAP 104 Izixhobo zemali

Ezi ngxelo zilandelayo zezenzo ezamkeleke jikelele zokunik'ingxelo ezikhutshwe yiBhodi yeMigangatho yoKunik'ingxelo zifakiwe kodwa azisebenzi ePlayhouse Company:
GRAP 4 Ifuthe leenguqu kwixabiso lolwananiso lwangaphandle
GRAP 5 Imali-mboleko
GRAP 7 Ukunik'ingxelo yotyalo-mali kumanyano
GRAP 8 Ukunika ingxelo yemali kwinzala efunyenwe kutyalo-mali oluhlanganisiweyo
GRAP 10 Ukunik'ingxelo yemali kuqoqosho olunemali eyonyuka ngamandla
GRAP 11 Iikontrakta zokwakha
GRAP 16 Impahla yotyalo-mali
GRAP 27 Ezolimo
IIFRS 4 Izivumelwano zeinshorensi
IFRS 6 Ukuhlolela nokuvavanya izimbiwa
IAS 12 Ingeniso yerhafu
IFRIC 12 Ulungelelwaniso lwemvume yenkonzo
SIC 25 Ingeniso yerhafu - Iinguqu kubume berhafu yeziko okanye abanini zabelo beziko
SIC 29 Ulungelelwaniso lwemvume yenkonzo

Ezi ngxelo zilandelayo zezenzo ezamkeleke jikelele zokunik'ingxelo ezikhutshwe yiBhodi yeMigangatho yoKunik'ingxelo zikhona kodwa azikasebenzi ngokupheleleyo kumaziko kashedyuli 3A no3C kunye nakumaziko omgaqo-siseko:
GRAP 18 Ukunika ingxelo ngeziqingatha
GRAP 20 Ukubhengeza kwemibutho efanelekileyo (kusebenza imithetho-siseko yomgaqo-nkqubo)
GRAP 32 Ulungelelwaniso lwemvume yenkonzo: Umboneleli
GRAP 105 Ukugqithiswa kwemisebenzi phakathi kwamaziko aphantsi kolawulo olufanayo
GRAP 106 Ukugqithiswa kwemisebenzi phakathi kwamaziko angekho phantsi kolawulo olufanayo
GRAP 107 Umanyano
GRAP 108 Izinto zomthetho ezifunyanwayo
Imithetho-siseko yokunakana neyokulinganisa kwezi ngxelo zeGRAP zingasentla apha xa zithelekiswa neengxelo zeGAAP ezingene endaweni yazo azohlukanga kungenjalo azibonisi mahluko ungako kwizinto ezinikwe nezibhengezwe kwiingxelo zemali.

## Imigaqo-Nkqubo Yokunik'ingxelo (iyaqhutywa)

***1.2. Ukusetyenziswa kothelekelelo nokugweba***

Ukulungiswa kweengxelo zemali kunyanzelise okokuba abaphathi bagwebe, benze uthelekelelo nezizindlo ezichaphazela ukusetyenziswa kwemigaqo-nkqubo yokunik'ingxelo kunye namaxabiso axeliweyo empahla yexabiso nawamatyala, awengeniso kunye nawenkcitho. Uthelekelelo nezizindlo zisekelwe kumava embali nakwezinye izinto ekukholeleka ukuba zifanelekile phantsi kweemeko, iziphumo zazo zenza isiseko sokugweba ngamaxabiso empahla yexabiso namatyala angabonakaliyo kweminye imithombo. Iziphumo ezizizo zinokwahluka kolu thelekelelo.

Uthelekelelo nezizindlo ezisekeleyo ziyaphononongwa rhoqo. Ulungiso lothelekelelo lokunik'ingxelo luyanakanwa ngexesha olulungiswa ngalo xa uthelekelelo olo luchaphazela elo xesha kuphela okanye ngexesha lolungiso nangexesha elizayo xa ulungiso olo luchaphazela ixesha langoku nelizayo.

Iinkcukacha ngemiba ebalulekileyo yothelekelelo, ukungaqiniseki nokugweba okubalulekileyo ekusebenziseni imigaqo-nkqubo yokunik'ingxelo enelona futhe likhulu kwinani elikwiingxelo zemali zichazwa kula manqaku alandelayo:
Inqaku 1.3 Ipropati, oomatshini nezixhobo
Inqaku 1.5 Impahla yexabiso engachukunyiswayo
Inqaku 1.12 Amagatya

***1.3. Ipropati, oomatshini nezixhobo***

Ipropati, oomatshini nezixhobo zixelwe kwiindleko zembali ezinganeno kwentlanganisela yokuhla kwexabiso nelahleko yokonakaliswa. Ubomi bempahla yexabiso bufumaneke emva kokuthabathela ingqalelo zonke iimeko ezichaphazela iPlayhouse Company. Inkqubo yobomi nokuhla kwexabiso lempahla yexabiso iyavavanywa rhoqo ngonyaka kwaye naziphi na iinguqu kuthelekelelo zinikwa ingqalelo xa kuqingqwa iindleko zokuhla kwexabiso nokuhlawula amatyala ngemali ebekelwe wona. Ixabiso eliyintsalela loomatshini nezixhobo liyinto engekhoyo njengoko impahla yexabiso isetyenziswa ubomi bayo bonke.

Xa impahla yexabiso ithengwa liziko likarhulumente kungekho okanye kukho ingqalelo encinane (oko kukuthi intengiselwano yolwananiso), ixabiso lithatyathwa njengelilingana nexabiso elifanelekileyo lempahla leyo ngomhla ethengwa ngawo.

Impahla yexabiso inikwa ixabiso elifanelekileyo ngenkqubo yokubuyisela ixabiso elihlileyo. Xa ingekho imalike esebenzayo, ixabiso elifanelekileyo lempahla limiswa ngokuthelekisa nenye impahla eneempawu ezifanayo.
Amalungu olaleliso amakhulu athatyathwa njengepropati, oomatshini nezixhobo xa iziko lifuna ukuwasebenzisa amatyeli aliqela. Kananjalo xa amalungu olaleliso amakhulu enokusetyenziswa kuphela ngokunxulumene nomba othile wepropati, oomatshini nezixhobo axelwa njengepropati, oomatshini nezixhobo.

Ukuhla kwexabiso kubalwa ngenkqubo engqalileyo ukususa ixabiso lempahla yexabiso nganye kumaxabiso athelekelelweyo entsalela ngaphaya kobomi bazo obuthelekelelweyo ngolu hlobo lulandelayo:

| | |
|---|---|
| Izakhiwo | : Iminyaka engama-50 |
| Iinqwelo-mafutha | Iminyaka emi-5 |
| Ifanitshala yaseofisini nezinye izixhobo | Iminyaka emi-5 |
| Izixhobo zekhompyutha | Iminyaka emi-3 |
| Iqonga | Iminyaka emi-4 |
| Izixhobo zendawo yokusebenzela | Iminyaka emi-5 |
| Alithotywa ixabiso lemisebenzi yobugcisa, kwaye impahla yeqonga, impahla yemiboniso kunye nemibhalo-ngqangi zibhalwa amaxabiso xa zithengwayo. | |

Inkcitho enxulumene nepropati, oomatshini nezixhobo izuzwa xa kunokwenzeka ukuba inzuzo yoshishino yexesha elizayo yokusetyenziswa kwempahla yexabiso yonyusiwe. Yonke enye inkcitho elandelayo ibonwa njengenkcitho ngexesha elo yenziwe ngalo.

***1.4. Ukonakaliswa***

*Impahla yexabiso engangenisi mali*

Ixabiso lempahla yexabiso yePlayhouse Company ngaphandle kwezintlu zempahla liyaphononongwa rhoqo ngomhla wokunika ingxelo ukufumanisa okokuba akukho konakaliswa kukhoyo kusini na. Xa kukho ukonakaliswa kuthi kuthelekelelwe ixabiso elinokufunyanwa ngempahla leyo.

Ixabiso elinokufunyanwa ngempahla yexabiso lixabiso elikhulu lokusetyenziswa kwayo kunye nexabiso layo kususwe iindleko zokuyithengisa. Ngeenjongo zokuhlola ukonakaliswa kwempahla kuye kuvavanywe imeko yempahla yexabiso ukuze kuqinisekiswe ixabiso layo lokuyisebenzisa. Xa impahla yexabiso yonakele kangangokuba ingenakulungiseka iyalahlwa.

Ilahleko yokonakaliswa kwempahla ibonwa njengexabiso lenzala xa impahla yexabiso ingaphaya kwexabiso elinokufunyanwa kuyo. Ilahleko yokonakaliswa igqalwa kwingeniso okanye kwilahleko.

*Ukuguqulwa kokonakaliswa*

Ilahleko yokonakaliswa iyaguqulwa xa kubekho iinguqu kuthelekelelo olusetyenziselwe ukumisela ixabiso elinokufunyanwa ngempahla leyo. Ilahleko yokonakaliswa iguqulwa ukufikelela apho ixabiso lokuyigcina linganeno kwexabiso eliya kube limiswe ngentsalela yokuhla kwexabiso okanye ukuhlawulwa kwamatyala xa kungekho lahleko yakonakaliswa ikhoyo.

## Imigaqo-Nkqubo Yokunik'ingxelo (iyaqhutywa)

**1.5. *Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa***

Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa iboniswa ngexabiso elinganeno kwentlanganisela yokuhlawulwa kwamatyala kunye nelahleko yokonakaliswa. Ubomi bempahla yexabiso engenakuchukunyiswa buvavanywa rhoqo ngonyaka kwaye naziphi na iinguqu kuthelekelelo ziyagqalwa xa kumiselwa iindleko eziseleyo zokuhlawulwa kwamatyala. Imali yokuhlawulwa kwamatyala ibalwa ngenkqubo engqalileyo yokucima iindleko zempahla yexabiso engenakuchukunyiswa ngaphezu kobomi bayo obuthelekelelewayo ngolu hlobo lulandelayo:

Isoftware : Iminyaka emi-2

**1.6. *Impahla yexabiso elilifa***

Impahla yexabiso elilifa yimpahla enentsingiselo yenkcubeko, eyokusingqongileyo, eyembali, eyendalo, eyobunzululwazi, eyobuchule okanye eyobugcisa kwaye igcinelwe ukuze incede izizukulwana ezikhoyo nezizayo.

Impahla yexabiso elilifa inakanwa njengempahla yexabiso kuphela xa: (a) kubonakala ukuba iziko liza kuxhamla inzuzo yoshishino okanye yokuphucuka kwenkonzo ngokunxulumene nale mpahla yexabiso, kwaye (b) iindleko okanye ixabiso elifanelekileyo lempahla yexabiso linokulinganiswa ngokuthembekileyo.

Impahla yexabiso elilifa ekulungeleyo ukuthatyathwa njengempahla yexabiso iya kulinganiswa ngeendleko zayo.

Xa impahla yexabiso elilifa ifunyenwe ngentengiselwano engeyiyo eyolwananiso ixabiso layo liya kulinganiswa ngexabiso layo ngomhla wokufunyanwa kwayo.

Impahla yexabiso elilifa isakuba ithatyathwe njengempahla yexabiso iya kuthi izuzwe ngexabiso layo ngaphantsi kwelahleko yokonakaliswa.

**1.7. *Izintlu zempahla***

Izintlu zempahla zizuzwa ngexabiso elisezantsi kunye nentsalela yexabiso elifumanekayo. Iindleko zezintlu zempahla ziquka iindleko zokuthenga, ezokuguqula nezinye iindleko ezidalwe kukuzisa izintlu zempahla kwindawo ezikuyo zikwimo ezikuyo kwaye zimiselwa ngendlela yokukhupha ezifike mva ushiye ezifike kuqala. Izintlu zempahla eziphelelwe lixesha, ezingasafunekiyo nezihamba kancinci ziyalathwa rhoqo zize zibhalwe phantsi kuthelekelelo lwentsalela yexabiso lazo.

**1.8. *Izixhobo zemali***

*Umlinganiselo*

Izixhobo zemali ziqala zilinganiswe ngeendleko eziquka iindleko zentengiselwano. Kulandela ukunakanwa kwazo ezi zixhobo zilinganiswa ngolu hlobo lulandelayo:

*Urhwebo nezinye izinto ezifunyanwayo*

Urhwebo nezinye izinto ezifunyanwayo ezisekwe yiPlayhouse Company zixelwe kwiindleko nganeno kokunikwa kwamatyala athandabuzekayo. Izinto ezifunyanwayo ziyacinywa xa kucamngcwa imali engenakufunyanwa kwakhona. Urhwebo nezinye iznto ezifunyanwayo nokunika amatyala athandabuzekayo zinikwa isaphulelo kusetyenziswa inzala yemali-mboleko xa kufanelekile.

*Imali nenye imali*

Imali nenye imali ilinganiswa ngexabiso elifanelekileyo.

*Urhwebo nezinye izinto ezihlawulwayo*

Urhwebo nezinye izinto ezihlawulwayo ezisekwe yiPlayhouse Company zixelwe kwiindleko. Urhwebo nezinye izinto ezihlawulwayo zinikwa isaphulelo kusetyenziswa inzala yemali-mboleko xa kufanelekile.

*Iinzuzo neelahleko zomlinganiselo*

Iinzuzo neelahleko ezivela kwiinguqu zexabiso elifanelekileyo lezixhobo zemali ezingeyiyo inxalenye yobudlelwane ziqukwa kwintsalela yengeniso nelahlekko ngexesha ezivela ngalo iinguqu.

**1.9. *Izicwangciso zesibonelelo somhlala-phantsi***

Ngumgaqo-nkqubo wePlayhouse Company ukunika abasebenzi bayo izibonelelo zomhlala-phantsi. Igalelo lePlayhouse Company kwizicwangciso ezichaziweyo zokugalela nezenzuzo lenza inkcitho njengoko lisenziwa.

## Imigaqo-Nkqubo Yokunik'ingxelo (iyaqhutywa)

***1.10. Ingeniso yentengiselwano engeyiyo eyolwananiso***

Ingeniso yentengiselwano engeyiyo eyolwananiso ivela xa iziko li fumana ixabiso kwelinye iziko lingakhange lilinike ngqo ixabiso lalo lothelekelelo kulwananiso. Impahla yexabiso efunyenwe ngentengiselwano engeyiyo eyolwananiso iya kuqala ilinganiswe ngexabiso layo elifanelekileyo langomhla wokufunyanwa kwayo.

Le ngeniso iya kulinganiswa ngenani lokunyuka kwentsalela yempahla yexabiso elamkelwa liziko.

Ukungena kwezixhobo zentengiselwano engeyiyo eyolwananiso ezithatyathwa njengempahla yexabiso ziya kwamkelwa njengengeniso, ngaphandle kokuba ityala lamkelwe kwakuloo mali ingenayo. Njengoko iziko lanelisa imfanelo eyamkelwa njengetyala ngokokungena kwezixhobo zentengiselwano engeyiyo eyolwananiso eyamkelwe njengempahla yexabiso, liya kulithoba ixabiso letyala elamkelwa njengexabiso elilingana nelo lithotyiweyo.

IPlayhouse Company ityikitye isivumelwano sokusebenzisa imihlaba nezakhiwo ezithile simahla.

***1.11. Ingeniso***

*Izibonelelo*

Izibonelelo ezayamene nenkcitho yokusebenza zamkelwa njengengeniso xa kucaca ukuba intlawulo yesibonelelo iza kufunyanwa kwanokuba ixabiso layo linokuthelekelelwa ngokuthembekileyo ngaphandle kokuba kukho imfanelo ekhoyo yokusebenzisa isibonelelo eso sihlawulweyo ngendlela ethile okanye sibuyiselwe emva kumboneleli. Xa kunemfanelo yokusebenzisa isibonelelo ngendlela ethile kuphela ingekho eyokusibuyisela emva kumboneleli, akusayi kubakho mfanelo ekhoyo ke ngoko size samkelwe njengengeniso. Xa kukho imfanelo ekhoyo, isibonelelo eso samkelwa njengengeniso erhoxisiweyo de kuhlangatyezwane neemfanelo ezo ukuze yamkelwe njengengeniso.

Izibonelelo ezayamene nokufunyanwa okanye ukwakhiwa kwempahla yexabiso zamkelwa njengengeniso xa kucaca ukuba intlawulo yesibonelelo iza kufunyanwa kwaye ixabiso layo linokuthelekelelwa ngokuthembekileyo, ngaphandle kwaxa kukho imfanelo ekhoyo yokusebenzisa isibonelelo eso sihlawulweyo ngendlela ethile kuphela okanye eyokusibuyisela emva kumboneleli. Xa kuyimfanelo ukusebenzisa isibonelelo ngendlela ethile kuphela ingekho enye ehambisana nayo yokusibuyisela emva kumboneleli, akusayi kubakho mfanelo ikhoyo ke ngoko size isibonelelo samkelwe njengengeniso. Xa kukho imfanelo ekhoyo isibonelelo eso samkelwa njengengeniso erhoxisiweyo de kuhlangatyezwane neemfanelo ukuze samkelwe njengengeniso.

*Ingeniso eyinzala*

Ingeniso eyinzala yamkelwa ngendlela yokwahlulwa kwexesha, kugqalwe inzala efunekayo kunye nesebenzayo ngexesha langoku ukusa kwelokuvuthwa kwayo, xa kucaca ukuba ingeniso leyo iza kukhulela iPlayhouse Company.

*Indawo yokubhukishela izihlalo nengeniso enxulumene nayo*

Ingeniso yendawo yokubhukishela izihlalo nengeniso enxulumene nayo yamkelwa xa kuboniswa imveliso. Amatikiti anikwe njengesipho akhutshelwe ukukhuthaza nokuthengisa imveliso awanaxabiso kwaye awaqukwa kwingeniso yendawo yokubhukishela izihlalo nengeniso enxulumene nayo.

*Enye ingeniso*

Enye ingeniso yamkelwa xa kucaca ukuba inzuzo yexesha elizayo yoqoqosho iza kungenela iPlayhouse Company kwaye ibe iyakwazi ukulinganiswa ngokuthembekileyo.

***1.12. Iminikelo***

Iminikelo yamkelwa xa iPlayhouse Company inembophelelеko yomthetho ngenxa yezehlo zangaphambili nalapho kucaca ukuba kuya kubakho ilahleko kwinzuzo yoqoqosho, nalapho kunokwenziwa uthelekelelo oluthembekileyo lwexabiso lomnikelo. Apho kusetyenziswa khona isaphulelo, iminikelo iba nesaphulelo. Inani lesaphulelo elisetyenzisiweyo linani elibonisa uhlalutyo lweemalike lwangoku lwexabiso lexesha lemali kwanobungozi obuhambisana netyala elo, xa kufanelekile.

***1.13. Imali eziinkozo nenye imali***

Ngeenjongo zengxelo yokungena kwemali, imali eziinkozo nenye imali iquka imali esesandleni, ediphozithiweyo notyalo-mali kwiimalike zemali, intsalela ye-overdraft, yonke imali esele ilungele ukusetyenziswa yiPlayhouse Company ngaphandle kwalapho kuxelwe nto yimbi.

***1.14. Amaqela anxulumeneyo***

Intengiselwano yamaqela anxulumeneyo kukugqithiselana ngezixhobo okanye iimfanelo ngamaqela anxulumeneyo nokokuba kukho iindleko ezihlawulwayo kusini na. Amaqela athatyathwa njenganxulumeneyo xa elinye iqela linako ukulawula elinye iqela okanye linefuthe elibonakalayo kwelinye iqela kwizigqibo zalo zemali okanye zokusebenza okanye xa iziko elinxulumene nelinye iziko ephantsi kolawulo olufanayo. Inqaku lokubhengeza linika iinkcukacha zentengiselwano yamaqela anxulumeneyo.

***1.15. Ukuzibophelela***

Ukuzibophelela kuquka iimpahla/iinkonzo ezivunyiweyo nezinekontrakta kodwa ekungekho nto yenziweyo kuzo ngexesha lokunika ingxelo. Ukuzibophelela akwamkelwa kwingxelo yobume bezemali njengetyala okanye njengenkcitho kwingxelo yokusebenza kwemali koko kuqukwa kumanqaku okubhengeza.

***1.16. Amanani othelekiso***

Amanani othelekiso alungelelanisiwe ukuze angqinelane neenguqu ezinikwayo nezichazwayo, xa kufanelekile.

# AMANQAKU EENGXELO ZEMALI ZONYAKA IMPAHLA YEXABISO

| | eyoKwindla 2015 R | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 R |
|---|---|---|
| **2. Impazamo yonyaka ogqithileyo** | | |

IPlayhouse Company yafumana njengelifa ipropati, oomatshini nezixhobo ngekaTshazimpuzi 2003 xa yayibhengezwa njengeziko likarhulumente likaShedyuli 3A ngokoMthetho wamaZiko eNkcubeko. Le propati, oomatshini kunye nezixhobo zamkelwa ngexabiso le-R1 kwirejista yempahla yexabiso. Igatya leGRAP17 - Ipropati, oomatshini nezixhobo lifuna okokuba ipropati, oomatshini nezixhobo ezamkelwe ngexabiso elicingelweyo zithatyathwe ngexabiso elifanelekileyo xa iGRAP imiliselwa ngokupheleleyo. Le mpazamo sele ilungisiwe kwaye ichaphazele iingxelo zemali ngolu hlobo:

| | 2015 | 2014 |
|---|---|---|
| 1 kuTshazimpuzi 2013 | | |
| **Ingxelo yobume bezimali** | | |
| Ukwanda kwepropati, oomatshini nezixhobo | | 5 243 466 |
| Ukwanda kwentsalela eyintlanganisela | | -5 243 466 |
| Ifuthe kubume bengxelo yezemali | | 0 |
| Ukwanda kwentlanganisela yentsalela ngowoku-1 kuTshazimpuzi 2013 | | 5 243 466 |
| 31 kweyoKwindla 2014 | | |
| **Ingxelo yokusebenza kwemali** | | |
| Ukwanda kokuhla kwexabiso | | -1 047 953 |
| Ukuhla kwentsalela yonyaka | | 1 047 953 |
| Ifuthe kwingxelo yokusebenza kwemali | | 0 |
| **Ingxelo yobume bezemali** | | |
| Ukuhla kwepropati, oomatshini nezixhobo | | -1 047 953 |
| Ukuhla kwentlanganisela yentsalela | | 1 047 953 |
| Ifuthe kubume bengxelo yezemali | | 0 |
| ***3.1. Impahla yexabiso elilifa*** | | |
| **Inani eliqhubekayo** | 88 330 000 | 88 330 000 |
| Ubukhulu bexabiso eliqhubekayo | 88 330 000 | 88 330 000 |
| Ilahleko yokonakaliswa eyintlanganisela | - | - |
| **Inani eliqhubekayo ekupheleni konyaka** | 88 330 000 | 88 330 000 |

Impahla yexabiso elilifa iquka umhlaba nezakhiwo : Rem of portion 1 of ERF 10636 of Durban. Esi sakhiwo saxatyiswa nguMasipala waseThekwini ngekaCanzibe 2008.

Impahla yexabiso elilifa yamkelwa okokuqala ngeyoKwindla 2011.

Umhlaba nezakhiwo zibhaliswe egameni leSebe leMisebenzi kaRhulumente. IPlayhouse Company iqesha umhlaba nezakhiwo kwiSebe leMisebenzi kaRhulumente.

Ngokwecandelo lama-66 loMthetho iPFMA iPlayhouse Company ayinako lukusebenzisa ipropati engenakuchukunyiswa kuquka nempahla yexabiso elilifa njengesibambiso kwaye umhlaba nezakhiwo azinguwo umthwalo.

***3.2. Ukumanywa kwexabiso eliqhubekayo lepropati, oomatshini nezixhobo***

| | Iinqwelo-mafutha | Amalungu okugcina iinqwelo-mafutha | Ifanitshala yaseofisini nezinye izixhobo | Izixhobo zeekhompyutha | Izixhobo zeqonga | Izixhobo zendawo yokusebenzela | Umsebenzi osaqhutywayo | Imisebenzi yobugcisa | Impahla yexabiso eqeshisiweyo (izixhobo zeofisi, umhlaba nezakhiwo) | Imali iyonke |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | R | R | R | R | R | R | R | R | R | R |
| **Inani eliqhubekayo 1 kwekaTshazimpuzi 2013** | 1 593 153 | - | 5 221 270 | 835 652 | 11 883 658 | 436 605 | - | 469 870 | 80 635 394 | 101 075 602 |
| Ubukhulu benani eliqhubekayo | 3 245 366 | - | 11 509 132 | 2 181 820 | 28 605 138 | 595 185 | - | 469 870 | 98 463 542 | 145 070 053 |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | (1 652 213) | - | (6 287 862) | (1 346 168) | (16 721 480) | (158 580) | - | - | (17 828 148) | (43 994 451) |
| Izongezo | - | - | 369 205 | 162 372 | 333 780 | 11 079 | 10 552 713 | - | | 11 429 149 |
| Iintlawulo | - | | 168 574 | | 106 | | (2 108 168) | - | 1 939 488 | - |
| Ukuhla kwexabiso | (549 743) | - | (1 665 374) | (434 502) | (4 489 103) | (104 036) | | - | (8 444 007) | (15 686 765) |
| Ukubuyiselwa kokuhla kwexabiso | 39 636 | - | 491 394 | 80 717 | 965 822 | 5 207 | | - | | 1 582 776 |
| **Ukulahla** | - | - | (2) | - | (123) | - | - | - | - | (125) |
| Iindleko | - | - | (2) | | (125) | - | - | - | - | (127) |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | - | - | | | 2 | - | - | - | - | 2 |
| **Inani eliqhubekayo 31 kweyoKwindla 2014** | 1 083 046 | - | 4 585 067 | 644 239 | 8 694 140 | 348 855 | 8 444 545 | 469 870 | 74 130 875 | 98 400 637 |
| Ubukhulu benani eliqhubekayo | 3 245 366 | - | 12 046 909 | 2 344 192 | 28 938 899 | 606 264 | 8 444 545 | 469 870 | 100 403 030 | 156 499 075 |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | (2 162 320) | - | (7 461 842) | (1 699 953) | (20 244 759) | (257 409) | - | - | (26 272 155) | (58 098 438) |
| Izongezo | 1 045 067 | - | 75 939 | 240 030 | 167 795 | 4 091 | 6 307 351 | - | - | 7 840 273 |
| Ulungelelwaniso lwexabiso elifanelekileyo | - | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Iintlawulo | - | 27 935 | 30 798 | - | 4 258 506 | - | (11 133 023) | - | 6 843 719 | 27 935 |
| Ukuhla kwexabiso | (561 256) | - | (1 252 027) | (444 798) | (5 021 411) | (104 256) | - | - | (9 829 444) | (17 213 192) |
| Ukubuyiselwa kokuhla kwexabiso | 18 518 | - | 72 843 | 273 691 | 1 260 606 | - | - | - | - | 1 625 658 |
| **Ukulahla** | (1) | - | (40 405) | (13 555) | (121 730) | (11 369) | - | (17 821) | - | (204 881) |
| Iindleko | (1) | - | (608 793) | (285 057) | (3 155 181) | (82 899) | - | (17 821) | - | (4 149 752) |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | - | - | 568 388 | 271 502 | 3 033 451 | 71 530 | - | - | - | 3 944 871 |
| **Inani eliqhubekayo 31 kweyoKwindla 2015** | 1 585 374 | 27 935 | 3 472 215 | 699 607 | 9 237 906 | 237 321 | 3 618 873 | 452 049 | 71 145 150 | 90 476 430 |
| Ubukhulu benani eliqhubekayo | 4 290 432 | 27 935 | 11 544 853 | 2 299 165 | 30 210 019 | 527 456 | 3 618 873 | 452 049 | 107 246 749 | (106 217 531) |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | (2 705 058) | - | (8 072 638) | (1 599 558) | (20 972 113) | (290 135) | - | - | (36 101 599) | (69 741 101) |

Umhlaba nezakhiwo ziquka:
1. Rem of Portion 1 of ERF 10636 of Durban
2. Rem of Portion 3 of ERF 615 of Brickfield
3. Portion 3 of ERF 10635 of Durban

Umhlaba nezakhiwo zibhaliswe egameni leSebe leMisebenzi kaRhulumente. IPlayhouse Company iqesha umhlaba nezakhiwo kwiSebe leMisebenzi kaRhulumente.
Ubukhulu benani eliqhubekayo lepropati, oomatshini nezixhobo eziphelelwe lixabiso ezisasetyenziswa zi-R8 890 703. Elona candelo likhulu lelezixhobo zaseqongeni eziquka izinto zokulayita nezesandi.
Ixabiso lobomi, inkqubo yokuhla kwexabiso, nexabiso lentsalela lempahla yexabiso luyavavanywa rhoqo ngonyaka kwaye kwenziwa ulungelelwaniso xa luyimfuneko.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | | Isoftware | Imali iyonke |
|---|---|---|---|
| ***3.3.*** | ***Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa*** | R | R |
| | **Inani eliqhubekayo 1 kwekaTshazimpuzi 2013** | 117 868 | 117 868 |
| | Ubukhulu benani eliqhubekayo | 480 896 | 480 896 |
| | Ukuhlawulwa kwamatyala okuyintlanganisela | (363 028) | (363 028) |
| | Izongezo | 26 436 | 26 436 |
| | Ukuhlawulwa kwamatyala | (89 160) | (89 160) |
| | Ukubhalwa kwakhona kokuhlawulwa kwamatyala | 56 386 | 56 386 |
| | **Inani eliqhubekayo 31 kweyoKwindla 2014** | 111 530 | 111 530 |
| | Ubukhulu benani eliqhubekayo | 507 332 | 507 332 |
| | Ukuhlawulwa kwamatyala okuyintlanganisela | (395 802) | (395 802) |
| | Izongezo | 50 598 | 50 598 |
| | Ukuhlawulwa kwamatyala | (62 339) | (62 339) |
| | Ukubhalwa kwakhona kokuhlawulwa kwamatyala | 884 | 884 |
| | **Inani eliqhubekayo 31 kweyoKwindla 2015** | (4) | (4) |
| | Ubukhulu benani eliqhubekayo | (4) | (4) |
| | Ukuhlawulwa kwamatyala okuyintlanganisela | - | - |
| | **Carrying amount 31 March 2015** | 100 699 | 100 699 |
| | Gross carrying amount | 557 926 | 557 926 |
| | Accumulated amortisation | (457 257) | (457 257) |

Ukuthotywa kwexabiso kuquka ukuhlawulwa kwamatyala.

| | | eyoKwindla 2015 | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| **4** | **Izintlu zempahla** | | |
| | Ukutya | 86 691 | 113 656 |
| | Indawo yokusebenzela | 191 496 | 167 672 |
| | Impahla yokunxiba | 95 867 | 96 123 |
| | Iindawo zokugcina gabalala | 106 967 | 240 959 |
| | | 481 021 | 618 410 |
| **5** | **Urhwebo nezinye izinto ezifunyanwayo** | | |
| | Izinto zorhwebo ezifunyanwayo | 574 080 | 549 585 |
| | Abasebenzi abatyalayo | 3 877 | 7 112 |
| | Ezinye izinto ezifunyanwayo | 1 290 408 | 643 827 |
| | | 1 868 365 | 1 200 524 |
| | Nganeno: Ukunciphisa amatyala | (500 064) | (479 290) |
| | | 1 368 301 | 721 234 |
| ***5.1*** | ***Intshukumo kulungiselelo lokonakaliswa kwezinto zorhwebo ezifunyanwayo*** | | |
| | **Imali eseleyo ngowoku-1 kwekaTshazimpuzi** | 479 290 | 385 060 |
| | Ulungiselelo lokonakaliswa kwezinto ezifunyanwayo | 20 774 | 94 230 |
| | Izinto ezifunyanwayo ezicinywayo ngonyaka nezingaqokelelekiyo | - | |
| | Imali engasebenzanga ibuyiselwa emva | - | |
| | Ukuconjululwa kwesaphulelo | - | - |
| | **Imali eseleyo ngowama-31 kweyoKwindla** | 500 064 | 479 290 |

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | | eyoKwindla 2015 | eyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| 6 | **Imali eziinkozo nenye imali ekupheleni konyaka** | | |
| | Imali eziinkozo efumaneka msinyane | 31 874 844 | 8 696 869 |
| | Utyalo-mali - iidiphozithi ezimisiweyo | 72 898 375 | 72 500 000 |
| | Imali efumaneka kuma-30 eentsuku | 35 562 663 | - |
| | Imali efumaneka kuma-60 eentsuku | 21 837 009 | 12 000 000 |
| | Imali efumaneka kuma-90 eentsuku | 15 498 703 | 60 500 000 |
| | | 104 773 219 | 81 196 869 |
| | Imali ebalelwa kwi-R 277 816 ne-R 30 360 ibanjiswa njengokhuseleko kwiziqinisekiso ezikhutshwe nguFNB egameni lePlayhouse Company ezikhuphela uMasipala waseThekwini nePostmaster. Ezi ziqinisekiso ziza kuphelelwa lixesha ngomhla wama-31 kweyoMnga 2025 kwaye azisayi kuvuselelwa. | | |
| | | **eyoKwindla 2015** | **Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014** |
| 7 | **Urhwebo nezinye izinto ezihlawulwayo** | | |
| | Izinto zorhwebo ezihlawulwayo | 1 398 939 | 1 854 977 |
| | Ezinye izinto ezihlawulwayo nezongezelelekileyo | 2 139 069 | 1 676 494 |
| | Umvuzo wekhefu owongezelelekileyo | 2 084 100 | 1 949 073 |
| | Ibhonasi eyongezelelekileyo | 691 595 | 636 974 |
| | | 6 313 703 | 6 117 518 |
| 8 | **Ingeniso erhoxisiweyo** | | |
| | Isibonelelo esifunyenwe ngaphambi kwexesha | 40 814 423 | 22 107 244 |
| | Isebe lezoBugcisa neNkcubeko likaZwelonke | 40 814 423 | 22 107 244 |
| | | 40 814 423 | 22 107 244 |
| 9 | **Izibonelelo** | | |
| | Isebe lezoBugcisa neNkcubeko likaZwelonke (DAC) | 43 085 000 | 40 570 000 |
| | Isibonelelo senkcitho eyodwa yenkunzi - (DAC) | 6 442 819 | 13 402 309 |
| | Isebe lezoBugcisa neNkcubeko laseKZN | 7 445 000 | 7 057 000 |
| | uMasipala waseThekwini | 2 250 000 | 3 802 640 |
| | **Imali iyonke** | 59 222 819 | 64 831 949 |

**Isibonelelo soxhomekeko**
Isebe lezoBugcisa neNkcubeko likaZwelonke

IPlayhouse Company ifumana inkxaso-mali kwiSebe likaZwelonke lezoBugcisa neNkcubeko.

Ngokomhlathi wama-53(3) woMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999, iziko likarhulumente alikwazi ukuqingqa imali yentsilelo kwaye alikwazi ukwenza intsalela ngaphandle kokuba lifumene imvume ebhaliweyo kwiSebe leZemali likaZwelonke.

Izibonelelo ezingasetyenziswanga kufuneka ziphindiswe kwiSebe leZemali likaZwelonke ngaphandle kokuba kufunyenwe imvume ebhaliweyo.

IPlayhouse Company ifumene imvume ebhaliweyo kwiSebe leZemali ukuze iyigcine intsalela eyenzileyo.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

**Isibonelelo soxhomekeko**

**Isebe lezoBugcisa neNkcubeko laKwaZulu-Natala**

IPlayhouse Company ifumana inkxaso-mali karhulumente kwiSebe lezoBugcisa neNkcubeko laKwaZulu-Natala.

Njengeziko lenkcubeko elibhengeziweyo, iPlayhouse Company ineenjongo evumelene ngazo neSebe:

1. Ukuthobela isibhengezo sokokuba iPlayhouse Company ineenkqubo zempatho nolawulo lwemali ezisebenzayo, ezifanelekileyo nezingafihlisiyo ukuze ikwazi ukulawula intlawulo yesibonelelo esivela kwiSebe.
2. Ukusebenzisa le mali ngokungqinelana nesicwangciso soshishino.
3. Ukusebenzisa le mali ngokungqinelana neenjongo ezibalulwe kwizivumelwano ingasetyenziswa kwezinye iinjongo ezingabalulwanga kwesi sivumelwano.
4. Ukusebenzisa le mali phantsi kwayo nayiphi na imiyalelo ebhaliweyo ekhutshwe yiNtloko yeSebe.
5. Ukungenisa kwiSebe iingxelo zekota ngexesha okanye ngaphambi kwexesha ekuvunyelwene ngalo

5.1 Ukuqinisekisa ukuba iingxelo zekota zinika iinkcukacha ezinabileyo ngempumelelo xa ithelekiswa neenjongo ezibalulwe kwisicwangciso soshishino.

5.2 Ukuqinisekisa ukuba iingxelo zekota ziqulethe ingxelo yenkcitho ecacisa ngendlela esetyenzisiwe ngayo imali ithelekiswa nesicwangciso soshishino.

5.3 Ukuqinisekisa ukuba ingxelo yekota iqulethe zonke ezinye iinkcukacha okanye amaxwebhu anokufunwa liSebe.

6. Ukungenisa kwiSebe ingxelo yokuqukumbela unyaka-mali ka-2014/2015 ngaphambi komhla wama-30 kwekaTshazimpuzi 2015.
7. Ukunika iSebe ingxelo eneenkcukacha zemali eliyifunayo ukuze likwazi ukuthobela ukunika kwalo ingxelo okusemthethweni kwanokulincedisa ukuze likwazi ukunika ingxelo ngokugqithisela imali okubonakalayo kwiincwadi zalo zokunik'ingxelo.
8. Ukunika ingxelo ngenzala engena rhoqo ngenyanga kwaye iziko liyavuma ukuba iSebe linelungelo lokumisela okokuba isetyenziswe njani na inzala leyo.
9. Ukugcina inkqubo efanelekileyo yokufumana nokunika iinkonzo enobulungisa, engafihlisiyo, evumela ukhuphiswano neyonga imali.
10. Ukwazisa iSebe ngokukhawuleza ngembalelwano xa kukho nakuphi na ukusilela ekufezekiseni iinjongo okanye iimfanelo zeziko.

11.1. Ukuqinisekisa ukuba lo gama isebenzisa isivumelwano sayo sentsebenziswano isenza nemisebenzi yayo iPlayhouse Company ayisophuli nasiphi na isivumelwano ekuvunyelwene ngaso.

11.2. Ukuqinisekisa ukuba nasiphi na esinye isivumelwano iPlayhouse Company enokuthi ingene kuso nabani na ukuze izalisekise iimfanelo zayo kwiSebe, asisayi kuphikisana okanye sidale imbambano kumagatya esivumelwano sentsebenziswano neSebe.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

**Isibonelelo soxhomekeko**

**uMasipala waseThekwini**

Umasipala waseThekwini ungene kwisivumelwano nePlayhouse Company sokunika inkxaso yemali.

Umasipala waseThekwini kunye nePlayhouse Company bangene kwisivumelwano sentsebenziswano ngeyoMqungu 2015 kunyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015.

Le nkxaso-mali inikwa phantsi kwemiqathango yokokuba iPlayhouse Company kufuneka iphumeze iimfanelo zayo ezinxulumene nomsebenzi.

Nazi ezi mfanelo zibalulwe apha ngezantsi:

1. IPlayhouse Company iza kusebenzisa le mali ukufezekisa injongo yayo engundoqo njengeZiko leNkcubeko.
2. IPlayhouse Company iza kuzibophelela ukufaka igxalaba kanobom ekuphuculeni ixabiso lobomi bamagcisa akuMasipala waseThekwini ngokwenza oku kulandelayo:
    2.1. Ukuvelisa, ukuzisa nokumilisela isicwangciso sayo sezobugcisa ukuze ikhuthaze intatho-nxaxheba yabantu abahlala kuMasipala waseThekwini.
    2.2. Ukusebenzisa ubugcisa nenkcubeko ukuphucula uphuhliso lwamagcisa asekuhlaleni ngokwezoqoqosho nangokwentlalo-ntle.
    2.3. Ukuqinisekisa ukuba iPlayhouse Company iyabonakala kwaye iyafikeleleka kuluntu olwahlukahlukeneyo lwaseThekwini nakumaziko obugcisa asebenzisana nePlayhouse..
    2.4. Ukuncedisa nokudlala indima yokukhuthaza nebalulekileyo kuphuhliso loqoqosho nokhenketho.
    2.5. Ukuqinisekisa ukukhula kwezobugcisa ePlayhouse Company, uzinzo lwasezimalini nokusebenza ngokugqwesileyo kuyo yonke imisebenzi yayo.
3. Umlawuli wezoBugcisa neNgqonyela yePlayhouse Company kunye noManejala weSixeko okanye icandelo loLawulo loMasipala waseThekwini baya kuthi, ngaphaya kophononongo lonyaka babe nophononongo olusesikweni lokusebenza kwePlayhouse Company ngokwesi sivumelwano.
4. Uphononongo lwesibonelelo sonyaka luza kwenziwa ngomhla we-15 kweyoMnga kwaye luza kugxininisa ekufezekiseni kwePlayhouse Company ezi njongo zilandelayo, kodwa kungaphelelanga kuzo kunye nezinye iimfanelo:
    4.1. Ukufumana inkxaso-mali kweminye imithombo nakwamanye amacandelo.
    4.2. Umyinge weendleko zabasebenzi bolawulo akufuneki ugqithe kumyinge wama-30% wesibonelelo sisonke,
    4.3. Ukunika ubungqina bokokuba umyinge wama-70% esibonelelo sisonke usetyenziswe ngokukodwa kwisicwangciso sobugcisa.
    4.4. Ukubonisa ukuba iinkqubo zokufikelela ebantwini ziza kwanda xa kuthelekiswa neminyaka egqithileyo kwakunye nokunika iinkcukacha-manani ezifanelekileyo kunye neendlela zokuqinisekisa ezibonisa iinkqubo zonyaka ezintsha zokufikelela ebantwini.
    4.5. IPlayhouse Company iza kwenza iindawo nezixhobo zayo zifikeleleke simahla kubantu abafake isicelo bethunyelwa nguMasipala waseThekwini (zibe li-10 ubuninzi ngonyaka-mali weBhunga),
    4.6. IPlayhouse Company iza kwenza iindawo zayo zemiboniso nezixhobo zifikeleleke ngolu hlobo lulandelayo:
        4.6.1. Kufuneka kwenziwe isicelo esibhaliweyo sokufikelela kwizixhobo kwisithuba seenyanga ezi-6 ngaphambi komsitho.
        4.6.2. IPlayhouse Company iza kunika uMasipala waseThekwini ngomnye umhla xa umhla oceliweyo ungafumaneki.
        4.6.3. Abafaki-sicelo abathunyelwe nguMasipala baza kusebenzisa izixhobo phantsi kwemiqathango efanayo naleyo yabanye abaxumi basePlayhouse Company, nto nje bona abazihlawuli iindleko zokuqesha.
    4.7. IPlayhouse Company iza kubulela uMasipala waseThekwini ngokuthi phakathi kwezinye izinto imquke kuphawu lwayo nakuyo yonke impahla yayo yentengiso, ingakumbi kwiinkqubo zayo zangaphakathi, iiprojekthi nemisitho.
    4.8. IPlayhouse Company iza kungenisa ikopi yengxelo yayo yekota kuMasipala waseThekwini.
    4.9. IPlayhouse Company iza kunika uMasipala ikopi yeengxelo zonyaka zemali eziphicothiweyo isakuba ifumaneka kodwa phambi komhla we-15 kweyeThupha rhoqo ngonyaka.
    4.10. IPlayhouse Company iza kunika uMasipala ikopi yayo yengxelo yonyaka isakuba ifumaneka kodwa phambi komhla we-15 kweyeThupha rhoqo ngonyaka.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | | Amanqaku | eyoKwindla 2015 R | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 R |
|---|---|---|---|---|
| **10** | **Enye ingeniso yokusebenza** | | | |
| | Ingeniso evela kulwananiso | | 5 576 116 | 7 183 610 |
| | Ukuqeshisa ngeendawo zemiboniso, impahla yemiboniso, iisethi namaqonga ajikelezayo | | 3 057 430 | 2 119 141 |
| | Ingeniso yeofisi yokubhukishela izihlalo | | 1 187 579 | 3 407 039 |
| | Irenti efunyenweyo | | 325 274 | 392 788 |
| | Ibhari nezinye iintengiso | | 314 067 | 517 580 |
| | Imisitho | | 285 509 | 217 460 |
| | Ingeniso yendawo yokubhukishela izihlalo – iimveliso zangaphandle | | 169 900 | 191 696 |
| | Inzuzo yentengiso yeenqwelo-mafutha | | - | - |
| | Ingeniso yamathuba athile - eyolawulo, ingeniso yentengiso yamatikiti kunye nokuxatyiswa kwempahla yexabiso | | 236 357 | 337 906 |
| | **Ingeniso evela kwintengiselwano engeyiyo eyolwananiso** | | | |
| | Iminikelo nenkxaso-mali (iimveliso) | | 1 151 891 | 1 360 463 |
| | **Imali iyonke** | | 6 728 007 | 8 544 073 |
| **11** | **Iindleko zokuvelisa** | | | |
| | Iindleko ezingqalene ngqo nokuvelisa | | 11 831 450 | 14 077 164 |
| | Iindleko zokuqeshisa ngaphandle | | (820) | 1 451 |
| | Ukuvelisa namatheko | | 11 593 952 | 14 009 023 |
| | Iqonga elijikelezayo | | 238 318 | 66 690 |
| | **Iindleko ezingangqalananga ngqo nokuvelisa** | | 200 043 | 1 130 228 |
| | **Imali iyonke** | | 12 031 493 | 15 207 392 |
| **12** | **Iindleko zeenkonzo zokuvelisa nezobuchwepheshe** | | | |
| | Iinkonzo zobuchwepheshe | | 4 740 690 | 4 291 355 |
| | **Imali iyonke** | | 4 740 690 | 4 291 355 |
| **13** | **Enye inkcitho yokusebenza** | | | |
| | Eyothutho | | 486 232 | 377 202 |
| | Indawo yokusebenzela | | 1 336 389 | 1 656 821 |
| | Ilahleko kwintengiso yempahla yexabiso | | 186 892 | 125 |
| | Ukuqeshisa ngezinto zokuhombisa | | 52 902 | 36 938 |
| | Impahla enxitywayo | | 18 243 | 35 936 |
| | Ugcino nokhuseleko | | 4 771 504 | 5 320 199 |
| | Ezinye iinkonzo - Imicimbi yabasebenzi, ezemali, ezequmrhu | | 6 091 841 | 4 886 421 |
| | Inkcitho gabalala - abacebisi, i-inshorensi neminxeba | | 888 279 | 825 859 |
| | Iindleko zentengiso - ibhari nezinye | | 177 372 | 240 471 |
| | Ukuhla kwexabiso nokuhlawula amatyala | | 15 648 989 | 14 136 763 |
| | Ukuhla kwexabiso nokuhlawulwa kwamatyala empahla yexabiso engenakuchukunyiswa | | 17 275 531 | 15 775 925 |
| | Ukuhla kwexabiso nokuhlawula amatyala okubuyisela ixabiso | | (1 626 542) | (1 639 162) |
| | **Imali iyonke** | | 29 658 643 | 27 516 735 |

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | Amanqaku | eyoKwindla 2015 R | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 R |
|---|---|---|---|
| **14 Imivuzo** | | | |
| Imivuzo | | 18 896 406 | 17 999 895 |
| Eyenzelwe ixesha elithile | | 1 982 333 | 1 770 834 |
| Isibonelelo somhlala-phantsi | | 2 685 910 | 2 545 111 |
| Inkxaso-mali yezonyango | | 632 636 | 596 242 |
| iUIF | | 163 511 | 165 507 |
| Ibhonasi | | 1 565 199 | 1 512 010 |
| Ixesha elongezelelweyo | | 237 636 | 185 905 |
| Ikhefu | | 225 413 | 85 215 |
| Ukuhlalela iindibano kweBhunga | | 175 968 | 213 697 |
| Inkxaso-mali yezezindlu | | 800 000 | 634 506 |
| Amawonga enkonzo yexesha elide | | 45 360 | 41 400 |
| **Imali iyonke** | | 27 410 372 | 25 750 322 |
| **15 (Intsilelo) Intsalela yemisebenzi** | | | |
| (Intsilelo) Intsalela yemisebenzi ifunyenwe ngokuthi kugqalwe: | | | |
| Inkcitho | | | |
| Umvuzo womphicothi-zincwadi: | | 913 545 | 552 215 |
| Ukuhla kwexabiso lepropati, oomatshini nezixhobo: | | 15 587 534 | 14 103 989 |
| Iinqwelo-mafutha | | 561 256 | 549 743 |
| Ifanitshala yeofisi nezinye izixhobo | | 1 252 027 | 1 665 374 |
| Izixhobo zeekhompyutha | | 444 798 | 434 502 |
| Izixhobo zaseqongeni | | 5 021 411 | 4 489 103 |
| Izixhobo zendawo yokusebenzela | | 104 256 | 104 036 |
| Impahla yexabiso eqeshisiweyo | | 9 829 444 | 8 444 007 |
| | | 17 213 192 | 15 686 765 |
| Ukubuyisela ixabiso elihlileyo | | (1 625 658) | (1 582 776) |
| Ukuhlawula amatyala | | 61 455 | 32 774 |
| Iimpahla yexabiso engenakuchukunyiswa | | 62 339 | 89 160 |
| Ukuhlawula amatyala ukubuyisel'ixabiso | | (884) | (56 386) |
| Imivuzo - abaphathi abayintloko nebhunga | 21 | 3 861 357 | 3 640 901 |
| Iindleko zabasebenzi | | 23 549 015 | 22 109 421 |
| Iinkonzo zobuchule: | | 567 580 | 637 881 |
| Imirhumo yophicotho-zincwadi lwangaphakathi | | 384 256 | 613 538 |
| Imirhumo yabacebisi | | 183 324 | 24 343 |

**16 (Intsilelo) Intsalela yonyaka**

Intsilelo yonyaka ka-2015 inika ingqwalasela kukwanda kokuhla kwexabiso lempahla yexabiso enikwe ixabiso elifanelekileyo ngokweGRAP 17. Intsalela yonyaka ka-2014 iquka ukwamkelwa kwesibonelelo se-R141 900 000 sokusebenzisa izakhiwo nomhlaba simahla, ngokweGRAP 23.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | | Amanqaku | eyoKwindla 2015 R | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 R |
|---|---|---|---|---|
| **17** | **Ukumanywa kwengxelo yeenguqu kwimpahla yexabiso eyintsalela** | | | |
| | Imali eseleyo ngowama-31 kweyoKwindla 2015 | | 238 401 514 | 241 153 918 |
| | Yenziwe ngoku kulandelayo: | | | |
| | GRAP 23 Isibonelelo sikarhulumente sokusebenzisa umhlaba nezakhiwo simahla | | 141 900 000 | 141 900 000 |
| | Iinguqu kwintsalela yempahla yexabiso enxulumene nemisebenzi | | 96 501 514 | 99 253 918 |
| **18** | **Ukumanywa kwemali engeniswe/esetyenziswe yimisebenzi** | | | |
| | Imali engeniswe yimisebenzi | | | |
| | (Intsilelo) Intsalela yonyaka | | (2 752 404) | 5 223 726 |
| | Ilungelelaniselwe: | | | |
| | Ukuhla kwexabiso, ukuhlawulwa kwamatyala nokonakaliswa | | 15 648 989 | 14 136 763 |
| | Ilahleko yokulahlwa kwepropati, oomatshini nezixhobo | | 17 993 | 125 |
| | Inzala efunyenweyo | | (5 137 968) | (4 613 508) |
| | Imali engenayo yokusebenza ngaphambi kweenguqu zenzala yokusebenza | | 7 776 610 | 14 747 106 |
| | Iinguqu zemali eyinkunzi yokusebenza | | 18 393 686 | (12 638 854) |
| | Ukuhla (Ukunyuka) kwezintlu zempahla | | 137 389 | (40 435) |
| | (Ukunyuka) Ukuhla kweeakhawunti ezifunyenweyo | | (647 067) | 459 274 |
| | Ukunyuka (Ukuhla) kweeakhawunti ezihlawulwayo | | 196 185 | (1 655 385) |
| | Ukunyuka (Ukuhla) kwenzala erhoxisiweyo | | 18 707 179 | (11 402 308) |
| | Imali efunyenwe kwimisebenzi | | 26 170 296 | 2 108 252 |

**19 Izixhobo zemali**

Ingabula-zigcawu

Ngokusebenzisa izixhobo zemali iPlayhouse Company iba sesichengeni sobhenco kobu bungozi bulandelayo.

- Ubungozi bamatyala
- Ubungozi bokutshona
- Ubungozi borhwebo
- Ubungozi benzala yemali-mboleko

Eli nqaku linika iinkcukacha zobhenco lwePlayhouse Company kubungozi ngabunye kobu budweliswe apha ngasentla, iinjongo zePlayhouse Company, imigaqo-nkqubo neenkqubo zayo zokulinganisa nokulawula ubungozi kwakunye nendlela eyilawula ngayo imali yayo eyinkunzi iPlayhouse Company. Kwezi ngxelo zemali kuqukwe nobunye ubuninzi bokubhengezwa.

NgokoMmiselo weSebe leZemali wama-27.2.1, okhutshwe ngokuyalela kwePFMA igunya elinika ingxelo (iBhunga) kufuneka liqinisekise ukuba kwenziwa uvavanyo lobungozi rhoqo ukuze bubonwe ubungozi obuvelayo kwiziko. IBhunga lisungule iKomiti yoPhicotho-zincwadi evelisa ize yongamele imogaqo-nkqubo yePlayhouse Company yolawulo lobungozi.

Imigaqo-nkqubo yePlayhouse Company yolawulo lobungozi isungulwe ukuze yalathe ize icalule ubungozi ejamelene nabo iPlayhouse Company, ukumisa imida nolawulo olufanelekileyo kunye nokongamela ubungozi nokubambelela kwimida. Imigaqo-nkqubo neenkqubo zolawulo lobungozi ziyaphononongwa rhoqo ukuze zibonise iinguqu kwiimeko zoshishino nakwimisebenzi yePlayhouse Company. IPlayhouse Company izimisele ukuvelisa imeko yolawulo enengqeqesho neyakhayo eyenza bonke abasebenzi baluqonde uxanduva nemisebenzi yabo yaye ikwenza oku ngokusebenzisa iinkqubo nemigangatho yayo yoqeqesho nolawulo.

Ikomiti yophicotho-zincwadi ihlola indlela abaphathi abakongamela ngayo ukuthobela imigaqo-nkqubo neenkqubo zolawulo lobungozi zePlayhouse Company ize iphononongе inkqubo-sikhokelo yolawulo lobungozi ngokunxulumene nobungozi ejamelene nabo iPlayhouse Company. IKomiti yoPhicotho-zincwadi incediswa luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kuxanduva lwayo lokongamela imisebenzi. Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi lwenza uphononongo olwenziwa rhoqo nolo lulungiselelwe injongo ethile lolawulo neenkqubo zobungozi zize iziphumo zixelwe kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | Amanqaku | eyoKwindla 2015 | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |

**19 Izixhobo zemali (iyaqhutywa)**

*Ubungozi bamatyala*

Ubungozi bamatyala bubungozi belahleko yemali kwiPlayhouse Company obuvela xa umthengi okanye ilungu elihamba nelinye besilela ukuhlangabezana neemfanelo zabo zekontrakti kuze oko kuvele kwizinto zePlayhouse Company ezifunyanwa kubaxumi.

Inzuzo yempahla elixabiso eyimali imele ubhenco kubungozi bamatyala olukhulu. Ubukhulu bobhenco kubungozi bamatyala ngowama-31 kweyoKwindla 2014 bebumi ngolu hlobo :

| | 2015 R | 2014 R |
|---|---|---|
| Urhwebo nezinye izinto ezifunyanwayo (inqaku 12) | 1 368 301 | 721 234 |

*Urhwebo nezinye izinto ezifunyanwayo*

Ubhenco lwePlayhouse Company kubungozi bamatyala luphenjelelwa kakhulu ziimpawu zomthengi ngamnye. Uluhlu lwabathengi lwePlayhouse Company kuquka nobungozi bokusilela ukuhlawulwa kwamatyala kwishishini kunye nelizwe abasebenza kulo abathengi, izinto ezi ezingenafuthe lingako kubungozi bamatyala.

Ubuninzi bezinye izinto ezifunyanwayo nenzuzo zinxulumene nengeniso yenzala efunyanwa kumaziko emali ngemali etyalwe kwiidiphozithi ezimisiweyo.

Iimali ezityalwa ngokorhwebo ziquka imali engekahlawulwa yezi nkonzo zilandelayo:

Ukuqeshwa kwelori - iidiphozithi okanye iinombolo zeodolo zifunyanwa ngaphambi kokuba ilori siqeshiselwe imisitho yenkcubeko.

Irenti - Iidiphozithi zabantu abaqeshileyo ziyagcinwa.

Ukuqeshiswa kwendawo yokubambela imisitho - Iidiphozithi zifunyanwa kwantlandlolo.

Impahla yemiboniso/impahla yeqonga/ukuqeshisa ngeewigi - imirhumo ifunyanwa ngaphambi kokuqeshiswa kwezinto.

Intengiso yamatikiti - imali ifunyanwa kwintengiso yamatikiti emnyango okanye eComputicket.

Umgaqo-nkqubo wePlayhouse Company uqwalasela ubhenco lwayo kubungozi bamatyala rhoqo ngenyanga. Xa kuphela unyaka ubukhulu bobhenco kubungozi bamatyala buxelwa linani eliyinzuzo lempahla yexabiso eyimali nganye.

Ukubalwa kokuxatyiswa ngobulungisa korhwebo nezinye izinto ezifunyanwayo kuyenziwa kodwa ulungelelwaniso alwenziwa njengoko inani lolungelelwaniso lingaphatheki.

| Ingcalulo yorhwebo nezinye izinto ezifunyanwayo ngenjongo yokunika ingxelo: | 2015 R | 2014 R |
|---|---|---|
| ama-90 eentsuku nangaphezulu | 14 473 | 9 889 |
| ama-60 eentsuku | - | 3 539 |
| ama-30 eentsuku | 33 562 | 9 654 |
| Ezikhoyo | 1 320 266 | 698 152 |
| | 1 368 301 | 721 234 |

*Utyalo-mali*

IPlayhouse Company inciphisa ubhenco lwayo kubungozi bamatyala ngokuthi ityale imali kuphela kwizinto ezinokuthengiswa lula nakwiibhanka nakumaziko emali avunyiweyo.

*Iziqinisekiso*

Umgaqo-nkqubo wePlayhouse Company kukunika iziqinisekiso zemali kwiinkonzo ezixeliweyo kuphela.

Iziqinisekiso ezikhutshiweyo ngowama-31 kweyoKwindla 2015 zimi ngolu hlobo:

Iinkonzo zikaMasipala waseThekwini - R 277 816

Iinkonzo zomphathi weofisi yeposi - R 30 360

Iziqinisekiso ziza kuphelelwa ngomhla wama-31 kweyoMnga 2025 kwaye azisayi kuvuselelwa.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | Amanqaku | eyoKwindla 2015 | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |

**19 Izixhobo zemali (iyaqhutywa)**

*Ubungozi bokutshona*

Ubungozi bokutshona bubungozi obuchaza ukuba iPlayhouse Company ayinakukwazi ukuhlawula iimfanelo zayo zemali ngexesha elifanelekileyo. Indlela iPlayhouse Company ekulawula ngayo ukutshona kukuqinisekisa ukuba isoloko inemali eyaneleyo ukuze ikwazi ukuhlawula amatyala ayo ngexesha phantsi kweemeko zesiqhelo nezoxinzelelo ngaphandle kokwenza ilahleko engeyomfuneko okanye ukubeka esichengeni isidima sePlayhouse Company.

IPlayhouse Company ihlawula amatyala ayo rhoqo ngeveki. Lwenziwa kwantlandlolo uvavanyo lwamatyala afuna ukuhlawulwa. Kuye kufakwe imali kwiakhawunti yebhanka ukuze ihlawule amatyala rhoqo ngeveki. Intsalela ityalwa inyanga nenyanga kutyalo-mali olunika inzala encumisayo.

Kungumgaqo-nkqubo wePlayhouse Company uhambisana neSebe lezoBugcisa neNkcubeko likaZwelonke ukungabolekisi ngemali. Ngoko ke akukho matyala avulwayo kweli ziko.

Imali eziinkozo ekhoyo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015 ibiyi-R104 836 993 (2014 - R81 196 869).

*Ubungozi borhwebo*

Ubungozi borhwebo bubungozi obuguqula amaxabiso kushishino afana nokokuba inzala yemali-mboleko iyayichaphazela ingeniso yePlayhouse Company. Injongo yolawulo lobungozi boshishino kukulawula ubhenco kubungozi borhwebo kwimida eyamkelekileyo lo gama kusandiswa ingeniso.

Umgaqo-nkqubo wePlayhouse Company ohambisana neSebe lezoBugcisa neNkcubeko likaZwelonke kukutyala imali eziinkozo eyintsalela. Inzala encumisayo namaxesha okutyala imali ayafumaneka kwiibhanka eziliqela. Kwenziwa isiphakamiso size sivunywe ngabaphathi abayintloko.

*Ubungozi bamandla emali*

IPlayhouse Company ayinanxulumano nentengiselwano yeemali zangaphandle ngoko ke ayinabhenco kobu bungozi.

*Ubungozi benzala yemali-mboleko*

Kungumgaqo-nkqubo wePlayhouse Company uhambisana neSebe lezoBugcisa neNkcubeko likaZwelonke ukungabolekisi ngemali. Ngoko ke akukho matyala avulwayo kweli ziko. Akukho bungozi bunxulumene neenguqu kwinzala yemali-mboleko kweli ziko.

Umgaqo-nkqubo wePlayhouse Company ohambisana neSebe lezoBugcisa neNkcubeko likaZwelonke kukutyala imali eziinkozo eyintsalela. Inzala encumisayo namaxesha okutyala imali ayafumaneka kwiibhanka eziliqela. Kwenziwa isiphakamiso size sivunywe ngababphathi abayintloko.

| **Iprofayili** | 2015 | | 2014 | |
|---|---|---|---|---|
| Isixhobo senzala eguquguqukayo | Inzala yemali-mboleko % | Inani lenzuzo | Inzala yemali-mboleko % | Inani lenzuzo |
| FNB - ama-60 eentsuku | | - | 5,50 | 3 500 000 |
| FNB - i-120 leentsuku | 6,45 | 10 000 000 | 6,00 | 7 000 000 |
| Investec - i-120 leentsuku izinzile | 6,40 | 12 146 586 | 6,00 | 15 000 000 |
| Nedbank - ama-60 eentsuku izinzile | | - | 5,40 | 5 000 000 |
| Nedbank - i-120 leentsuku izinzile | 6,05 | 16 337 008 | 6,05 | 16 000 000 |
| ABSA - ama-90 eentsuku | 6,20 | 3 000 000 | | - |
| ABSA - i-120 leentsuku izinzile | 6,39 | 10 500 000 | 6,05 | 5 000 000 |
| Standard Bank - ama-60 eentsuku | | - | 5,50 | 3 500 000 |
| Standard Bank - ama-90 eentsuku | | - | 6,00 | 10 000 000 |
| Standard Bank - i-120 leentsuku | 6,47 | 15 000 000 | 6,00 | 7 500 000,00 |
| | | 66 983 594 | | 72 500 000 |

Ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015, ukuba ngaba inzala yemali-mboleko ibimi kumanqaku ali-100 ngaphantsi okanye ngaphezulu kwanazo zonke ezinye izinto ezizinguqu zimi ndawonye ingeniso ibiza kwanda okanye inciphe ngama-R 669 984.

Ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015 amanani enzuzo emali eziinkozo nemali elingana nayo, urhwebo nezinto ezifunyanwayo nezinye izinto ezihlawulwayo zithelekelelwa amaxabiso azo afanelekileyo ngenxa yokuvuthwa kwazo ngexesha elifutshane. Izinto zorhwebo ezifunyanwayo nezihlawulwayo ziza kuvuthwa kwiintsuku ezingama-30 ukusa kwezingama-60.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | Amanqaku | eyoKwindla 2015 | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |

**19 Izixhobo zemali (iyaqhutywa)**

*Amaxabiso afanelekileyo*

Amaxabiso afanelekileyo empahla yexabiso kunye namatyala ayafana namaxabiso enzuzo aboniswe kwiphepha elibonisa umncono.

**20 Ukungayihlawuliswa irhafu**

IPlayhouse Company ayiyihlawuliswa irhafu ngokweCandelo le-10 (1)(cA)(I) loMthetho weNgeniso yeRhafu.

| | | 2015 | 2014 |
|---|---|---|---|
| **21** | **Imivuzo yabaphathi abayintloko nebhunga** | | |
| | ***Abaphathi abayintloko*** | | |
| | ***L Bukhosini - Tshzmpz 13 - Kwndl 14 (iNgqonyela nomlawuli wezobugcisa)*** | 1 660 773 | 1 541 079 |
| | Umvuzo | 1 320 122 | 1 222 336 |
| | Ibhonasi | 110 010 | 101 861 |
| | Umhlala-phantsi, isibonelelo sezempilo | 217 820 | 201 685 |
| | Iselfowuni nokunye | 12 821 | 15 197 |
| | ***A Mohanparasadh - Tshzmpz 13 - Kwndl 14 (iGosa eliyiNtloko lezemali)*** | 1 099 821 | 1 031 967 |
| | Umvuzo | 994 710 | 921 029 |
| | Ibhonasi | 82 893 | 76 752 |
| | Iselfowuni nokunye | 22 218 | 34 186 |
| | ***O Hlangu - Tshzmpz 13 - Kwndl 14 (umanejala weenkonzo zenkxaso)*** | 924 795 | 854 157 |
| | Umvuzo | 715 788 | 662 766 |
| | Ibhonasi | 59 649 | 55 231 |
| | Umhlala-phantsi, isibonelelo sezempilo | 136 177 | 127 428 |
| | Iselfowuni nokunye | 13 181 | 8 732 |
| | ***Abaphathi abayintloko bebonke*** | **3 685 389** | **3 427 203** |
| | ***Amalungu ebhunga neekomiti eziphantsi kwalo*** | **175 968** | **213 698** |
| | TS January MacLean - Chairperson of Council (1/4/2014 - 30/9/2014) | 10 560 | 19 797 |
| | HC Mgabadeli - Chairperson of Council (1/12/2014 - 30/9/2014) | 25 088 | - |
| | L Theron* - Deputy chairperson of Council (1/4/2014 - 30/9/2014) | 6 104 | 13 980 |
| | JT Mtshali - Deputy chairperson of Council (1/12/2014 - 31/3/2015) | 12 544 | - |
| | M Mvulane** (1/4/2014 - 30/9/2014) | 14 792 | 18 296 |
| | Suresh Naidoo (1/4/2014 - 30/9/2014) | 10 640 | 22 419 |
| | M Rajab (1/4/2014 - 30/9/2014) | 6 288 | 18 286 |
| | Sadha Naidoo (1/4/2014 - 30/9/2014) | 4 112 | 20 233 |
| | T Shezi (1/4/2014 - 30/9/2014) | 6 408 | 14 174 |
| | NM Nala (1/4/2014 - 30/9/2014) | 6 408 | 14 174 |
| | S Gounden (1/3/2014 - 31/3/2015) | 12 816 | 14 392 |
| | TSS Ngcobo (1/4/2014 - 30/9/2014) | 4 112 | 12 118 |
| | R Ashe (1/4/2014 - 30/9/2014) | 10 640 | 24 819 |
| | B Mngoma** (1/4/2014 - 30/9/2014) | 6 408 | 8 653 |
| | C Jugnarayan** (1/4/2014 - 30/9/2014) | 6 408 | 12 357 |
| | N Mbele (1/12/2014 - 31/3/2015) | 8 704 | - |
| | FE Khumalo (1/12/2014 - 31/3/2015) | 10 880 | - |
| | KB Kunene (1/12/2014 - 31/3/2015) | 6 528 | - |
| | M Purkey (1/12/2014 - 31/3/2015) | 4 352 | - |
| | L Ntuli (1/12/2014 - 31/3/2015) | - | - |
| | SP Ndlela (1/12/2014 - 31/3/2015) | 2 176 | - |
| | Imivuzo iyonke | 3 861 357 | 3 640 901 |

* Kufunyenwe imvume yokufumana imirhumo nezibonelelo kuMphathiswa wezoBulungisa.

** Ilungu langaphandle elizimeleyo leKomiti yoPhicotho-zincwadi.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | Amanqaku | eyoKwindla 2015 | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |

**22 Izibonelelo zomhlala-phantsi**

Abasebenzi abasisigxina bathabatha inxaxheba kwingxowa yomhlala-phantsi eyasungulwa yiPerforming Arts Companies of South Africa okanye ingxowa yesibonelelo eyasungulwa yimanyano yabasebenzi iSouth African Commercial Catering and Allied Workers Union. Ingxowa-mali yomhlala-phantsi neyesibonelelo zilawulwa nguMthetho weNgxowa-mali yoMhlala-phantsi. Ingxowa-mali yesibonelelo ichazwa ngezicwangciso zokunikela kwaye ayifuni kuxatyiswa ngamaxesha athile.

Umnikelo kwingxowa-mali yesibonelelo yi-R2 685 910 (2014: R2 545 111) kwaye uqukwa kwiindleko zabasebenzi.

**23 Amaqela anxulumeneyo**

*23.1. Isebe lezoBugcisa neNkcubeko likaZwelonke.*

Izibonelelo ezifunyenwe kulo nyaka-mali zifikelele kuma-R 43 085 000, kwaye ezonyaka-mali ka-2015/16 ziza kufikelela kuma-R 39 576 000. Ukuhla kwezibonelelo nge-R3 509 000 kudalwe kukuthotywa kwesabelo-mali liSebe leZemali likaZwelonke.

*23.2. Isebe lezoBugcisa neNkcubeko laseKZN*

Isibonelelo esifunyenwe kunyaka-mali ka-2014/15 sifikelele kwi-R7 445 000 kwaye sifunyenwe ngezavenge ezimbini.

23.3. uMasipala waseThekwini

Ifikelela kwi-R3 000 000 intlawulo efunyenwe kulo nyaka-mali ngowama-26 kweyoMdumba 2015 nelungiselelwe ixesha eliphakathi kowoku-1 kweyeKhala 2014 nowama-30 kweyeSilimela 2015 ngokungqinelana nonyaka-mali womasipala. Imali efikelela kuma-R750 000 yenyanga kaTshazimpuzi, ekaCanzibe neyeSilimela 2015 irhoxiselwe unyaka-mali ka-2015/16. Intlawulo yenkxaso ekwi-R2 250 000 (2014: R3 802 640) ibhalwe njengengeniso yalo nyaka, i-R2 250 000 (R3 000 000 - R750 000) kunye ne-R0 erhoxiswe kunyaka-mali ophelileyo.

*23.4. Isebe leMisebenzi kaRhulumente*

Isebe lilo elingumnini osemthethweni womhlaba nezakhiwo ezisetyenziswa yiPlayhouse Company kwaye iPlayhouse Company ayikuhlawuleli ukusebenzisa lo mhlaba nezakhiwo.

*23.5. IKwaZulu-Natal Philharmonic Orchestra - KZNPO*

Ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 1998 iPlayhouse Company yathi yathoba ubukhulu bokusebenza kwayo ngokungqinelana nemithetho-siseko equlethwe liPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo leSebe lezoBugcisa, iNkcubeko, ezobuNzululwazi nobuChwepheshe. Zimbini iinjongo ezingundoqo ezaziqhuba oku kulungiswa ngokutsha: ukususa intsilelo eyabelwe imali kunye nokumilisela izicwangciso zokuthintela intsilelo kwixa elizayo. Enye indlela yokunciphisa inkcitho yayikukubhalisa iKZNPO njengombutho ongenzi nzuzo ozimeleyo weCandelo lama-21. Ngenxa yezi nguqu la maziko mabini avuma ukusungula ubudlelwane axhamla kubo omabini.

Kukho isivumelwano sentsebenziswano esityikitywe yiPlayhouse Company neKZNPO. Esi sivumelwano siquka ezi zinto zilandelayo:

a) Ukusebenzisa indawo ethile kwisakhiwo solawulo sePlayhouse Company.

b) Ukufikelela kwiinkonzo zemali nezemicimbi yabasebenzi abazihlawulelayo.

c) Njengenxalenye yenkqubo yokulungiswa ngokutsha ngo-1999 impahla yexabiso (izixhobo ze-orchestra, imibhalo-ngqangi namanqaku ezixabisa ama-R328 739 zagqithiselwa kwiKZNPO simahla.

d) IPlayhouse Company ifumana isaphulelo kwiinkonzo zobugcisa ezinikwa yiKZNPO kwiPlayhouse Company.

IPlayhouse Company isebenzise iinkonzo zeKZNPO kwiimveliso eziliqela ngobuchule nemvisiswano enceda la maziko ukuze anike iinkonzo ngokwegunya leziko ngalinye.

| | | 2015 | 2014 |
|---|---|---|---|
| Iintlawulo ezenziwa yiPlayhouse Company kwiKZNPO | | 469 067 | 1 686 912 |
| Iintlawulo ezenziwa yiKZNPO kwiPlayhouse Company | | 373 122 | 240 265 |

IKZNPO kuphela kweorkhestra enika iinkonzo ezikumila kunje KwaZulu-Natala. Ukusebenzisa iziko lasekuhlaleni konga imali nto leyo inciphisa iindleko zohambo nezokulala.

Ingqonyela yeKZNPO itshate neNgqonyela yePlayhouse Company.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | Amanqaku | eyoKwindla 2015 | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |

**23 Amaqela anxulumeneyo (iyaqhutywa)**

*23.6. Ibhunga*

IBhunga lonyulwa nguMphathiswa wezoBugcisa neNkcubeko ukuze longamele lize liqinisekise ulawulo lwequmrhu olunobulungisa. IBhunga lineekomiti eziliqela ezingaphantsi kwalo ezifana neKomiti yeZemali, eyoPhicotho-zincwadi noLawulo lweQumrhu, eyeMicimbi yaBasebenzi neMivuzo ezikhokela nezincedisa abaphathi abathi baqeshwe liBhunga. Jonga inqaku lama-20 - imbuyekezo.

Unkszn. TS January Maclean ube sisithethi sembeko kwi*"Intergenerational Dialogue"*ngethuba leWoman's Arts Festival ngo-2014, ekwenza oku esikhundleni sakhe sokuba ngumqeqeshi netshantliziyo lezobugcisa. Wahlawulwa ama-R4 000 ngokunika le nkonzo.

*23.7. Imivuzo yamagcisa*

IPlayhouse Company yenze ubudlelwane neSebe lezoBugcisa neNkcubeko kunye neAssembly George Square Studio One bomboniso nokhenketho lwe"Race" ekungumdlalo wedrama eEdinburgh Festival Fringe ngo-2014. Le mveliso yaboniswa eqongeni ngeyeThupha 2014.

Elinye kumagcisa awayeyinxalenye yalo mboniso nguNkszn Nondumiso Tembe ongumdlali wemiboniso oneembasa nosele esebenze kumaqonga aliqela akweli nawamazwe ngamazwe nakumajelo kamabonakude. Wahlawulwa i-R175 172, (2014: R75 000) ngeenkonzo zakhe zobugcisa kwiRace nakwi "A Christmas Celebration" apho wayephakathi kwamanye amagcisa angama-220. Uyintombi yeNgqonyela uNkskz Linda Bukhosini.

Kulo nyaka uphononongwayo, iPlayhouse Company isebenzisane nelinye kula magcisa angama-220 uMnu Bongani Tembe oyimvumi yetenala edumileyo kwihlabathi kuthotho lweekonsathi zomboniso wemveliso ethi "A Christmas Celebration". Uhlawulwe imali ekuma-R80 000 (2014: R0).

IPlayhouse Company ibonise iimveliso eziliqela ibhiyozela inyanga yamanina phantsi kweWomen's Arts Festival. Elinye kumagcisa angama-37 ayedlala kulo mnyhadala nguNkszn Naima Mclean oyimbongi/nomdlali wemiboniso ovunyiweyo kwaye sele edlale kumaqonga obugcisa aliqela kweli lizwe nawehlabathi. Uhlawulwe R0 (2014: R 10 000) ngeenkonzo zakhe. Uyintombi kaNkszn TS January Mclean onguSihlalo webhunga.

*23.8. Abaphathi*

UMnu. O Hlangu uyimanejala yeenkonzo zenkxaso ePlayhouse Company. Wayefudula engumlawuli weProsound (Pty) Ltd. NgeyoMqungu 2014 uMnu. O Hlangu wasishiya isikhundla sokuba ngumlawuli. Ngexesha eliphakathi kwekaTshazimpuzi 2014 ukusa kweyoKwindla 2015 iPlayhouse Company ihlawule iProsound (Pty) Ltd imali efikelela kwi-R 3 142 920 (2014: R 18 871) yokuthenga izixhobo zesandi nezokulayita.

*23.9. Abasebenzi abangundoqo*

Ingqonyela nomlawuli wezobugcisa - Linda Bukhosini

Igosa eliyintloko yezemali - Amar Mohanparasadh

Umanejala weenkonzo zenkxaso - Oscar Hlangu

**24 Izehlo zakamva**

Akukho zehlo zibalulekileyo ezenzeke phakathi komhla wokwenziwa kwephepha elibonisa intsalela/umncono nomhla wale ngxelo.

**25 Inkcitho enxamnye nomthetho, engenaziqhamo okanye eyilahleko**

Akukho lahleko yenziwe kukuziphatha okwaphula umthetho kwaye akukho nkcitho inxamnye nomthetho, ingenaziqhamo okanye eyilahleko eyenziwe ngonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2015.

**26 Iziniki-maxabiso ezingarhoxiswayo ezibophelelayo**

Ngomhla wokwenziwa kwephepha elibonisa umncono iPlayhouse Company ibinembophelelo engekenziwa enxululmene neziniki-maxabiso ezingarhoxiswayo ezinikwe apha enyakeni.

| | | 2015 R | 2014 R |
|---|---|---|---|
| Iziniki-maxabiso zinikwe ngolu hlobo: | | | |
| Umsebenzi wokuphuculwa kwezindlu zangasese ngaphandle nangaphakathi | | - | 6 539 844 |
| Ukufakelwa kophahla lweAlhambra neTudor | | 1 130 626 | 2 929 171 |
| Ukufakelwa kwemikhusane nezilengalenga eOpera Theatre | | 1 093 055 | - |
| | | 2 223 681 | 9 469 015 |

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

| | | Amanqaku | eyoKwindla 2015 R | Ixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014 R |
|---|---|---|---|---|
| **27** | **Amanani othelekiso** | | | |
| | Impazamo yonyaka ogqithileyo (inqaku 2) Iinxulumene nokunikwa ixabiso elifanelekileyo kwempahla yexabiso evela kunyaka ka-2007 neminyaka engaphambili koko. Iziphumo zorhwebo zeminyaka engaphambili zixeliwe kwakhona. Iingxelo zemali zonyaka zikubhengeza oku njengeenkcukacha"zemali "ezixelwe kwakhona ngeyoKwindla 2014. | | | |
| **28** | **Ukumanywa koqingqo-mali nengxelo yokusebenza kwemali** | | | |
| | (Intsalela yentsilelo)Intsalela kwingxelo nganye yokusebenza kwemali | | (2 752 404) | 5 223 726 |
| | Ilungiselelwe: | | | |
| | (Ukwanda) Ukuhla kwesibonelelo esivela kwiDAC | | 12 957 181 | (11 402 309) |
| | Ukwanda kwesiboneleleo esifunyenweyo | | 1 552 640 | (334 141) |
| | Ukwanda kwenkxaso-mali yokuboniswa kweemveliso | | (1 151 891) | (1 346 620) |
| | Ukwanda kwengeniso yemveliso | | (1 095 009) | (2 331 480) |
| | Ukwanda kwengeniso yentengiso yotywala neyamathuba ngamathuba | | - | (417 000) |
| | Ukwanda kwengeniso yemali | | (637 968) | (1 605 508) |
| | Ukwanda(Ukuhla) kweendleko zokuvelisa | | (184 276) | 1 211 437 |
| | Ukuhla kokuvuzwa kwabasebenzi njengoko ezinye izithuba zingekazaliswa | | (2 792 761) | (2 769 778) |
| | Ukuhla kwezinto ezityiwayo, umbane nezokucoca | | (726 195) | (896 693) |
| | Ukuhla kwenkcitho yebhunga | | (251 837) | - |
| | Ukuhla kwenkcitho yeefoni | | (102 383) | - |
| | Ukwanda(Ukuhla) kwemirhumo yophicotho-zincwadi | | - | 127 906 |
| | Ukuhla kweendleko zokhuseleko | | - | (791 626) |
| | Ukuhla kweendleko zokulungisa nezokugcina | | (735 912) | (1 517 842) |
| | Ukuhla kwenkcitho yokunye ukusebenza | | (329 876) | (975 944) |
| | Intsilelo kwintengiso yempahla yexabiso | | 186 892 | - |
| | Ukuhla kwexabiso | | 15 648 989 | 13 088 811 |
| | Inkcitho eyinkunzi ebekelwe imali kodwa engafakwanga kwingxelo yokusebenza kwemali | | (47 364 345) | (39 772 299) |
| | **Intsilelo eyintsalela kuqingqo-mali oluvunyiweyo ngalunye (kuquka necapex)** | | (27 779 157) | (44 509 360) |

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

29,1 *Ukumanya uqingqo-mali nengxelo yokusebenza kwemali - inkcitho yokusebenza*

**INGXELO YOKUSEBENZA KWEMALI - IMALI EKHOYO NEQINGQIWEYO**

| | 2015 IMALI EKHOYO | 2015 IMALI EQINGQWE EKUQALENI | 2015 UQINGQO-MALI OLUHLAZIYIWEYO | 2015 UMAHLUKO | 2015 UMAHLUKO |
|---|---|---|---|---|---|
| | R 000 | R 000 | R 000 | R 000 | % |
| **INGENISO** | 65 950 826 | 78 458 298 | 78 303 140 | (12 352 314) | |
| Izibonelelo | 59 222 819 | 73 960 798 | 73 732 640 | (14 509 821) | -20% |
| Ingeniso yokuvelisa | 1 187 579 | 1 730 000 | 1 730 000 | (542 421) | -31% |
| Amalizo nenkxaso-mali | 1 151 891 | - | - | 1 151 891 | 0% |
| Irenti engenileyo | 325 274 | 420 000 | 370 000 | (44 726) | -12% |
| Ukuqeshwa kweendawo zemiboniso, impahla yokudlala neesethi | 3 057 430 | 1 495 000 | 1 420 000 | 1 637 430 | 115% |
| Ingeniso yendawo yokubhukishela izihlalo- iimveliso zangaphandle | 169 900 | 150 000 | 150 000 | 19 900 | 13% |
| Ibhari nezinye iintengiso | 314 067 | 500 000 | 500 000 | (185 933) | -37% |
| Ingeniso yamathuba athile | 521 866 | 202 500 | 400 500 | 121 366 | 30% |
| **INKCITHO** | 73 841 198 | 63 388 841 | 63 217 953 | (10 623 244) | |
| Iindleko zokuvelisa | 11 831 450 | 12 015 725 | 12 015 726 | 184 276 | 2% |
| Iindleko ezinxulumene nabasebenzi | 27 493 031 | 30 106 906 | 30 285 792 | 2 792 761 | 9% |
| Ingxelo yonyaka | 90 705 | 110 000 | 110 000 | 19 295 | 18% |
| Imirhumo yabaphicothi-zincwadi bangaphandle | 913 545 | 500 000 | 800 000 | (113 545) | -14% |
| Imirhumo yabaphicothi-zincwadi bangaphakathi | 384 256 | 400 000 | 400 000 | 15 744 | 4% |
| Iindleko ezinxulumene neBhunga | 128 163 | 640 000 | 380 000 | 251 837 | 66% |
| Ucoceko nogutyulo lwelindle | 1 207 209 | 1 240 700 | 1 325 700 | 118 491 | 9% |
| Izinto ezityiwayo | 909 511 | 1 445 000 | 1 441 500 | 531 989 | 37% |
| Umbane | 3 403 294 | 3 547 500 | 3 597 500 | 194 206 | 5% |
| Ukhuseleko | 2 780 099 | 2 750 000 | 2 750 000 | (30 099) | -1% |
| Iinshorensi | 303 864 | 294 500 | 294 500 | (9 364) | -3% |
| Iindleko zomthetho | 85 403 | 50 000 | 50 000 | (35 403) | -71% |
| Intengiso | 1 575 908 | 1 000 000 | 1 000 000 | (575 908) | -58% |
| Ukulungiswa nokugcinwa | 2 146 088 | 3 876 250 | 2 882 000 | 735 912 | 26% |
| Umnxeba | 337 817 | 426 700 | 440 200 | 102 383 | 23% |
| Uqeqesho | 367 138 | 370 000 | 370 000 | 2 862 | 1% |
| Uhambo - kweli lizwe naphesheya kweelwandle | 562 184 | 600 000 | 600 000 | 37 816 | 6% |
| Amanzi | 364 453 | 355 000 | 315 000 | (49 453) | -16% |
| Ukuhla kwexabiso | 15 648 988 | - | - | (15 648 988) | 100% |
| Inkcitho gabalala | 3 308 092 | 3 660 560 | 4 160 035 | 851 943 | 20% |
| **Intsilelo kwimisebenzi** | (7 890 372) | 15 069 457 | 15 085 187 | (22 975 558) | |
| Inzala efunyenweyo | 5 137 968 | 3 258 000 | 4 500 000 | 637 968 | 14% |
| **Intsalela yonyaka** | (2 752 404) | 18 327 457 | 19 585 187 | (22 337 590) | |

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

**Ingcaciso yomahluko obonakalayo**

Isibonelelo esiyinkunzi sifunyenwe ngowama-31 kweyoKwindla 2015.

Akukho mveliso yokuphela konyaka inikiweyo nto leyo ibangele ukuhla kwentengo yamatikiti nengeniso.

Ingeniso yenkxaso-mali efunyenwe kwiSebe lezoBugcisa neNkcubeko yokhuphiswano lweNgoma neScathamiya kunye nokhenketho lwezikolo.

Ukuncipha kwenani lezivumelwano zokuqeshisa iindawo ngenxa yokuhamba kwabantu abaqeshileyo.

Ingeniso yabaqeshi bangaphandle ibe ngaphezulu kwemali ebiqingqiwe ngesigidi esi-R1, iqonga elijikelezayo libe ngaphezulu ngama-R 446 000.

Ingeniso yeemveliso zokuqeshisa ngaphandle ibe ngaphaya kwaleyo ebilindelekile.

Akukho mveliso yokuphela konyaka yexesha elide enikiweyo nto leyo idale intengo ephantsi yasebharini

Iidiphozithi zeziniki-maxabisonokuqeshisa ngeendawo zokubambela imisitho kugqithe ngaphaya kwemali ebiqingqiwe ngama-R98 000.

Kungenxa yezithuba zomsebenzi ezivulekileyo kwaye iziko likwimigudu yokuzizalisa.

Imali eyongiwe kushicilelo nopapasho lwengxelo yonyaka ka-2014.

Imirhumo yoMphicothi-zincwadi Jikelele yophicotho-zincwadi lwango-2014.

Imali eyongiwe ngokungayi kwinkomfa yeISPA ngeyeSilimela 2014 nangeyoMqungu 2015.

Imali eyongiwe ngenxa yamaphulo okonga imali.

Imali eyongiwe embaneni njengoko izibane zokonga umbane zihlala ixesha elide kwaye azitshintshwa rhoqo. Imali eyongiwe kwezinye izinto ezityiwayo ihambisana namaphulo okonga imali.

Inkcitho yombane ixhomekeke ikakhulu kwinani lemiboniso nobukhulu bezixhobo zokulayita eqongeni ezifunekayo. Kuyabonakala ukuba kubekho ukonga kwizixhobo zokulayita eqongeni.

Ukuphononongwa kweekontrakti zokuvelisa bekungabekelwanga mali.

Intengiso yeemveliso iqiniswe ngokusebenzisa imali ebekelwe intengiso yequmrhu.

Kubekwe amanyathelo olawulo lweendleko emva kokufumana isaziso sokuncitshiswa kwesabelo-mali esivela kwiSebe leZemali likaZwelonke

Imali eyongiweyo ngenxa yamaphulo okonga imali.

Iihambo zophapho kunye nendawo yokulala zibekiswa kwangoko ukuze kufunyanwe amaxabiso athotyiweyo. Imali eyongiwe kwiindleko zeendawo zokulala idalwe ngumyalelo ovela kwiSebe leZemali likaZwelonke wokuthoba ixabiso lendawo yokulala.

Uqingqo-mali lwasekuqaleni lwathotywa ngempazamo.

Into engangenisi mali engabekelwa mali rhoqo ngonyaka.

Imali yesigcinelo esithandabuzekayo sama-R 500 000 ayisetyenziswanga. Imali eyongiwe kwiindleko eziliqela ngenxa yamaphulo okonga imali.

Imali etyalwe kwiibhanka inika inzala encumisayo.

## Amanqaku eengxelo zemali zonyaka (iyaqhutywa)

29.2 *Ukumanya uqingqo-mali nengxelo yokusebenza kwemali - inkcitho yemali eyinkunzi*

**IZONGEZO KWIMPAHLA YEXABISO EZINZILEYO - UQINGQO-MALI NEMALI EKHOYO**

| | 2015 IMALI EKHOYO | 2015 IMALI EQINGQWE EKUQALENI | 2015 UQINGQO-MALI OLUHLAZIY-IWEYO | 2015 UMAH-LUKO | 2015 UMAH-LUKO | Inkcazelo yomahluko obonakalayo |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | R 000 | R 000 | R 000 | R 000 | % | |
| Izixhobo zaseofisini | 75 939 | 125 000 | 795 000 | 719 061 | 90% | Kulibazisekile ukuthengwa kwezinye zezixhobo zaseofisini emva kokufumana isaziso sokuncitshiswa kwesabelo-mali liSebe leZemali likaZwelonke |
| Izixhobo zekhompyutha | 290 628 | 315 000 | 315 000 | 24 372 | 8% | Kulibazisekile ukuthengwa kwezixhobo zekhompyutha emva kokufumana isaziso sokuncitshiswa kwesabelo-mali liSebe leZemali likaZwelonke |
| Ezothutho | 1 045 067 | 1 400 000 | 1 400 000 | 354 933 | 25% | Ukonga imali kwixabiso lokuthenga ilori emva kothethathethwano. |
| Izixhobo zaseqongeni | 171 886 | 19 400 000 | 38 235 000 | 38 063 114 | 100% | Bezisaqhubeka iinkqubo zeziniki-maxabiso ekupheleni konyaka. Uza kuqala umsebenzi ekuqaleni konyaka-mali omtsha. Isibonelelo seCapex sezigidi ezingama-R24.4 sifunyenwe ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015. |
| Izakhiwo | 6 307 351 | - | 6 619 000 | 311 649 | 5% | Iziniki-maxabiso zinikiwe kwaye uphele unyaka sele uqalisile umsebenzi. |
| Imali iyonke | **7 890 871** | **21 240 000** | **47 364 000** | **39 473 129** | 83% | |

